URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo

INgxelo yoNyaka
2018/2019

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

URhulumente weNtshona Koloni

IVoti 13

INgxelo yoNyaka

2018/2019

ISBN: 978-0-621-47425-1

Isiqulatho

ICandelo A 4

1. IiNkcukacha zeSebe ngokuBanzi 5
2. Uluhlu lwezifinyezo/ lwezishunqulelo 6
3. Intshayelelo 9
4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo 10
5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchanekla kweNgxelo yoNyaka 16
6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga 17
6.1 Umbono 17
6.2 Umnqophiso 17
6.3 Iimpawu zentsulungeko 17
7. Amagunya omthetho namanye 17
7.1 Amagunya ngokoMgaqo-siseko 17
7.2 Amagunya ezomthetho 20
7.3 Amagunya omgaqo-nkqubo 24
8. Isimo soMbutho 27
9. Amaqumrhu eSebe anika ingxelo kuMphathiswa 29

I C a n d e l o B 32

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: Iinjongo ezimiselweyo 33
2. Amavandlakanya ngokusebenza kweSebe 33
2.1. Imeko yokunikezelwa kweenkonzo 34
2.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo 39
2.3. Isimo soMbutho 51
2.4. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ongundoqo kunye neenguqu zomthetho 52
3. IiNjongo eziSekelwe kwisiPhumo seQhinga lokuSebenza 54
4. INgcaciso yoMsebenzi ngokweNkqubo nganye 60
4.1. Inkqubo 1: ULawulo 60
4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko 65
4.3 INkqubo 3: IiNkonzo zaMathala eeNcwadi nooVimba 81
4.4 INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo 95
5. Uweliselo-mali 112
5.1. Uweliselo-mali kumaQumrhu kaRhulumente 112
5.2. Uweliselo-mali kwimibutho ngaphandle kwamaQumrhu kaRhulumente 114
6. Izibonelelo-mali ezineMiqathango 146

6.1. IZibonelelo-mali ezineMiqathango kunye neeMali ezibekwe bucala zihlawuliwe 146
6.2. Izibonelelo-mali ezineMiqathango neNgxowa-mali eziChongiweyo ezifunyenweyo 146
7. Izixa-mali zomnikelo 153
8. UTyalo-mali lweNkunzi 154
8.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi 154

ICandelo C 155
1. Intshayelelo 156
2. Ukulawulwa komngcipheko 156
3. Ubuqhopololo norhwaphilizo 159
4. Ukunciphisa ukuba nedolo ekwenzeni umsebenzi weSebe 160
5. Umgaqo wokuziphatha 160
6. Ezempilo, ukhuseleko nemiba yokusingqongileyo 161
7. Iikomiti zepalamente 162
8. Izindululo zeSCOPA 163
9. Utshintsho lwangaphakathi kwiingxelo zophicotho-zincwadi 163
10. Icandelo lolawulo lwangaphakathi 163
11. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi neekomiti zophicotho-zincwadi 164
12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-Zincwadi 165

ICandelo D 169
1. Intshayelelo 170
2. Izinga lezithuba zemisebenzi ekwiSebe 170
2.2. ISicwangciso saBasebenzi beSebe 170
3. Iinkcukacha-manani zolawulo lwabasebenzi 175

IcandeloE 209
1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele 210
2. IiNgxelo zoNyaka zeMali 217

ICandelo A

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

1. liNkcukacha zeSebe ngokuBanzi

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yeNtshona Koloni

IDILESI EWEITALATO	Protea Assurance Building Greenmarket Square Cape Town 8001
IDILESI YEPOSI	Private Bag X9067 Cape Town 8000
INOMBOLO YOMNXEBA	0860 142 142
INOMBOLO YEFEKSI	021 483 9504
IDILESI YE-IMEYILE	dcas.com@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI	www.westerncape.gov.za/dept/cas

2. Uluhlu lwezifinyezo/ lwezishunqulelo

AFS	IiNgxelo zeMali zoNyaka
AO	IGosa eliNika iNgxelo
ASGC	After School Game Changer
AU	IManyano yeAfrika
CDP	INkqubo yoPhuhliso lweeKlabhu
CFO	IGosa lezeMali eliyiNtloko
CHEC	Cape Higher Education Consortium
CoE	Iindleko zaBasebenzi
CTSA	UMbutho weSoftball waseKapa
DAC	ISebe loBugcisa neNkcubeko leSizwe
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
D: ERM	ICandelo loLawulo lwezoMngcipheko, iSebe leNkulumbuso
DISWEC	Disability Sport Western Cape
DOCS	ISebe loKhuseleko loLuntu
DORA	UMthetho weCandelo leNgeniso
DOTP	ISebe leNkulumbuso
DPSA	ISebe lezaBasebenzi bakaRhulumente noLawulo
DPME	ISebe lezoBeko-liso noVavanyo kuMsebenzi woBumongameli
DSD	ISebe loPhuhliso lweNtlalo
EAP	INkqubo yeNkxaso yaBasebenzi
ECM	ULawulo lokuQulathiweyo kweShishini
EE	ULingano kwezeNgqesho
EHWP	INkqubo yezeMpilo neMpilo-ntle yaBasebenzi
EPWP	INkqubo eyaNdisiweyo kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko
ERMCOM	IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini
FEDANSA	Imibutho emanyeneyo of Dance Sport South Africa
FMIP	INkqubo yoPhuculo loLawulo lweMali
FMPPI	IsiCwangciso-nkqubo sokuLawula iNgcaciso yokuSebenza kweNkqubo
GG	Igaraji kaRhulumente
GMT	IziThuthi zikaRhulumente
GPSSBC	IBhunga leeNgxoxo zezaBasebenzi bakaRhulumente Jikelele
GRAP	Generally Recognised Accounting Practice
GWM&E System	INkqubo yoBeko-liso noVavanyo kaRhulumente Jikelele
HCT	INgcebiso nge-HIV noHlolo
HDI	Abantu ababevinjwe amathuba ngaphambili
HOD	INtloko Eweebe
HPCs	AMaziko aSebenza kwiNqanaba eliPhezulu
HR	IMicimbi yezaBasebenzi
HRM	ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli
HS	Isikolo samabanga aphakamileyo
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
ICAS	IiNkonzo zeNtuthuzelo noCetyiso oluZimeleyo
ICT	ITeknoloji yeNgcaciso noQhagamshelwano

IFSC	I-International Federation of Sport Climbing
IT	INgcaciso yeTeknoloji
KKNK	I-Klein Karoo Nasionale Kunstefees
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba (uMphathiswa wePhondo)
MIG	UMnikelo kaMasipala weSibonelelo
MOD	INtatho-nxaxheba ngoBuninzi; amaThuba noFikelelo; iNkqubo yoPhuhliso nokuKhula
MPAT	ISixhobo soVavanyo loMsebenzi woBeko-liso se-DPME
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho Eweithuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi
NAC	IBhunga lezoBugcisa leSizwe
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe
NGO	UMbutho ongenzi Ngeniso-mali
NHC	IBhunga leLifa leMveli leSizwe
NHRA	UMthetho weSizwe weMithombo yezeLifa leMveli
NRF	INgxowa-mali yeNgeniso Eweizwe
NSRP	IsiCwangciso sezeMidlalo noLonwabo
NPC	INkampani engenzi Nzala
NPO	UMbutho ongenzi Nzala
OHS	IMpilo noKhuseleko eNgqeshweni
PA	ISivumelwano sokuSebenza
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika
PES	ISabelo esiLinganayo sePhondo
PERSAL	Isistimu yemivuzo yabasebenzi
PFMA	UMthetho woLawulo lweziMali kaRhulumente, 1999
PFS	IiNkonzo zezoBuqhopholo kwiPhondo
PILIR	UMgaqo-nkqubo weKhefu lokungabinako ukuSebenza noMhlala-phantsi wokuGula
PLF	IForam yePhondo yoLwimi
PLC	IKomiti yePhondo yeeLwimi
PN	ISaziso sePhondo
PS	Isikolo samabanga aphantsi
PSCBC	IBhunga leeNgxoxo lezoLungeelwaniso lweeNkonzo zikaRhulumente
PSG	INjongo yeQhinga lePhondo
SA	UMzantsi Afrika
SAFA	IManyano yeBhola eKhatywayo yoMzantsi Afrika
SAHRA	I-Arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SANSC	South African National Schools Championship
SAGNC	IBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika
SAPS	INkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika
SARU	IManyano yoMbhoxo yoMzantsi Afrika
SASCOC	IKhonfedereyishini yezeMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti yee-Olimpiki

SC	UMzantsi weKapa
SCM	ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo
SCMPP	INkqubo yeNtatho-nxaxheba ngoBuninzi kwezeMidlalo iSiyadlala
SCOA	Standard Chart of Accounts
SCOPA	IKomiti eSigxina yeMali zikaRhulumente yePalamente
SHEQ	UKhuseleko lweSimo seMpilo, uMngcipheko noLawulo lokuLunga
SITA	I-Arhente yeeNkcukacha zeTheknoloji kaRhulumente
SLIMS	INkqubo yoLawulo lweeNkcukacha zamaThala eeNcwadi EwelTA
SMS	INkonzo yaBalawulo abaPhezulu
SOP	INkqubo eSigxina yokuSebenza
SRSA	ISebe lesizwe elinoxanduva lwezemidlalo nolonwabo
STIs	Izifo ezisulela ngesondo
SWD	IMimandla yoMzantsi weNtshona
TB	Isifo sephepha
UNAIDS	INkqubo yeZizwe eziManyeneyo eHlangeneyo nge-HIV ne-AIDS
UNESCO	United Nations Educational, Scientific and Cultural Organization
UWC	IDyunivesiti yeNtshona Koloni
WC	INtshona Koloni
WECSA	Western Cape Sport Academy
WCCC	IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni
WCPSC	IKhonfedereyishini yezeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni
WC	IPhondo leNtshona Koloni

3. Intshayelelo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo inikezela le Ngxelo yoNyaka Eweithuba sowama-2018/19 njengobungqina bemiphumela eqhubekayo yonikezelo lwenkonzo. Siyathemba iyakuninika ingqiqo enkulu yendlu yowiso-mthetho norhulumente kwizifezekiso nemingeni esijamelene nayo ngesi sithuba ngokuhambelana nokwenziws komsebenzi, ulawulo, imicimbi yabasebenzi, kunye nolawulo lwemali.

ISebe linikezela inkonzo ephambili kwabo bayibiza iNtshona Koloni ngekhaya yaye, kunye nothungelwano lwalo ebanzi yothelelwano, liyaqhubeka ukwandisa uphawu lokunikezelwa kwenkonzo kwiPhondo lonke ngokunikezelwa kwenkxaso eqhubekayo kwezo ngingqi zingabonelelwa ngokwaneleyo.

Ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo, iSebe libe nempembelelo kumiliselo lweeNjongo Ewei-2 neEwei-3 zeQhinga lePhondo (PSG), ngokunjalo ne-AfterSchool GameChanger kunye neNdlela ePheleleyo yoLuntu ebhekiselele kufezekiso lweeNjongo zeQhinga lePhondo. Iinkcukacha zale miqathango iqwalaselwe kakhulu ngokubanzi kwingxelo. Ngaphezulu, iSebe liqalise ngokunjalo iinkonzo zenkxaso ezilungiselelwe i-Alcohol Harms Reduction (AHR) Game Changer.

Ukunika ifuthe kumbono opheleleyo weSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ukulungiselela ukuyila "iNtshona Koloni ebandakanyayo ngokwentlalo, ngoyilo, nangoqhagamshelwano" siyaqhubeka ukunikezela ngeenkonzo zethu ezihamba phambili neziyimfuneko unyaka wonke yaye ngokwenzanjalo sikhuthaza ubuchule nobandakanyo kwimidlalo nenkcubeko ngokusetyenziswa kwezibonelelo zethu ngokufanelekileyo nokusebenzayo nangokuzinzileyo.

Sikunye kunye neNtloko Eweebe, iqela loLawulo eliPhezulu, nabasebenzi, ndinombulelo kubo bonke abachaphazelekayo namaqabane ngenkxaso yawo engagungqiyo. Ndithabatha eli thuba ukubulela iNkulumbuso ephumayo kunye namaqabane am kwiKhabhinethi ngenkxaso yawo eqhubekayo nesikhokhelo kulo nyaka wonke.



Anroux Marais

UMphathiswa weNtshona Koloni weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

4. INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Isishwankathelo semisebenzi Eweebe

INgxelo yoNyaka Eweebe leNtshona Koloni leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) inikezelwa ngokwemiqathango yecandelo 40(1)(d) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, (PFMA) 1 we-1999.

Ekugxilwe kuko kweqhinga kwe-WCG kuboniswe kwiNjongo zeQhinga lePhondo (iiPSG). Ngokubanzi ezi njongo zeqhinga zinokubekwa ngamaqela ngokwemimandla: ithuba loqoqosho (PSG 1), ulungelelwaniso lwentlalo (PSG 2 kunye nePSG 3), uhlanganiso lwesithuba (PSG 4) kunye nolawulo olulungileyo (PSG 5). Ngeli thuba umsebenzi wethu wesebe unikezela kuzo zonke iiPSG, ingakumbi, ekugxilwe kuko okungundoqo kweSebe kufumaneka kwiPSG 2–Ukuphuculwa kwemiphumela yemfundo kunye namathuba alungiselelwe uphuhliso lolutsha kunye nePSG 3 –Ukwandiswa kwempilo-ntle, ukhuseleko nokuhlaselwa kobubi bentlalo.

IDCAS ithabathe inxaxheba ngokupheleleyo kwi-Whole of Society Approach (WOSA) elingwayo kwimimandla emine yePhondo (iDrakenstein, Saldanha Bay, Manenberg/Hanover Park kunye naseKhayelitsha).

Umbono weSebe "yiNtshona Koloni ebandakanyayo ngokwentlalo, esebenzayo, eyilayo nenxulumeneyo".

ISebe linikele ngezigunyaziso zalo ngokunikezelwa kweenkonzo kusetyenziswa iinjongo zeqhinga:

1. Ukunikezela ngenkonzo efanelekileyo nesebenzayo nolawulo olunoqoqosho.
2. Ukukhuthaza, ukuphuhlisa, nokuguqula yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukunikela ngokubhekiselele kulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olulungileyo, uphuhliso lwentlalo nabantu; nokukhula koqoqosho oluzinzileyo namathuba.
3. Ukukhuthaza, ukuphuhlisa, nokuguqula amaThala eeNcwadi azinzileyo, iiNkonzo zeNgcaciso nezoVimba.
4. Ukuqalisa nokuxhasa amacandelo emidlalo axhasa intlalo nolonwabo kunye/okanye imisebenzi.

Ezi njongo zeqhinga zilinganisa ufikelelo kubemi bendawo nakwindawo yoshishino Eweebe kuzo zonke iingingqi zoluntu ngokukhuthazwa: kobugcisa, inkcubeko noolwimi; iinkonzo zethala leencwadi noovimba; iimyuziyam, ilifa lemveli namagama eendawo nemidlalo kunye nolonwabo.

ISebe linoxanduva ngokunjalo lwamaSebe kaRhulumente amathathu angala iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Kolon, iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, kunye neLifa leMveli leNtshona Koloni.

ISebe lifezekise i-106kwi-108lemigqalisela yoMsebenzi (ama-75 kuma-77eMigqalisela yeNkqubo yoMsebenzi + 31imigqalisela yoMnikelo woXhomekeko) ngeenzame ezihlanganisiweyo zonikezelo lwenkonzo.

Ezinye izifezekiso ezingundoqo zeSebe zibandakanya inkxaso kwiimanyano zemidlalo ezili-132, inkxaso kwimibutho esebenzayo yenkcubeko engama-69kwimimandla yomdaniso, umculo, ubugcisa bokuzoba, idrama noluncwadi, inkxaso kwiimyuziyam ezingama-30 namaziko ethala leencwadi angama-375 (uthungelwano olukhulu lwamathala eencwadi kwilizwe), ulwakhiwo lwamathala eencwad amatsha amabini, nokusingatha imisitho yamabhaso eyahlukeneyo eNtshona Koloni.

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iSebe libandakanyela ngqo kwezi projekti zilandelayo zegame changer:

ISebe ibe lisebe elinkqenkqeza phambili le-AfterSchool Game Changer. Amanye achapazelekayo abandakanya iSebe loPhuhliso lweNtlalo, iSebe loKhuseleko loLuntu, iSebe leNkulumbuso, iSebe lezeMfundo leNtshona Koloni, iSixeko saseKapa, kunye necandelo leNGO. Le game changer ijolise ekwakheni abantu abadala abatsha abathatha uxanduva, abaxhotyisiweyo abalungiselelwe kakuhle ubomi ngotyalo-mali ekunikezelweni kwenkxaso edingekayo kwiinkonzo zasemva kokuphuma kwesikolo ngokusetyenziswa kothelelwano. INkqubo zaseMva kokuphuma kwesikolo zithe zamiliselwa ngempumelelo kwizikolo ezingama-568. ISebe libandakanyeka ngqo kwinkxaso-mali nakunikezelo lweenkqubo kwizikolo ezingama-353. Oku kubandakanya amaziko eMOD ali-181, iiNeighbouring School Centres ezili-134, kunye namaziko enkxaso yemfundo angama-48.

Njengesebe lenkqubo enqamlezileyo ye-After School Game Changer, iSebe limilisele ngempumelelo ingqiqo yenkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo nasekuqhubeleni phambili imfundo eyandisiweyo ejolise kuphuhliso olupheleleyo lwabantwana bethu kwiPhondo.

I-DCAS ibe noxanduva le-Lever 2a of the Alcohol Harms Reduction Game Changer o.k.t. ukumiliselwa nokuphuhliswa kwemisebenzi engeminye yolonwabo kwimimandla etyunjiweyo/echongiweyo eNtshona Koloni phantsi kobunkokheli beSebe loKhuseleko loLuntu. Le nkqubo ijolise ekuphuculeni iingingqi zoluntu nokunciphisa iingozi zotywala. IQela elichongiweyo lulutsha olungamadoda olubudala buli-16 ukuya kuma-35 eminyaka ubudala abasoloko behleli kwiishibhini. ISebe libonelele ngeetumente zebhola ekhatywayo enamalungu amane kwicala ngalinye ngobusuku bolweziHlanu, kunye nemidlalo yebhodi kunye nemidlalo enxulumene nayo kwimimandla emibini echongiweyo kulungiselelwa le game changer, eyile eKhayelitsha (eTown 2) nasePaarl East-(Fairyland).

Unyaka ophantsi kovavanyo udinga ukuba iSebe lenze umsebenzi wemvelaphi ukulungiselela ukusekwa koMgaqo woKhenketho ngenzululwazi yezakudala nemfundo ngezidalwa zamandulo neLifa leMveli kwiPhondo. Lo mgaqo ulindeleke ukuba ubonelele ngomnikelo wezokhenketho wengingqi ngeli thuba uqaqambisa ingingqo njengesiqalo senkcubeko yabantu – ithuba eliphambili noxanduva lwephondo lwethu. *IsiQalo seNkcubeko yaBantu* silindeleke ukuba sibe luvuyiswano lwazo zonke iinkcubeko kwiNtshona Koloni kunye nendawo ephambili yokuthengisa kuba inakho ukutsala abatyeleli abavela kwi-*Cradle of Humankind*(eGauteng) ukuya eNtshona Koloni ngokuphendulelekileyo. Umgaqo waqaliswa ngomhla we-11 ku-Epreli 2019 ngethuba lomboniso weWorld Travel Market Africa owawubanjwe eCape Town International Convention Centre, nangona oku kungaphandle kwesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo.

Inkqubo yeMPAT idinga into yokokuba aBalawuli abaPhezulu beSebe baqhube uvavanyo kuluhlu lwemigangatho. Oku kunomphumela kolawulo oluphuculweyo lwendlela yokusebnza ze ekugqibeleni ngokunjalo kuphucule iziphumo zokunikezelwa kwenkonzo.

Ngalo nyaka ophantsi kovavanyo iSebe lifezekise inqanaba lomlinganiseloo weMPAT oyi-we3+olinqanaba lophuculo kwiimvavanyo zangaphambili.

Kwisithuba seminyaka esixhenxe elandelelanayo, iSebe ligcine iwonga lalo lomphumela wophicotho-zincwadi olungenaziphene.

Imingeni ngesithuba saloo nyaka

Isimo soqoqosho selizwe sinyanzelise uhlenga-hlengiso lwemisebenzi. Nangona kukho lo mngeni, iSebe liqhubekile liqhuba kakuhle.

Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zeSebe

Okufunyenweyo lisebe

Igama leNkqubo	2018/19			2017/18		
	Ingqikelel-o (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelel weyo (Ngaphez u-lu)/ Ngaphan tsi (R'000)	Ingqikelel-o (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelel weyo (Ngaphez u-lu)/ Ngaphan tsi (R'000)
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu[1]	1 959	2 700	741	1 745	2 592	847
Okugqithiselweyo okufunyenweyo kwiiYunithi zikaRhulumente[2]	174	174	-	531	532	1
Izohlwayo nekuphulukwene nazo	646	714	68	730	608	(122)
Inzala, izahlulo nerenti yomhlaba	-	-	-		8	8
Intengiselwano yemali kwii-asethi nakwiimfanelo		201	201		160	160
Iyonke	**2 779**	**3 789**	**1 010**	**3 006**	**3 900**	**894**

1 Ibandakanya imirhumo yokungena kwiMyuziyam nakwiJimnaziyam

2 Okukhutshelweyo okufunyenweyo okuhla kwiDPSA ukuxhasa ngemali anaohulo okulwa namaQela emiGulukudu

Uqokelelo olungaphezulu kokufunyenwe liSebe kubangelwe ikakhulu kukuqokelelwa ngaphezulu kwemirhumo yokungena kwiimyuziyam zephondo. Lo ngumthombo wengeniso oqhutywa libango, osekwe kwinani lotyelelo kwiimyuziyam zephondo ngethuba lonyaka-mali.

Inkcitho yenkqubo

Igama leNkqubo	2018/19			2017/18		
	Ingqikelel-o (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelel weyo (Ngaphez u-lu)/ Ngaphan tsi (R'000)	Ingqikelel- o (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelel weyo (Ngaphez u-lu)/ Ngaphan tsi (R'000)
Ulawulo	65 160	64 657	503	63 803	63 679	124
IMicimbi yeNkcubeko	115 200	113 231	1 969	111 308	110 020	1 288
Amathala eeNcwadi neeNkonzo zoLondolozo lweeNkcukacha	372 908	371 224	1 684	368 586	364 357	4 229
Imidlalo noLonwabo	185 934	183 226	2 708	183 636	182 955	681
Zizonke	**739 202**	**732 338**	**6 864**	**727 333**	**721 011**	**6 322**

Uqengqelo/ukhutshelo

Uqengqelo:

esuka kwiNkqubo	Impahla ebifuneka	imali R'000	esuka kwiNkqubo	Impahla ebifuneka	imali R'000
INkqubo 3	Iintlawulo eziKhoyo (G&S)	-379	INkqubo 1	Iintlawulo eziKhoyo (G&S)	379
INkqubo 3	Iintlawulo eziKhoyo (G&S)	-1 508	INkqubo 2	Iintlawulo eziKhoyo (G&S)	14
				Ekukhutshe-lweyo neNkxaso-mali(Dept Ag)	273
				Ekukhutshe-lweyo neNkxaso-mali (NPI)	1 221
					1 508
INkqubo 4	Iintlawulo eziKhoyo (G&S)	-543	INkqubo 2	Ekukhutshe-lweyo neNkxaso-mali (NPI))	555
	Ekukhutshe-lweyo neNkxaso-mali (NPI)	-12			
		-555			
ZIZONKE		**-2 442**			**2 442**

Okukhutshelweyo:

iSebe lingenise isicelo sasinye senkxaso-mali sokokuba sikhutshelelwe kunyaka-mali wama-2019/20 okunxulumene nokuthengwa kwezixhobo ze-IT ezilungiselelwe iiNkonzo zeThala leeNcwadi ezingazange ziziswe ngomhla wama-31 kuMatshi 2019.

Inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi

ISebe alibanga nankcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo okanye engenamsebenzi kwesi sithuba siphantsi kovavanyo.

IziCwangciso zexa elizayo zeSebe

ISebe, ngentsebenziswano neSebe looMasipala liqalisa ngofundo lwempembelelo yoMthetho oYilwayo woBunkokheli beMveli nobeKhoi-San kunye nolwamkelo loBunkokheli beMveli nkwiingingqi zeKhoi neSan.

UThelelwano lwamaShishini kaRhulumente nawaNgasese

Alukho.

Imisebenzi eyekiweyo/imisebenzi ekufuneka iyekiwe

Akukho misebenzi iyekiweyo ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho misebenzi mitsha ethe yaqaliswa ngesi sithuba salo nyaka uphantsi kovavanyo.

ULawulo lwesiXokelelwano soNikezelo

Akukho zindululo zentengiso zingabongozwanga ekuthe kwangenwakuzo ngaloo nyaka uphantsi kovavanyo.

linkqubo zeSCM zicwangcisiwe ukuthintela inkcitho engalungelelaniswanga.

Akubanga kho mingeni ingundoqo ethe yafunyanwa kwiSCM ngalo nyaka uphantsi kovavanyo.

Izipho neminikelo eyamkelweyo ingeyiyo imali evela kumaqela angaxulumananga

Khangela kwiSihlomelo 1E kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

Ukhululo nonxaxho olufunyenweyo oluphuma kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe

Akukho lukhululo nonxaxho lufunyenweyo kwiCandelo loLawulo-mai ngesi sithuba siphantsi kovavanyo.

Izehlo ezenzeke emva komhla wokunikwa kwengxelo

Azikho.

Isiphelo

Ukuqukumbela ndithanda ukubulela umsebenzi woMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika, ohe waqhuba uphicotho-zincwadi lweNgxelo yoNyaka weMali kunye nengcaciso

yokusebenza. Ndivakalisa umbulelo ongazenzisiyo kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi ethe yanikezela ngothelekelelo olubalulekileyo lweNgxelo yoNyaka.

Ndithande ngokunjalo ukubulela umnikelo wabachaphazelekayo bethu kuluntu olukumacandelo oorhulumente namasebe ethu esabelana nawo ngenkxaso yawo eqhubekayo.

Ndithanda ukuthabatha elithuba lokubonisa umbulelo wam ongazenzisiyo kwiqela liphela leDCAS ngenkxaso yalo kunyaka wonke kwindlela eya kunikezelo lwenkonzo kulungiselelwa abantu beNtshona Koloni. Inkqubela phambili esiyenzileyo ibingasokuze ibe nokwenzeka ngaphandle kokusebenza kwabo nzima nokuzimisela.

Okokugqibela, ndithanda ukubulela indima nenkxaso yoMphathiswa wethu, uNksk Anroux Marais ngesikhokhelo sakhe seqhinga nengcebiso, amaqabane ethu kwamanye amasebe karhulumente kunye nawoluntu ngokubanzi.



Brent Walt
IGosa eliN
ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
31ku-Agasti 2019

5. INgxelo yoXanduva neSiqinisekiso sokuchanekla kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nendikholelwa kuko, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

- Zonke iinkcukacha neemali ezichazwe kwiNgxelo yoNyaka zizinzile.
- INgxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinazinto zisusiweyo.
- INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokwemigaqo yengxelo yonyaka njengoko ikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
- IiNkcazo-mali zoNyaka (Icandelo E) zilungiswe ngokomgangatho wekheshi eqinisekisiweyo nezakhelo ezifanelekileyo nemigaqo ekhutshwe liCandelo loLawulomali leSizwe.
- IGosa eliNika ingxelolinoxanduva lokwenza amalungiselelo eeNkcazo-mali zoNyaka nezigqibo ezithathwayo ngale ngcaciso.
- IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo
- Iwangaphakathi eyenziwe ukubonelela ngesiqinisekiso ngokuthembeka nokunyaniseka kweenkcukacha zoMsebenzi, iinkcukacha ngezabasebenzi neeNkcazo-mali zoNyaka.
- Uphicotho zincwadi lwangaphandle lwenziwe ukubonisa uluvo oluzimeleyo kwiiNkcazo-mali zoNyaka.

Ngokoluvo lwam, iNgxelo yoNyaka ibonakalisa imisebenzi, iinkcukacha zoMsebenzi, iinkcukacha ngezabasebenzi nemicimbi yemali Eweebe lemicimbi yenkcubeko nezemidlalo kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kuMatshi 2019.

Owenu wenene

IG[illegible]lo

Brent Walters

31 ku-Agasti 2019

6. Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga

6.1 Umbono

INtshona Koloni equka uluntu, enobuchule, edlamkileyo nolungeleleneyo.

6.2 Umnqophiso

Sikhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nenkcubeko ngokokusetyenziswa kwezibonelelo ngempumelelo, ngokufanelekileyo nangendlela ezinzileyo, ngentsebenziswano nabanye. Ukuze sigqwese, siza kudala iimeko zokufikeleleka nezokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyaniswa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

6.3 Iimpawu zentsulungeko

Ukuba nenkathalo, ukubanako ukusebenza, ukuphendula ngokwenzayo, intsulungeko, ubuchule nokusabela kwizidingo.

7. Amagunya omthetho namanye

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) elizithatha njengelibopheleleke kwigunya loMthetho apho wonke umsebenzi walo ubhekisele, ingakumbi kwimpumelelo, yonikezelo lweenkonzo olulinganayo nolufikelelekayo, ngokubhekisele kwiphepha logayo-zimvo lorhulumente wesizwe ukuTshintsha unikezelo lweenkonzo zoluntu nelinge leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngokusemthethweni nangokwamagunya omgaqo-nkqubo achazwe kwitheyibhuli engezantsi.

7.1 Amagunya ngokoMgaqo-siseko

Icandelo	Ingcaciso
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo le-6(3) ele-(4) nelesi-(5): Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni (WCG) kufuneka, ngokomthetho nangokweminye imiqathango, alawule kwaye ahlole ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zixhamle ngokulinganayo kwaye zithathwe zisetyenziswe ngokulinganayo. IKomiti yeeLwimi eNtshona Koloni (WCLC), ingentsebenziswano ne-DCAS, inoxanduva lokuhlola nokuvavanya ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi waseNtshona Koloni, owamkelwe ngo-2001, akwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngeli gunya kanye ngonyaka ubuncinane. I-DCAS yongamela i-WCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
Icandelo le-30: Ulwimi nenkcubeko	I-DCAS iququzelela amathuba kubantu baseNtshona Koloni bakwazi ukusebenzisa amalungelo eelwimi zabo nawenkcubeko yabo ngokweenkqubo neeprojekthi abazimeleyo nabazixhasayo.
Icandelo lama-31:	I-DCAS kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi ziyazihlonela

Icandelo	Ingcaciso
INkcubeko, inkolo nolwimi loluntu	iinkcubeko neelwimi ezingafaniyo zabantu baseNtshona Koloni.
Icandelo lama-41: Imithetho-siseko yentsebenziswano kurhulumente nokunxulumene nokusebenzisana koorhulumente	I-DCAS isebenzisana nawo onke amasebe karhulumente. Ngokwegunya labo, iDCAS isebenzisana neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe (DAC) nelezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA, isebe lesizwe linoxanduva lezemidlalo noLonwabo); amaZiko oLuntu eSizwe nawePhondo noomasipala eNtshona Koloni.
Icandelo lama-156(4): Ukunikezelwa kwamagunya	I-DCAS kufuneka inikezele ngegunya koomasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeka kuzo naziphi na iimeko ezifanelekileyo, kulawulo lwemiba ehlelwe kwiSigaba A sesicwangciso 4 okanye iSigaba A sesicwangciso 5 esinxulumene noomasipala basekuhlaleni, ukuba— • loo mba uza kulawulwa ngempumelelo ekuhlaleni; kwaye • Umasipala unamandla okuyilawula. I-DCAS iququzelela ukunikezelwa kweenkonzo zoluntu zamaThala eencwadi, apho urhulumente wasekuhlaleni ezithatha njengezingafumani nkxaso-mali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano noNondyebo weSizwe neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe ngeSibonelelo-ma esineMiqathango samaThala eeNcwadi oLuntu, nenye inkxaso esuka kwiNkxaso-mali kooMasipala yeCandelo loLawulo-mali lePhondo.
IShedyuli yesi-4: Imiba ekusetyenzwa kuyo yokubanako ukwenza izinto ngokoMthetho weSizwe nowePhondo	Imiba yenkcubeko: • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveliEweizwe. Umgaqo-nkqubo wolwimi nokulawulwa kweelwimi ezisemthethweni nalapho Icandelo 6 loMgaqo-siseko likuvakalisa oko ngokubanako ngokusemthethweni wePalamente yePhondo leNtshona Koloni: • I-DCAS isebenzisana ne-DAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yomgaqo-nkqubo wolwimi.
IShedyuli yesi-5: Imiba ekusetyenzwa kuyo YoBuchule obuBodwa beNdlu yoWiso-mthetho yePhondo	Oovimba ingengabo ooVimba beSizwe: • I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga noovimba ingengabo abo besizwe ukuze kulawulwe ukumiliselwa kwawo. ISebe linoxanduva looVimba neNkonzo yokugcinwa kweeNgxelo eNtshona Koloni. Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe: • I-DCAS inikwe igunya lokwenza uMthetho wePhondo malunga namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe nokulawula ukumiliselwa kwawo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeNkonzo yamaThala eeNcwadi eNtshona Koloni nokusebenzisana noomasipala ekunikezeleni ngenkonzo kumathala eencwadi oluntu nengcaciso. IiMyuziyam ngaphandle kwezo myuziyam zesizwe: • I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho owodwa wePhondo malunga neemyuziyam ngaphandle kwezo ISebe linoxanduva lokunikezela ngeNkonzo yeeMyuziyam kwiphondo, ukulungiselela ukusebenza ngentsebenziswano neemyuziyam ezimanyeneyo nokuxhasa ezi myuziyam. Imiba yenkcubeko kwiPhondo (kuquka nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli lesizwe namagama eendawo): • I-DCAS ibonelela ngezeLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) – ugunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo abatyunjwe ngokoMthetho weziBonelelo zeLifa leSizwe, we-1999 (NHRA) –

Icandelo	Ingcaciso
	kunye nolwabelwano lwenkxaso yezemali nolawulo ukulungiselela ukumilisela nokulawula isigunyaziso salo esisemthethweni. IMEC (iLungu lesiGqeba seBhunga [sePhondo]) utyumbe iBhunga leHWC yaye lityunjelwe kugunyaziwe wezibheno leNtshona Koloni. nabasebenzi nenkxaso kubasebenzi. • I-DCAS ibonelela ngenkxaso esesikweni nenye inkxaso kwiKomiti ejongene namaGama eeNdawo kwiPhondo leNtshona Koloni (WCPGNC) ukuze kuququzelelwe iindibano zoluntu malunga nokubekwa emgangathweni notshintsho kumagama eendawo. Xa zigqityiwe iindibano, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga elijongene namaGama eeNdawo eMzantsi Afrika. Ezemidlalo nezolonwabo nezibonelelo: • I-DCAS inikwe igunya lokunceda lokuyila isimo esincedayo esilungiselelwe imisebenzi yemidlalo yephondo neyelonwabo.
Icandelo le-195: lindlela zokuziphatha ezisesikweni nemithetho-siseko yokulawula ulawulo lukarhulumente	Amagosa e-DCAS kufuneka ahambelane namalungiselelo ecandelo 195, abonelela ngengcaciso kwiindlela zokuziphatha zentando Eweininzi nemithetho-siseko yolawulo loluntu. Icandelo 195(1)(b) lifuna ukukhuthaza ukusetyenziswa kwezibonelelo ngendlela efanelekileyo, esebenzayo nenoqoqosho. Oku kuthetha ukuba inkqubo ekuvunyelwene ngayo kwicandelo likarhulumente kufuneka ivelise iziqhamo ezikumgangatho ophezulu ngeendleko eziphantsi.
Icandelo lama-92 nele-133	Icandelo 92 libonelela ukuba amalungu eKhabihethi kufuneka aphendule edibene okanye umntu ngamnye kwiPalamente kwizenzo zokusemagunyeni abo nokwenza imisebenzi yabo, nokuba kufuneka banike iPalamente iingxelo eziphelele yo narhoqo ngemiba ekulawulo lwabo. Icandelo 133 libonelela ukuba abaphathiswa bamaPhondo kufuneka baphendule kunye okanye umntu ngamnye kwizindlu zowiso-mthetho ngoko kusegunyeni labo nokwenza imisebenzi yabo, nokuba kufuneka banike indlu yowiso-mthetho iingxelo eziphelele yo narhoqo ngemiba ekulawulo lwabo.
UMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, 1997	
Icandelo lesi-5	Iinjongo zoRhulumente weNtshona Koloni: • iilwimi ezisemthethweni zesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye • ezi lwimi kufuneka zihoywe ngokulinganayo I-WCG kufuneka, ngokusemthethweni nangokweminye imiqathango, ilawule kwaye ihlole ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. I-WCG kufuneka iphumeze nezenzo nemiqathango eyiyo yokuphakamisa izinga kwaye ziqhutyelwe phambili iilwimi zabemi beli Ntshona Koloni apho isimo sabo nokusetyenziswa kwezi lwimi ngaphambili bekungabonakali.
Icandelo lama-70	UMthetho wePhondo kufuneka ubonelele ngesiseko nenkxaso efanelekileyo, ngezibonelelo ezikhoyo kuRhulumente weNtshona Koloni, kwibhunga lezenkcubeko okanye kumabhunga asekuhlaleni okanye iindawo kwiphondo ezinenkcubeko nelifa lolwimi olufanayo. Ukubhaliswa nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko: • Ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (WCCC) inikwe umsebenzi wokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisiweyo. IDCAS kufuneka ijongane ne-WCCC kwaye ibonelele iKhomishini ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
Icandelo lama-81	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka amkele kwaye aphumeze imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina ezentlalo-ntle yoluntu lwephondo, kuquka nemigaqo-nkqubo ejolise ekuphumezeni: • ukukhuthaza ukuhlonelwa kwamalungelo emimandla

Icandelo	Ingcaciso
	yeNkcubeko, yenkolo neyolwimi eNtshona Koloni; kunye • nokukhusela nokulondoloza ilifa lemveli endalo ayimbali, okufunda ngembali yabo nezakhiwo eNtshona Koloni ukuze kuzuze isizukulwana esikhoyo nesexesha elizayo. I-DCAS iphumeza imigaqo-nkqubo ethile ukuxhasa la malungiselelo.
Icandelo lama-82	Imithetho-siseko ethe ngqo yomgaqo-nkqubo wePhondo kwiSahluko se-10 (iCandelo 81) inika isikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni xa isenza imithetho.

7.2 Amagunya ezomthetho

UMthetho weSizwe	ISalathiso	Inkcazelo
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999	UMthetho 1 ka-1999	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulu,mente (PFMA): • ulawula ulawulo lwemali karhulumente wesizwe nowephondo, ahlele amaZiko oLuntu, amaziko omgaqo-siseko nemithetho yephondo; • uqinisekisa ukuba ingeniso, inkcitho, iiasethi neemfanelo zala maziko alawula ngokufanelekilyo nangempumelelo; kwaye • uchaza uxanduva lwabantu ababekelwe ukulawula iimali kula mabhunga.
UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (njengoko uhlonyelwe ngoMthetho woLungiso lweNkonzo kaRhulumente, 2007)	Isibhengezo se-103, *iGazethi kaRhulumente* ye-15791, wesi-3 kuJuni ka-1994 noMthetho wama-30 ka2007	Lo Mthetho wenza amalungiselelo ngokulungiselelwa nokulawulwa kwe-DCAS, ukulawulwa kweemeko zengqesho, ixesha lokuba ziziphatha-mandla, ululeko, umhlala-phantsi nokukhululwa kwabasebenzi bakarhulumente bayeke emsebenzini nemiba enxulumene noko.
UMthetho leCandelo leNgeniso (lonyaka)	Kukho uMthetho omtsha nyaka nonyaka.	Unyaka nonyaka, uMthetho weRhafu (DORA): • ubonelela ngolwabiwo olulinganayo kuloo ngeniso iqokelelweyo olusuka kurhulumente wesizwe phakathi kwazo zonke iinkalo zikarhulumente, eEweizwe eyephondo neyasekuhlaleni; • Uqinisekisa ukuba isabelo ngasinye esilinganayo sephondo kuloo ngeniso iqokelelweyo; kunye • Nokwenza ulwabiwo kumaphondo, koorhulumente basekuhlaleni okanye koomasipala kwisabelo sorhulumente wesizwe kuloo ngeniso, ngokuxhomekeka kwiimeko. I-DCAS ifumana iGranti eneMiqathango kurhulumente wesizwe kwaye inoxanduva lokulawula ezi mali.
UMthetho woKhuthazo loFikelelo kwiiNkcukacha, 2000	UMthetho 2 ka-2000	Lo Mthetho ukhuthaza ilungelo lokufikelela kwiingxelo ezikulawulo lorhulumente, kumaziko karhulumente nakumaqumrhu azimeleyo/abucala. Phakathi kwezinye izinto, i-DCAS nakwiqumrhu ngalinye likarhulumente okanye elizimeleyo kulindelele ukuba: • lenze imanyuwali eya kucacisela abantu indlela yokufikelela kulwazi oluselugcinweni lwequmrhu elo; kwaye

UMthetho weSizwe	ISalathiso	Inkcazelo
		• kuqeshe igosa lezolawulo oza kuba noxanduva lwezicelo zokufikelela kulwazi/kwiinkcukacha eziphantsi kolawulo lwequmrhu.
UMthetho woKhuthazo loLawulo loBulungisa, 2000	UMthetho 3 ka-2000	Lo Mthetho: • ubeka phandle imithetho nemigaqo abalawuli ekufuneka beyilandele xa besenza izigqibo; • ufuna abalawuli bachazele abantu ngamalungelo abo okuphinda baqwalasele okanye ukubhena nelungelo lokufuna izizathu; • Udinga abalawuli okokuba baniken izizathu ngezigqibo zabo; kunye • nokunika uluntu ilungelo lokucela umngeni kwizigqibo zabalawuli enkundleni yamatyala.
UMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998	UMthetho 1 ka-1998	I-DCAS kufuneka idibane kwaye isebenzisane namaziko enkcubeko esizwe malunga nemiba yezobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli lesizwe.
UMthetho woKhuthazo lweNkcubeko, 1983	UMthetho ka-1983	Lo mthetho wanikelwa kwiNtshona Koloni kwaye i-DCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiselelo oMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (Indlu yoWiso-mthetho), 1989	UMthetho ka-1989	Lo mthetho wanikelwa kwiNtshona Koloni kwaye i-DCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiselelo oMthetho.
UMthetho weNkonzo yoLondolkozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo neeRekhodi woMzantsi Afrika, 1996	UMthetho ka-1996	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiKomiti yeeNgcebiso ngoovimba beenkcukacha beSizwe. ISebe linoxanduva lokufikelela kwimigangatho Eweizwe esekwe phantsi kwalo Mthetho.
UMthetho weBhunga lezoBugcisa leSizwe, 1997	UMthetho ka-1997	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiBhunga leSizwe lobuGcisa (NAC), kujongwe intsebenziswano nokuququzelelwa kweNAC, nokulawulwa kwenkxaso-mali ye-NAC kuphuhliso lobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
UMthetho weBhunga leLifa leMveli leSizwe, 1999	UMthetho ka-1999	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiBhunga leLifa leMveli Eweizwe (NHC), nentsebenziswano nokuququzelela imisebenzi enxulumene nenkxaso-mali neeprojekti ezenziwa yiNHC eNtshona Koloni.
UMthetho weMithombo yeLifa leMveli leSizwe, 1999	UMthetho ka-1999	I-DCAS iqinisekisa ukuba ihambelana neNHRA ngokongamela ukuchongwa kwabameli bephondo leNtshona Koloni, nekukhethwa ukuba ibe liBhunga lelifa lemveli yaseNtshona Koloni, ukuba bahlale kwiBhunga learhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yaseMzantsi Afrika (SAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuba ihambelana neemfuno zoMphathiswa wePhondo ekufuneka echonge iBhunga le-HWC – abasemagunyeni kwizibonelelo zelifa lemveli yephondo ngokweNHRA. ISebe linoxanduva lokunxulumana nokusebenzisana neSAHRA, i-HWC noomasipala malunga nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa uMphathiswa wePhondo xa kukho izibheno malunga nezigqibo ze-HWC.
UMthetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, 1995	UMthetho 59 ka-1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna iBhodi yeeLwimi yaseMzantsi Afrika (PanSALB) iseke iKomiti yePhondo yeeLwimi (PLC) kwiphondo ngalinye. I-PanSALB inamagunya okunika ingqalelo kwi-PLC ekhoyo njengePanSALB PLC ukuba iyithatha ikomiti

UMthetho weSizwe	ISalathiso	Inkcazelo
UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo woMzantsi Afrika, 1998	UMthetho 118 ka-1998	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho ukuze kuchongwe abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiBhunga elijongene namaGama eeNdawo eMzantsi Afrika; kuphandwe ngamagama eendawo eNtshona Koloni; ukuqinisekiswa ngokubekwa emgangathweni; kunye, apho kuyimfuneko nokuququzelela iindibano malunga notshintsho olucetywayo ngokutshintshwa kwala magama. ISebe libonelela ngenkxaso esesikweni kwiKomiti yamaGama eeNdawo kwiPhondo leNtshona Koloni. Xa zigqityiwe iindibano, iWCPGNC yenza izindululo kwiBhunga lamaGama eeNdawo eMzantsi Afrika.
UMthetho weNgqungquthela yezeLifa leMveli weHlabathi, 1999	UMthetho 49 ka-1999	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni ukuba bahlale kwiKomiti yeeNgcebiso ngeLifa leMveli kaZwelonke eMzantsi Afrika. ISebe likwanoxanduva lokuhambelana namalungiselelo oMthetho neNgqugquthela yeLifa leMveli kaZwelonke malunga nokuchongwa kweendawo zokuHlela oko kungaqinisekiswanga ngako eMzantsi Afrika, nokuhlelwa kwezi ndawo ukuze ziqwalaselwe yiKomiti yeLifa leMveli likaZwelonke ye-UNESCO.
UMthetho wezeMidlalo noLonwabo weSizwe, 1998	UMthetho 110 ka-1998	UMthetho ubonelela ngokukhuthazwa nokuphuhliswa kwezeMidlalo noLonwabo nokuququzelela unxibelelwano phakathi kweSASCOC (intlanganiso yezeMidlalo neKomiti yee-Olimpiki eMzantsi Afrika), i-SRSA, iintlangano zezemidlalo, amabhunga ezemidlalo nezinye ii-arhente. UMthetho uphinde ubonelele ngemiqathango ejolise ekulungiseni ukungalingani kwezemidlalo noLonwabo; ukukhuthaza ukulingana nentando Eweininzi kwezemidlalo noLonwabo; ukukhuthaza ukulingana nentando Eweininzi kwezemidlalo noLonwabo; nokubonelela ngeendlela zePhondo zokusombulula imbambano kwezemidlalo noLonwabo.
UMthetho woKhuseleko kwiMidlalo noLawulo, 2010 (SASREA)	UMthetho ka-2010	Ukunikezela ngemiqathango yokukhusela impilo-ntle yomzimba nokhuselo lwabantu nepropati kwimidlalo, kulonwabo, kwinkolo, kwinkcubeko, kumboniso nakwimisitho yombutho okanye enxulumene noko ebanjelwe kumabala emidlalo, kwiindawo okanye kwindlela eya kuzo; ukunikezela ngoxanduva lwabathathi-nxaxheba bomsitho; ukunikela kwizithintelo ezithile; ukunikela kuhlahlelo lomngcipheko lemisitho; ukunikela kukusekwa kwemiqathango yokulungiswa kokhuselo nokhuseleko kwimisitho; ukunikezela ngoqinisekiso lwabathabathi-nxaxheba kwimisitho; ukunikela kukuthengiswa kwamatikiti omsitho; ukunikela kulawulo lwesango lokungena lababukeli nezithuthi kwimisitho; ukunikela kukukhutshwa kweziqinisekiso zokhuselo kulungiselelwa amabala okanye iindawo ezicwangcisiweyo nesele zikho; ukunikela kokuqulathwe kwiziqinisekiso zokhuselo kunye nezilungiso kwiziqinisekiso zokhuseleko; ukunikela kukutyunjwa kwabahloli kunye namagunya abo okuqala nokuhlola; ukunikela ngezaziso zokukhuphela ecaleni zababukeli; ukunikela ngokubekwa kweenkonzo zokhuseleko; ukunikezela ngezaziso zothintelo; ukunikela ngokusekwa kweBhodi yokuBhena nezibheno; ukunikela nge-inshorensi yokuthatyathwa koxanduva luluntu ukulungiselela imisitho; ukunikela ngentlawulo yemirhumo; ukunikela ngezohlwayo nemirhumo nokunikela kwimicimbi enxulumene noku.

UMthetho weSizwe	ISalathiso	Inkcazelo
UMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni, 1998	UMthetho 13 ka-1998 (weNtshona Koloni)	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni esekwe ngulo Mthetho, phakathi kwezinye izinto: • ihlola ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; • yenza izindululo kuMphathiswa wePhondo nakwiPalamente yePhondo kumthetho ocetywayo nokhoyo, kwizenzo nakumgaqo-nkqubo ojongene ngqo okanye ngendlela engathanga ngqo neelwimi eNtshona Koloni; • ukukhuthaza imithetho-siseko yokusetyenziswa kwelwimi ezininzi; • ukukhuthaza ukuphuhliswa kweelwimi ebezifudula zingaselwa so; • ukucebisa uMphathiswa wePhondo neKhomishoni yeNkcubeko eNtshona Koloni ngemiba yeelwimi kwiPhondo; kunye • nokucebisa iPanSALB ngemiba enxulumene neelwimi eNtshona Koloni. I-DCAS yongamela iWCLC ibonelele nale Komiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
UMthetho weKhomishini yeNkcubeko namaBhunga eNkcubeko eNtshona Koloni, 1998	UMthetho 14 ka-1998 (eNtshona Koloni)	Lo Mthetho useka ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni, phakathi kwezinye izinto, iqwalasele ukubhaliswa nokucinywa kwamabhunga enkcubeko amele uluntu kwabelwane ngenkcubeko efanayo nangelifa lemveli yolwimi. I-WCCC ingenza nezindululo koku kulandelayo: • kubugcisa obubonakalayo, bemidlalo eyenziwayo neyoncwadi; • inzululwazi ngendalo nangabantu; • imbali ngenkcubeko; kunye • Nokwazisa ngenkcubeko nokubandakanyeka kolutsha kweenkcubeko. I-DCAS yongamele i-WCCC kwaye ibonelele nale Khomishini ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
IMigaqo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli yeNtshona Koloni, 2002	PN 336 yama-25 ngo-Oktobha 2002	I-DCAS yongamela iLifa leMveli yaseNtshona Koloni – abasemagunyeni kwizibonelelo zelifa yemveli yephondo bachongwa ngokweNHRA – kwaye ibonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwezemali. UMphathiswa wePhondo unoxanduva lokuseka abasemagunyeni nokuchonga iBhunga kwixesha ngalinye beziziphathamandla.
IMigaqo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli yeNtshona Koloni, 2003	PN 298 yama29 ngoAgasti 2003	I-DCAS yongamela iLifa leMveli yaseNtshona Koloni – abasemagunyeni kwizibonelelo zelifa yemveli yephondo bachongwa ngokweNHRA – kwaye ibonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwezemali. UMphathiswa wePhondo unoxanduva lokuseka abasemagunyeni nokuchonga iBhunga kwixesha ngalinye beziziphathamandla.
UMthetho wooVimba neNkonzo yeeRekhodki lweeNkcukacha eziBalulekileyo weNtshona Koloni, 2005	UMthetho 3 ka-2005 (eNtshona Koloni)	Lo Mthetho useka iNkonzo yePhondo yooVimba beenkcukacha neeNgxelo ezigciniweyo ukuze kulondolozwe iingxelo zikarhulumente nezo zingezizo ezikarhulumente ukuze zikwazi ukusetyenziswa luluntu nanguRhulumente ukwenza ezo ngxelo zifumaneke nokukhuthazwa ukusetyenziswa neNkonzo yokuGcinwa kweeNkcukacha zeNtshona Koloni ukukhusela uluntu.
I-IMyuziyams Ordinance, 1975	I-Ordinance 8 ka-1975	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho ngokuphunyezwa kwamaziko olondolozo

UMthetho weSizwe	ISalathiso	Inkcazelo
	(IPhondo laseKapa)	lwembali zephondo eNtshona Koloni. Umthetho omtsja wamaziko okulondoloza imbali yePhondo wenziwe kwiindibano nabanye abachaphazelekayo.
I-Oude Kerk VolksIMyuziyam Van 't Land van Waveren (Tulbagh) Ordinance, 1979	I-Ordinance 11 ka-1979 (IPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuqalisa nokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho ukulawula imicimbi yeziko lolondolozo lwembali i-Oude Kerk VolksIMyuziyam eTulbagh.
I-Provincial Library Service Ordinance, 1981	I-Ordinance 16 ka-1981 (IPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuqalisa nokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho malunga namathala eencwadi ephondo eNtshona Koloni.

7.3 Amagunya omgaqo-nkqubo

UMgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Imigaqo-nkqubo yeSizwe	
I-National White Paper on Arts, Culture and Heritage (1996)	Olu xwebhu lubonelela ngesicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo wesizwe nowephondo kwezobugcisa, inkcubeko nezelifa lemveli neenkonzo zamathala eencwadi neeNkonzo zooVimba.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weeLwimi seSizwe nemithetho-siseko (2003)	Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo sesizwe ngokusetyenziswa kwamalungiselelo oMgaqo-siseko namagunya ezomthetho kuzo zonke iinkalo zikarhulumente kuquka ne-DCAS. Lukwabeka namaqhinga omiliselo elandelwe.
UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi (Incwadi engoMgaqo-nkqubo wolawulo lweeRekhodi, 2007)	Olu xwebhu lulawula imida ethile apho amaqumrhu karhulumente kufuneka asebenze malunga nolawulo lweengxelo zabo nokuba ingazongamela njani na iingxelo i-DCAS zamaqumrhu karhulumente eNtshona Koloni.
Ukulawulwa kweeRekhodi ze-Elekhtroniki kumaQumrhu kaRhulumente, uMgaqo-nkqubo: IMithetho-siseko neeMfuno (2006)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo kumaqumrhu karhulumente ukuwancedisa ahambelane nemithetho malunga neengxelo ezikwikhompyutha njengeyona nto iphambili kulawulo lwezibonelelo zeengxelo. I-DCAS kufuneka ihambelane nemigangatho efanelekileyo emiselweyo Eweizwe neyamanye amazwe malunga nobuxhakaxhaka bekhompyutha, neeprogram zekhompyutha nokugcinwa kwazi koovimba beenkcukacha.
I-National Sport and Recreation Indaba Declaration (2011)	Oku kufuna i-DCAS ihambelane neenjongo zayo eziphambili ezicwangcisiweyo zesibhengezo esibeka umbono wezeMidlalo noLonwabo de ibengu-2020.
IsiCwangciso seSizwe sezeMidlalo noLonwabo (2012)	Esi siCwangciso seSizwe sezeMidlalo noLonwabo (NSRP) sibeka umbono wezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika de ibengu-2020.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo wezeMidlalo noLonwabo (2012)	Lo mgaqo-nkqubo uqaqambisa oku kulandelayo: • ukwandisa imigangatho yokuthatha inxaxheba kwezeMidlalo noLonwabo; • ukuphakamisa ingxelo yezemidlalo kwizinto eziphambili ezingquzulanayo; • ukwandisa impumelelo yemisitho emikhulu; kunye • nokubeka ezemidlalo phambili kwiinzame zokunciphisa

UMgaqo-nkqubo	Inkcazelo
	ulwaphulomthetho. Lulonke uxanduva lwezeMidlalo noLonwabo; lusezandleni ze-SRSA.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo kaRhulumente jikelele woBeko-liso noVavanyo kwiNkqubo (2007)	Injongo yeNkqubo ebanzi kaRhulumente yoHlolo noVavanyo (GWM&E) kukubanegalelo kulawulo oluphuculiweyo nokukhuthaza impumelelo yemibutho namaziko ecandelo lokarhulumente. Olu xwebhu lubonelela ngokongamela isakhelo somgaqo-nkqubo soHlolo noVavanyo (M&E) eMzantsi Afrika. Ikhuthaza ulawulo olubhekiselele kwiziphumo.
IPhepha lokuGaya izimvo ngoLawulo loMsebenzi noBeko-liso noPhengululo (2009)	Olu xwebhu lujolise ekwenzeni amagosa karhulumente nabasemagunyeni baqwalasele ekuphumezeni isiphumo nemiqathango yeziphumo ezikwiSakhelo esiCwangcisiweyo seXesha eliPhakathi (MTSF). Lujolise ekukhuthazeni umsebenzi omhle wesebe nowomntu ngamnye kuiwo onke amanqanaba.
Izikhokelo zamaSebe eSizwe nePhondo sezoCwangciso lwesiCwangciso-nkqubo se-M&E	Ezi zikhokelo zibonelela ngophuhliso lwesakhelo soHlolo noVavanyo kuwo onke amaziko karhulumente ukuze amaziko afumane inkqubela kwiinjongo zawo ezichaziweyo kuthathwe amanyathelo okulungisa izinto apho kuyimfuneko. Le nkqubo ifuna amasebe aqonde ngokubanzi zone iinkqubo zokugcinwa kweenkcukacha zolawulo, uluhlu lweenkcukacha zolawulo nesalathiso soMsebenzi. Izalathisi kufuneka zinxulunyaniswe nokuphambili kumgaqo-nkqubo nokuhlahlelwa koluhlu lwezalathisi kufuneka kwenzeke ukuqinisekisa ukuba kukho unxulumano phakathi konobangela neziphumo.
Izikhokelo ngeNkqubo yeMisebenzi kaRhulumente eYandisiweyo (EPWP)	Ezi zikhokelo zeSebe ze-EPWP kwiCandelo leNtlalo (lezeMidlalo ezokusiNgqongileyo neNkcubeko iMicimbi yeNkcubeko) zibonelela ngesakhelo kwiDCAS ukuba kusetyenziswe inkxaso-mali yecandelo likarhulumente ukuze kuncitshiswe intswela-ngqesho.
Imigaqo-nkqubo yephondo	
Koloni (PN 369, 27 Novemba 2001)	noMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, uMthetho 13 ka-1998. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi wokubonelela ngeenkonzo zoLwimi kuRhulumente weNtshona Koloni ngokwecandelo layo lolwimi.
UMgaqo-nkqubo weNgxowa-mali yezobugcisa neNkcubeko (2009)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yezemidlalo.
Izikhokelo ngeNgxowa-mali yezeMidlalo noLonwabo (2012)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yezemidlalo.
UMgaqo-nkqubo wokuthiywa kweeMpawu zeeNdawo (2015)	Lo mgaqo-nkqubo uthi thaca iindlela zokuqwalaselwa nezeenkqubo ekufuneka zilandelwe ze-DCAS nezeKomiti yamaGama eeNdawo eNtshona Koloni xa kuququzelelwa kudityanwa nabachaphazelekayo noluntu malunga nokubekwa emgangathweni, nokuphinda kuthiywe, okanye ukutshintsha kwamagama eendawo. La maqumrhu enza izindululo kwiBhunga lamaGama eeNdawo eMzantsi Afrika nakuMphathiswa wesizwe wezoBugcisa neNkcubeko.
INkqubo yoBeko-liso noVavanyo kwiPhondo jikelele (2009)	Olu xwebhu lusebenza njengempendulo yephondo kwinkqubo yyoHlolo noVavanyo oluBanzi lukaRhulumente. Injongo kukuphucula ulawulo nokunika iingxelo kwesigqeba sephondo ngokunika inkxaso zokwenza ngcono izigqibo ezibhekisele kubungqina: ukucokiswa komgaqo-nkqubo nokwabiwo kwezibonelelo ngempumelelo.
UMgaqo-nkqubo weeMyuziyam weNtshona Koloni (2013)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesiseko kumntu ngamnye nakuluntu ukuze kusekwe kwaye kugcinwe iinkonzo zemyuziyam zeNtshona Koloni. Ikwacebisa ngesakhelo semithetho emitsha ecetywayo yeenkonzo zemyuziyam zephondo endaweni yoMthetho weNkonzo zoLondolozo lweMbali obukho [IPhondo laseKapa], 1975.
UMgaao-nkqubo wemibutho karhulumente	Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukunika umkhomba-ndlela kumaqumrhu orhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngolawulo lweerekhodi zolawulo olululo, uxanduva lokuphendula kwakunye nolwazelelelo

UMgaqo-nkqubo	Inkcazelo
weNtshona Koloni woLawulo lweeRekhodi (2017)	lwequmrhu nezentlalo.
UMgaqo-nkqubo wezeDijithali wemibutho karhulumente weNtshona Koloni (2017)	Injongo yalo mgaqo-nkqubo okokuphambili kukunika isikhokhelo malunga nokufakwa kweenkcukacha kwikhompyutha njengeyona nto iphambili kulawulo olucikizekileyo lweerekhodi;
IsiCwangciso-nkqubo soLwimi lokuThetha ngeZandla soMzantsi Afrika sikaRhulumente weNtshona Koloni (SASL).	Kukukhuthaza ukusetyenziswa kolwimi olufikelelekayo nokumilisela unyamezelwano nabantu abathetha ngezandla.

Amaqhinga okusebenza	Inkcazelo
Amaqhinga okusebenza esizwe	
ISibonelelo-mali esineMiqathango: INkqubo yokuxhotyiwa kwala mathala eencwadi ukulungiselela ukwandiswa kweenkonzo zamathala eencwadi oluntu	I-DCAS inoxanduva lokuphumeza ngempumelelo nolawulo lweeprojekti zezibonelelo zeemeko ezithile eNtshona Koloni.
Imiqathango yeSivumelwano: IQela lePhondo eliManyanisiweyo leeNgcebiso ngezeMidlalo (2012)	I-DCAS inikwe umsebenzi yi-SRSA neSebe leSizwe leMfundo esisiseko ukuba iseke iqela elisebenzisanayo kwezeMidlalo eZikolweni ukubeka iliso nokunxulumanisa kananjalo nokuphumeza isicwangciso sezeMidlalo eZikolweni nokuqinisekisa ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo ezikolweni.
IziKhokelo zokumiselwa kweeKomiti zeeNkalo zeMidlalo ukuxhasa indlela eya kuziphatha ngayo ikomiti ukuxhasa iMidlalo Eweikolo (2013)	I-SRSA neSebe leSizwe leMfundo esisiseko libonelela ngemigaqo ecacileyo yokusekwa kweekomiti zemidlalo ethile kwezeMidlalo eZikolweni kwisekethe, kwizithili nakwiphondo. I-DCAS ixhasa iSebe leMfundo eNtshona Koloni (WCED) ukuba kuququzelelwe imisebenzi enxulumene nezemidlalo ezikolweni kwimidlalo eyahlukeneyo. Iikomiti zemidlalo ethile kulindeleke zinike ingxelo kwiintlangano ezifanelekileyo zezemidlalo.
Amaqhinga okusebenza ephondo	
Izithethe neMigangatho elungiselelwe amaThala eeNcwadi eNtshona Koloni	Izithethe neMigangatho iyimfuneko ukuqinisekisa ngobonelelo nophuhliso oluzinzileyo lweenkonzo zamathala eencwadi oluntu ukunceda kuMthetho oYilwayo weeNkonzo zamaThala eeNcwadi nePhepha laMalungelo eNguqu leeNkonzo zeThala leeNcwadi neNgcaciso lama-2014. Eli qhinga lilungisa izithethe nemigangatho elungiselelwe imisebenzi yethala leencwadi, abasebenzi, izibonelelo, ufikelelo kwi-intanethi, okuqokelelweyo kwethala leencwadi kunye neeyure zethala leencwadi ezilungiselelwe amathala eencwadi oluntu eNtshona Koloni
ISikhokelo seMidlalo yeZikolo (2013)	Olu xwebhu lwe-DCAS lunika isikhokelo kwabo bachaphazelekayo ngendlela yokuthobela imigaqo-nkqubo yezikolo ezahlukeneyo ndawonye nesiCwangciso seSizwe sezeMidlalo nezoLonwabo.
IQhinga loPhuhliso loLutsha	IQhinga loPhuhliso loLutsha lweNtshona Koloni lijolise ekunikezeleni

Amaqhinga okusebenza	Inkcazelo
leNtshona Koloni lowama-2013	ngenkxaso engaphezulu, amathuba neenkonzo kubo bonke abantu abatsha okokokuba babe nakho ukunxibelelana nokusingqongileyo ze babe ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Injongo yeli qhinga yeyokuba ulutsha lweNtshona Koloni luvuseleleke, lufunde, luthathe uxanduva, luzimele lube ngabantu abasempilweni abanobomi obululutho, babe neentsapho babe nobudlelwane xa bebudala bungama-25.
IQhinga loPhuhliso lweeNdidi zoLuncwadi (2008)	Olu xwebhu lunikezela ngesicwangciso-nkqubo esilungiselelwe uphuhliso, inkuthazo nokugcinwa kweendlela zobugcisa eNtshona Koloni.
IsiCwangciso—nkqubo sokhuphiswano lwemingcelele yonyaka (2012/13)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kwimiqathango nepesenti emayinikwe imingcelele yemiboniso yonyaka nokhuphiswano eMinstrels, naweeKwayala zeMalay.
isiCwangciso-nkqubo solwaluko seNtshona Koloni	Esi sikhokelo sibonelela ngesikhokelo kwizenzo zenkcubeko zolwaluko nemibutho yasekuhlaleni yenkcubeko, oomasipala nabanye abasemagunyeni.
isiCwangciso-nkqubo seMbali yoMlomo seNtshona Koloni	Esi sikhokelo sibonelela ngesikhokelo nemigangatho ekufuneka ithotyelwe xa kusenziwa udliwano-ndlebe kwinkqubno yembali yomlomo kubasebenzi be-DCAS nakumaqumrhu asebenza nayo asebenza kule nkalo.

8. Isimo soMbutho

Ubume beSebe (ukususela ngomhla wama-31 kuMatshi 2019) njengoko buboniswa kwiphepha eli landelayo.

Ubume beSebe



9. Amaqumrhu eSebe anika ingxelo kuMphathiswa

Le theyibhile ingezantsi ibonisa amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa:

Amaqumrhu kaRhulumente:

Igama lequmrhu	Igunya loMthetho	Ubudlelwane ngemali	Uhlobo lwemisebenzi
IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni	UMthetho weKomishini zeNkcubeko naMaBhunga eNkcubeko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 14 ka-1998)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili we-WCCC. Igqithisela iintlawulo kwiKomishini ukuba ixhase imisebenzi yayo ngemali.	I-WCCC inoxanduva ngokusemthethweni lokubhalisa nokususa amabhunga enkcubeko. Ikwanoxanduva lokongamela ukulawulwa kwamaziko athile enkcubeko aphantsi kolawulo loMphathiswa wePhondokwimicimbi yenkcubeko nezemidlalo.
IKomiti yeeLwimi eNtshona Koloni	UMthetho weeLwimi zePhondo weNtshona Koloni, 1998 (UMthetho 13 ka-1998)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili we-WCLC. Igqithisela iintlawulo kwiKomiti ukuba ixhase imisebenzi yayo ngemali. .	I-WCLC inoxanduva lokubeka iliso kukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; ukwenza izindululo kuMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko nezMidlalo nakwiPalamente yePhondo; ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi; ukuxhasa iilwimi ebezifudula zingaselwa so; nokucebisa uMphathiswa wePhondo wemicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo nePanSALB kwimiba yeelwimi eNtshona Koloni.
ILifa leMveli leNtshona Koloni	UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, 1999 (uMthetho 25 ka-1999)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili we-HWC. Igqithisela iintlawulo kwi-HWC ukuba ixhase imisebenzi yayo ngemali.	iHWC ngugunyaziwe wesiboneleo sePhondo selifa lemveli eNtshona Koloni enoxanduva lokuchonga, lokukhusela, lokukhuthaza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli ngokwemiqathango yoMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, 1999.

IiMyuziyam eziBhengeziweyo zePhondo:

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Ubudlelwane ngemali	Uhlobo lwemisebenzi
IMyuziyam iBartolomeu Dias, eMossel Bay	I-IMyuziyams Ordinance, 1975 (Ordinance 8 ka1975)	Ukusebenza kwezi myuziyam' kuxhaswa ngemali liSebe njengenxalenye yamacandelo alo.	Njengeemyuziyam ezifumana uncedo kwiphondo, ezi myuziyam zinoxanduva ngokusemthethweni lokulawula, ukugcina,
Iziko loLondolozo lweMbali iCape Medical, eKapa			
IMyuziyam yaseKapa			
IMyuziyam yaseGeorge			

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Ubudlelwane ngemali	Uhlobo lwemisebenzi
IMyuziyam yaseWorcester			ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza uqokelelo lwazo ngokuhambelana kwimigomo eyamkelweyo kwimyuziyam nganye kunye neenjongo zeqhinga leDCAS

Proclaimed Province-aided IMyuziyams:

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Ubudlelwane ngemali	Uhlobo lwemisebenzi
IMyuziyam yaseBeaufort West	UMthetho weeMyuziyam, 1975 (uMthetho wesi-8 we- 1975)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili weemyuziy am ezininzi ezifumana uncedo kwiPhondo. I-DCAS yenza kufumaneke inkxasomali yokulungiswa kwamaziko olondolozo lwembali ize yenze kubekho isibonelelo sokulawulwa la maziko ngaphandle kweZiko loLondolozo lweMbali iCango Caves IMyuziyam, engasebenziyo.	Njengeemyuziyam Ezifumana uncedo kwiphondo, ezi myuziyam zinoxanduva ngokusemthethwe- ni lokulawula, ukugcina, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza ukuqokelelwa kwazo ngokokuqulathwe kwiziko ngalinye.
IMyuziyam yaseCaledon			
IMyuziyam yaseCP Nel, eOudtshoorn			
IMyuziyam yaseDrostdy, eSwellendam			
IMyuziyam yaseGenadendal Mission			
IMyuziyam yaseHout Bay, eKapa			
Huguenot Memorial IMyuziyam, yaseFranschhoek			
Cango Caves IMyuziyam, yaseOudtshoorn			
Wheat Industry IMyuziyam, yaseMoorreesburg			
Lwandle Migrant Labour IMyuziyam, yaseKapa			
IMyuziyam yaseMontagu			
Old Harbour IMyuziyam, yaseHermanus			
Oude Kerk VolksIMyuziyam, yaseTulbagh			
IMyuziyam yasePaarl			
SA Sendinggestig IMyuziyam, yaseKapa			
Simon's Town IMyuziyam, eKapa			
Shipwreck IMyuziyam, eBredasdorp			
IMyuziyam yaseStellenbosch			
Togryers IMyuziyam, eCeres			
IMyuziyam yaseWellington			

IiMyuziyam eziBhengeziweyo zengingqi:

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Ubudlelwane ngemali	Uhlobo lwemisebenzi
IMyuziyam Fransie Pienaar, ePrince Albert	UMthetho weMyuziyam, we-1975 (UMthetho wesi-8 we-1975)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili weemyuziyam zasekuhlaleni. Yenza kubekho ugqithiselo-ntlawulo iintlawulo ezigqithiselwayo ukunceda ulawulo lweemyuziyam zengingqi.	Njengeemyuziyam zasekuhlaleni ezibaluliweyo, i Iziko loLondolozo lweMbali zinoxanduva ngokusemthethweni lokulawula, ukulondoloza, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza ukuqokelelwa kwezinto ngokokuqulathwe kw Iziko loLondolozo lweMbali nganye.
IMyuziyam yaseGreat Brak River			
Jan Danckaert IMyuziyam, ePorterville			
IMyuziyam yaseRobertson			
SA Fisheries IMyuziyam, eLaaiplek			

Ikomiti yeengcebiso Eweebe

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Ubudlelwane ngemali	Uhlobo lwemisebenzi
IKomiti ejongene notshintsho lwaMagama eeNdawo eNtshona Koloni	UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo laseMzantsi Afrika, 1998 (UMthetho 118 ka-1998)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili wekomiti. Imali yayo iyinxenye yohlahlo-mali lweSebe	Ikomiti icebisa uMphathiswa ngemicimbi emayela nokutshintshwa kwamagama eendawo ngokomthetho UMthetho weBhunga laMagama eeNdawo lsaeMzantsi Afrika.

ICandeloB

AMAVANDLAKANYA NGOKUSEBENZA KWESEBE

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: Iinjongo ezimiselweyo

I–AGSA ngesi sihlandlo uqhuba iindlela ezithile zophicotho-ncwadi ngengxelo yokusebenza ukuze anike ingqinisekiso eyamkelekileyo yokuqukumbela uphicotho-ncwadi. Ukuqukumbela uphicotho-ncwadi ngendlela yokusebenza kuthelekiswa neenjongo zeqhinga kuqukwe kwingxelo yabalawuli kunye kunye nokufunyenweyo okungabambekiyo okuchazwe phantsi kwesihloko seenjongo ezimiselwe kwangaphambili kwiNgxelo engelinye, kungekho kwiNgxelo engelinye icandelo leemfuno zomthetho nezilawulayo zengxelo yomphicothi zincwadi.

Jonga kwiphepha le-210 elilungiselelwe iNgxelo yoMphicothi-ncwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: Iinkcukacha zezimali zale Ngxelo yoNyaka wama-2018/19.

2. Amavandlakanya ngokusebenza kweSebe

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sisixhobo esisetyenziswa ukuncedisa ukwakha ubunye kuluntu lwaseNtshona Koloni. ISebe linoxanduva lokunikezela ngezi nkonzo zilandelayo:

IINKONZO EZINGUNDOQO	INKCAZELO YENKONZO
Iinkonzo zekxaso zolawulo	• Ukunikezela ngenkxaso yeqhinga nolawulo lokusebenza kwiSebe. • Ukunikezela ngeenkonzo zemali nolawulo lwesixokelelwano sonikezelo kwiSebe. • Inkxaso yeqhinga lolawulo nolungelelwaniso lweenkqubo ze-EPWP kwiCandelo lokusiNgqongileyo neNkcubeko kwi-DCAS.
UBugcisa neNkcubeko	• Ukuququzelela uphuhliso, ulondolozo nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokuyila amacandelo asebenzayo nasebenza ngovuselelo lobugcisa nenkcubeko, obugcisa nenkcubeko asebenza kakuhle, imisebenzi nezimo ezisigqongileyo ize inikezele ngenkxaso noncedo kwiKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (WCCC) ukwenza umsebenzi emiselwe wona ngokusemthethweni. •
ULawulo lweZibonelelo zeMyuziyam neLifa leMveli neeNkonzo zaMagama eeNdawo	• Ukukhuthaza, ukulondoloza nokuphuhlisa amagugu esizwe ngokunikezela iinkonzo zeziko lolondolozo lwembali nezihambelana nazo kumagatya karhulumente kuze kunikezelwe ngenkxaso esemthethweni kurhulumente nakwimyuuziyam ezihambelana naye. • Ukukhuthaza, ukulondoloza nokulawula ilifa lemveli nezixhobo zokusebenza eNtshona Koloni kunye nokuququzelelwa kwemiba ehambelana nemiba yezinto ezenza ixhala lamagugu ehlabathi eNtshona Koloni. • Nokuncedisa ngolawulo lwezixhobo zokusebenza ngamafa emveli ngokusebenzisa ulawulo lomthetho ohambelana nawo. • Ukuququzelela ukumiselwa kweenkqubo zomgangatho othile weelwimi okanye utshintsho lwamagama eendawo zaseNtshona

IINKONZO EZINGUNDOQO	INKCAZELO YENKONZO
	Koloni, aho kufanelekileyo. • Ukucebisa oomasipala nokusebenzisana nabo ekuqinisekiseni ukuba imithetho-siseko ye-SAGNC iyasebenza kumagama eendawo aphantsi kolawulo lwakhe
IiNkonzo zoLwimi	• Ukukhuthazwa nokuphuhliswa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni; • Ukukhulisa nokuphuhlisa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni, kuphuhliswa iilwimi zabantu bomgquba ezazijongelwe phantsi ngaphambili eNtshona Koloni; • Ukuququzelelwa ukusetyenziswa nokubeka iliso kuMgaqonkqubo weeLwimi kunye • Nokunika inkxaso nolawulo olusulungekileyo kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC) ukuqhuba umsebenzi wayo omiselwe ngosekumthethweni.
IiNkonzo zeThala leeNcwadi	• Ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi nengxelo kunye nokukhuthazwa kwenkcubeko yokufunda nokuqhuba ngemfundo kubanjiswene nomasipala.
IiNkonzo zooVimba	• Ukwenza iinkcukacha zoovimba belifa lemveli ziyafikelelwa kwanokukhuthaza ulawulo olululo nokukhathalelwa kweengxelo zoluntu.
IiNkonzo zeMidlalo	• Ukunikezela ngenkxaso yeenkonzo ezikhethekileyo kwezemidlalo nolonwabo. • Ukubonelela ngenkxaso yabaxhamli-nkonzo nenzululwazi.
IiNkonzo zoLonwabo	• Ukukhuthaza iinkonzo zokuzonwabisa.
IMidlalo yeZikolo	• Ukukhuthaza imisebenzi ethile nengqalileyo emva kwesikolo kunye namathuba okuthatha inxaxheba kwinqanaba elingentla.
INkqubo yeMOD	• Ukukhuthazwa kothatyatho-nxaxheba sisininzi gokunikezelwa kwemisebenzi eyahlukeneyo yasemva kokuphuma kwesikolo.
After School Game Changer	• Ulungelelwaniso, ukwandisa nokwakhiwa kwekhono kulungiselelwa usuku olwandisiweyo okanye iinkqubo zasemva kokuphuma kwezikolo kungekho mrhumo okanye umrhumo ophantsi wezikolo kwiPhondo lonke nangokuqamlezileyo kwiDCAS, DSD, WCED, DoCS kunye neDotP. IGame Changer isebenza ngokunjalo neSixeko saseKapa namakhulu eeNGO.

Unikezelo lwenkonzo zalo iSebe ngonyaka wama-2018/19luxoxwa kwicandelo 2.1 ngasezantsi.

2.1. Imeko yokunikezelwa kweenkonzo

Kulo nyaka uphononongwayo kwafuneka iSebe liqononondise, lihlengahlengise iindlela zokusebenza ngenxa yezabelo-mali ezicuthiweyo ngexesha lohlahlo lwabiwo-mali ngenxa yemeko yezoqoqosho engathandekiyo eyenziwa kukukhula kade koqoqosho, ukunyuka kwamaxabiso empahla, ezidlule zangaphezulu kunezivumelwano zemivuzo ekuvunyelwene ngayo nokungaqiniseki kunye nokukrokra kwinkalo yezoqoqosho. Ukucutha ifuthe lezoqoqosho kwiinkonzo nokukhusela ukhuseleko lweenkonzo kwabo bazidinga kakhulu, iSebe lasebenzisa ixabiso le mali njengomqathango laze lasebenzisa imali eyabelwe iSebe ukuze lenze umsebenzi walo ngendlela eyiyo nefanelekileyo ukuqhuba umsebenzi.

EZOBUGCISA NENKCUBEKO

Imeko yezoqoqosho ekujongenwe nayo kungoku nje yenziwa nzima kukufunwa ngamandla kweenkonzo, yenze icandelo lezobugcisa nenkcubeko lihlaziye amaqhinga alo malunga nokuba zingenziwa njani na iinkonzo eluntwini. Kwinkalo apho kufuneka ngamandla khona izibonelelo, kuya kufuneka kudityaniswe iinkqubo oko kwenziwe kubanjiswene ngurhulumente wesizwe nowommandla ube yindlela yofikelela kwiziphumo ekujoliswe kuzo. Ukwenza kubekho iinkqubo zentsebenziswano yeyona nto iphambili eya kulenza iSebe lizihambise iinkonzo ngempumelelo, zikhule kananjalo zenziwe ngendlela ezinzileyo. Ukuphumeza isigunyaziso salo sokusebenza, eli candelo lamaSebe obuGcisa neNkcubeko lisoloko liyinike ingqalelo imiba yokusingqongileyo neyentlalo, iinqobo ezisesikweni zenkcubeko, iinkolo neendlela ezibalulekileyo kuluntu, ngoko kuqinisekiswa ukuba iinkqubo ezinikezelweyo zifanelekile yaye zilulutho.

IIMYUZIYAM, ULAWULO LWEMITHOMBO YELIFA LEMVELI NAMAGAMA EENDAWO

Icandelo lemyuziyam, ilifa lemveli nelamagama endawo lidlale indima ebalulekileyo ekwakheni ubandakanyo lwentlalo, ukukhuthaza ukhenketho, nokukhula koqoqosho lwengingqi. ISebe liqhubile ngeqhinga ukuxhasa iiprojekti zelifa lemveli ezifana neMandela Legacy Project, the Resistance and Liberation Heritage Route, kunye nophuhliso lwefayile enika ingxelo ezimbini ezikhethiweyo kulungiselelwa iWorld Heritage Sitesezicetywayo kwiPhondo.

Izithintelo zokusetyenziswa kwamanzi kwiNtshona Koloni zisasele zingumngeni yaye iimyuziyam ezimanyeneyo kunyanzeleke ukuba zihambelane nesi simo. Iindleko zophicotho-zincwadi zeemyuziyam ezincedwa liphondo zisasele ziphakamile. UMphicothi-zincwadi Jikelele udingeka ukuba aqhube uphicotho-zincwadi lonyaka lweemyuziyam ezincedwa liPhondo ngokwemiqathango yecandelo 32 loMthetho weMyuziyam. Imirhumo yoqokelelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele yowama-2017/18 yaba zizigidi ezi-R2.3, ze yowama-2018/19 yabazizigidi ezi-R2.5. KwiiMyuziyam ezincedwa liPhondo ezili-19, iindleko zonyaka ngomyuziyam ngamnye ziba kumndilili we-R131,579 (2018/19) ngophicotho-zincwadi ngalunye ngomyuziyam ngamnye. Le mirhumo ayizinzanga kwiimyuziyam yaye iba nempembelelo enkulu kwizibonelelo esele zinqongophele zeemyuziyam. Umphumela ngowokuba iimyuziyam azikwazi ukwaba izibonelelo ngokwaneleyo ngokubhekiselele kwimisebenzi yazo engundoqo ukulungiselela ukugcina ukubonisa nokufundisa uluntu ngokubhekiselele ngelifa lemveli elihlangeneyo lephondo lethu. Oku kunempembelelo kwikhono leemyuziyam lokunikezela ngeenkonzo nokutsala umdla wabakhenkethi, ze ngoko linciphise kakhulu ikhono lazo lokunikela kukhenketho nophuhliso loqoqosho kwilizwe.

IINKONZO ZEELWIMI

UMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni udlale indima ephambili ukunika intsingiselo kwimithetho yoMgaqo-siseko yolwimi ethe yabaluleka kakhulu kubantu bethu. Umgaqo-nkqubo ube sisikhokhelo sethu waze waseka isiseko sokuqhubela phambili sithe sakwenza ukukhuthaza iwonga nokusetyenziswa kwazo zonke iilwimi ezisesikweni kwiPhondo. Siyaqhubeka ngokunikezela ngeenkonzo zoguqulelo nezokutolika kuwo onke amasebe ephondo eNtshona Koloni ngazo zontathu iilwimi ezisesikweni, kubandakanywa noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika.

I-UNESCOinikezele unaka wama-2019 *njengoNyaka weeLwimi zeMveli*. Oku kubeke ingqiqo yeenzame zeeprojekti ezijolise ngakumbi kowama-2019. Ngeli thuba, iSebe liqhubile ukukhumbula nokuhlola iindlela zokukhuthaza nokuzinzisa iilwimi zeSan neKhoi.

Ubume besigama solwimi buyazinza kancinane malunga nolwimi kwiiPhondo. Ngeenjongo zoguqulelo nokutoliika, imimandla emitsha iyavela apho imithetho ngokwakaloku nje ingekhoyo. Oku kuvelise isidingo sokokuba iSebe linxulumane neenkqubo zokuphuhlisa isigama esitsha kulungiselelwa amacandelo awahlukeneyo, umzekelo iMithetho yeHlabathi elungiselelwe iQakamba ithe yaguqulelwa esiXhoseni.

Isimo solwimi sibanga okokuba sande ngaphezulu kweelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, ukubandakanya uLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika, nokuphakamisa iwonga nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezo lwimi zemveli zabantu beNtshona Koloni eziwonga nokusetyenziswa besele kumfiliba ngokwembali. Oku kudinge uphuhliso lwesiCwangciso-nkqubo soLwimi lweMinwe.Ukulandela ukuphuhliswa kwencwadana ethi "Teach Yourself Nama", iSebe liya kuhlolo iimethodi ukukhuthaza iilwimi zeKhoi neSan nokuqinisekisa ngozinzo lwazo.

INKONZO YETHALA LENCWADI

ISebe lixhasa yaye lilolonga amaziko enkonzo yamathala eencwadi angama-375 athe saa kulo lonke iphondo njengale ndlela ilandelayo: eCape Winelands – 89; Eden / Central Karoo - 84; West Coast – 93; nakwiMetropole – 109.

I-intanethi esimahla iyanikezelwa kuluntu ngeprojekti eyiRural Library Connectivity kumathala eencwadi angama-226. Le projekti iyinxalenye yeLinge leBroadband yaye noluntu olunengeniso ephantsi luyabonelelwa kunxulumaniso oluphezulu lwe-broadband.

Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iThala leeNcwadi laseDiazville (eSaldanha) laqhekezwa kwebiwa lonakaliswa ngethuba logwayimbo. IThala leencwadi kwanyanzeleka ukuba livalwe ngenxa yomonakalo omkhulu kwisakhiwo. IThala leeNcwadi loLuntu laseZwelihle (eHermanus) lisavaliwe emva kokuba lonakalisiwe ngowama-2017/18.

INKONZO YOVIMBA

Ukusetyenziswa kweNgcaciso neTheknoloji yoNxibelelwano ukulungiselela ufikeleleko ngokukhawuleza kwimathiriyeli yoovimba kunye nolawulo lweerekhodi ze-elekhtroniki yindlela ephawulekayo yehlabathi ngokubanzi. Ukuze uhlale uhambelana nophuhliso, iSebe lanikwa uxanduva lokuqalisa ngekhono loLawulo lokuQulathiweyo kweShishini (ECM) kumasebe eWC. Oku kusaqhutywa yaye uqeqesho luyanikezelwa kubasebenzi abafanelekileyo.

Ukumiliselwa kwe-ECM kwavavanywa ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Ekujoliswe kuko okungundoqo kovavanyo kukumisela okokuba ingaba i-ECM imiliselwe ngokufanelekileyo na ngokwe-ECM Transversal Blueprint and Business Case.Ukulungiselela ukunceda isicwangciso-nkqubo somiliselo kulungiselelwa amanqanaba alandelayo omiliselo lwe-ECM. IProjekti yeDijithali eqhubekayo yooVimba ukufaka kwidijithali imathiriyeli yoovimba yanikezelwa ngumnikezeli wenkonzo kwisebe njengomsebenzi oqhubekayo. Le projekti ijolise ekunikezeleni ekugqibeleni ngelungelo lokufumana ilekhtroniki kubuninzi obupheleleyo bokuqokelelweyo bembali yovimba obugcinwe kooVimba. Njengenxalenye yeenkqubo zeSebe zobandakanyo lwentlalo, ooVimba kunye nooVimba beSizwe, basingathe iVeki yooVimba beSizwe kwiveki Eweibini kaMeyi 2018. Le veki ivulelekileyo yombhiyozo inikezele

ngamathuba kuluntu oluninzi, izikolo, iiyunivesiti, kunye nabanye abachaphazelekayo okokuba bafumane ingqiqo engaphezulu kukusetyenziswa koovimba, yaye babone amagumbi owomeleleyo okugcina, kunye neenkonzo ezibalulekileyo zegumbi langasemva ezifana nokugcinwa kweerekhodi zovimba. Ucweyo lwembali yosapho lolona lwaqaqambayo kumsitho. Ukuqhubela phambili ubandakanyo lwentlalo, iSebe linikezele ngamathuba kuluntu okokuba lurekhode iimbali zalo zomlomo ukuzalisa izithuba kwiirekhodi zembali. Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iLinge leMbali yoMlomo laqaliswa eLaingsburg, eVredendal, eTankwa Karoo naseZoar. Oku kurekhodiweyo kugcinwe kumathala eencwadi, kwiimyuziyam nakooVimba.

IMIDLALO NOLONWABO

Okungundoqo kweQhinga kwesicwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo kukunikezelwa kwisigunyaziso se "Active and winning Nation". Ulonwabo lujolise kolu nikezelo lwesigunyaziso nokunikezelwa kwimicimbi ethi ifune uthatho-nxaxheba ngokuzithandela. Ikwalinika ngokunjalo ithuba lokufikelela namathuba ze lusebenze njengeqonga kulungiselelwa abathathi-nxaxheba okokuba banyukele kwinqanaba elilandelayo lothatyatho-nxaxheba. Nangona kunjalo, uhlobo lokuzithandela lothatyatho-nxaxheba lolonwabo lunganakho ukuthintela ukusebenza kweSeba njengoko abantu benakho ukukhetha okokuba ingaba bangafuna na okanye hayi ukunceda okanye ukuthabatha inxaxheba.

Inkqubo yeMOD ijolise kunikezelo lwesigunyaziso se"Active Nation", ngeli thuba linye ngokunjalo kubekwa inqwanqwa elilungiselelwe abantwana abasahamba isikolo abanekhono, okokuba baqhutyelwe kwisithuba sokunikezela ekugqibeleni nge-"Winning Nation". Ukwenza njalo, iNkqubo yeMOD inikezela abathabathi nxaxheba bayo (abafundi nabaqeqeshi) ithuba lokufumana amathuba awahlukeneyo, umz. Uthatyatho-nxaxheba kwinqanaba laphakathi kwezikolo ezininzi naphakathi kwesikolo nesinye, ngokunjalo nakwinqanaba lokuphuhliswa kwetalente. Ngokubanzi, kukho umdla okhulayo kuthatyathonxaxheba lwasemva kokuphuma kwesikolo kuMaziko e-MOD. Inani lamabali empumelelo athe avela njengomphumela yokufunyanwa kwelungelo namathuba athe anikezelwa ngokusetyenziswa kweNkqubo yeMOD. Nangona kunjalo, kweminye imimandla ethile, ukhuseleko lwabaqeqeshi nabafundi luyagrogriswa yaye oku, ngamanye amathuba, kubangela ukuhla kwenani labazimasileyo. Ibonakele kanjalo into yokokuba apho ubunkokheli besikolo bunenkxaso kunye/okanye bunendlela yentsebenziswano ngokuphathelelene neNkqubo yeMOD, iziphumo, umz. uhlobo lomlinganiselo wokubakho kwabafundi kumaZiko achaphazelekayo eeMOD, ube ngofanelekileyo. Ngaphezulu, umdla okhulayo kwiNkqubo yeMOD kunye noko ukunikezelayo, ilungile kuphuhliso nokukhula ngoko, ingakumbi ngokuphathelelene nokuthatyathwa kwenxaxheba kunye nomlinganiselo wokubakho kwabafundi.

Imidlalo yezikolo ijolise kwinqanaba elilandelayo lothatyatho-nxaxheba umz. Ukuthatyathwa kwenxaxheba kumanqanaba aphakathi kwesithili nesinye naphakathi kwephondo nelinye, ngokunjalo nakumanqanaba ophuhliso lwetalente, abhekiselele kunikezelo lwe-"Winning Nation". Uxinzelelo apha lokuphuhlisa olungaphezulu nakukukhula kwamakhono namanqanaba etalente abathabathi-nxaxheba. Nangona kunjalo, iinguqu ezithile ngamanye amaxesha ezingaphaya kwamandla ethu zinganakho ukuba nempembelelo embi kunikezelo lwenkonzo yemidlalo yezikolo eNtshona Koloni. Amacandelo eMidlalo yeZikolo zePhondo kufuneka adityaniswe namacandelo eMibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo yaye kufuneka abe ayasebenza ngokupheleleyo yaye alungelelanisiwe, ukulungiselela ukuququzelela ukunikezelwa ngokulungileyo kweenkonzo zemidlalo yezikolo.

Amacandelo eMibutho eManyeneyo yeMidlalo yePhondo kufuneka yenze ngokupheleleyo indima yawo njengabagcini beekhowudi ezahlukeneyo zeMidlalo yeZikolo, ukulungiselela ukuqhama kwekhowudi nophuhliso kunye nokukhula okufunyenweyo nokugqiniweyo. Ngaphezulu, iyunithi yeSebe leMidlalo yeZikolo nayo isebenze ekunxulumaniseni amaZiko eMOD kunye nezikolo ezikubumelwane bawo, athe ekugqibeleni akhokhelela kuphuhliso lweNkqubo yeZikolo zoBumelwane, kunye namaLinge eMbumba yoBumelwane. Ngaphezulu, le nkqubo ikhokhelele ngokunjalo kuyilo lweeklabhu ezintsha kubumelwane obufanelekileyo, ngoko kunikezela ilungelo lokufumana amathuba amatsha naqalayo alungiselelwe abathathi-nxaxheba.

Ulonwabo nemidlalo idlala indima ebalulekileyo kuphuhliso loluntu. Ngophuhliso lwezemidlalo nokukhuthazwa, iSebe lisebenza ngolonwabo nemibutho yoluntu ekuququzeleleni amalinge ophuhliso lolonwabo nemidlalo. Nangona kunjalo, ayiphelelanga ekuboneleleni ngamaziko emidlalo, nemisitho ephambili yemidlalo, inkxaso kwimibutho emanyeneyo yemidlalo neeklabhu. INkqubo yoPhuhliso lweKlabhu iyaqhuba ekuqinisekiseni ngento yokokuba umbindi wemidlalo uxhaswe nokupheleleyo ukulungiselela ukunika ubungxamo kuqhubeko lophuhliso lwemidlalo obuya kubandakanye abadlali, iimbaleki, abaqeqeshi kunye namagosa obugcisa ingakumbi kwiikhowudi zemidlalo eziphambili ezili-16.

ISebe linikele kwimisitho engundoqo kwiPhondo kuzo zonke izithili ngoko likhuthaza ukhenketho lwemidlali kwiPhondo. ISebe liqalise ngeenkqubo zemidlalo zabo bonke abaqhuba kwinqanaba eliphezulu kuwo onke amaziko emfundo ezithili akwiphondo.

AFTER SCHOOL GAME CHANGER

Iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ezikwi-After School Game Changer ziya zihlangabeza iinjongo zeQhinga lePhondo loPhuhliso loLutsha ngokusetyenziswa kokunikezelwa kwabantu abadala abanololongo lokusebenza nolutsha lwethu, ukuphuculwa kwemfundo ngokunikezelwa kwemfundo, imidlalo, ubugcisa nenkcubeko kunye namakhono obomi, ukuyilwa 'kwamaqela' alungileyo kulungiselelwa ulutsha lwethu okokuba lube yinxalenye, yaye kuyilwe amathuba amatsha kulungiselelwa ulutsha oluthe lwaqhawukana nonxibelelwano lwesikolo okokuba lunxibelelane.

Ngowama-2018/19 bekukho abafundi ababhalisiweyo abali-169 500 kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo, ama-84 974 abo azimasa rhoqo iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo (kabini ngeveki okanye ngaphezulu) narhoqo (unyaka wonke).

Kunyaka ophantsi kovavanyo i-AfterSchool Game Changer isebenze nabachaphazelekayo ukwakha umbutho wokuxhasa usuku lwesikolo olwandisiweyo. Ngaphezulu kweeNGO ezingama-300 zivuselelwe ze zacwangciswa yaye iinkqubo ezininzi zikarhulumente zilungelelanisiwe ukuyenza into yasemva kokuphuma kwesikolo ibe yinene kubo bonke abafundi eNtshona Koloni. Ekupheleni konyaka ophantsi kovavanyo, ama-568 (ngaphezulu kwe-50%) izikolo ezinemirhumo ephantsi ehlawulwayo okanye ekungahlawulwa mirhumo zinike ingxelo yokuba neenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ezisebenzayo.

Kwisithuba sonyaka odlulileyo inkqubo ijolise ekuqinisekiseni ukulunga kwezi nkqubo.Oku kubandakanya ukuphuhliswa kwezixhobo ezifana nophicotho kunye nezixhobo zokugqala, ukuphuculwa kokuqokelelwa kweenkcukacha zolwazi kunye nohlahlelo, nokuphuhliswa kwekhono lamagcisa aphuhlisa iinkqubo. Inkqubo inikezela ngenkqubo yoqeqesho Eweiseko

yasemva kokuphuma kwesikolo yeentsuku ezine ukwangezelela kwinkqubo ekwinqanaba eliphezulu yonyaka wonke. Lo msebenzi uyinxalente yeenzame ezingaphezulu ukumisa ngokusesikweni icandelo nokuqaliswa kwesiqinisekiso esitsha yaye siyaqhutywa kunye neYunivesiti yaseStellenbosch kulungiselelwa bonke ootitshala abakhulisa abafundi.

Inkqubo iyanikezelwa kusetyenziswa uyilo lothelelwano. Kwinqanaba elisezantsi kukho intsebenziswano phakathi kwesikolo kunye nabanikezeli benkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo. Kukho ubambiswano phakathi korhulumente kunye necandelo elingekho phantsi kolawulo lukarhulumente ukulungiselela ukwandisa ukunikezelwa kwenkonzo; kukho ubambiswano phakathi kwesikolo noluntu ukuqinisekisa ngokhuseleko; yaye kukho ubambiswano phakathi korhulumente nabaxhasi ngemali ukulenza eli candelo libe leliqinisekisiweyo nokuphuculwa kokulunga kokubonelelwa. Oku kudinga ulwakhiwo lwamakhono obambiswano kubo bonke abachaphazelekayo. I-After School Game Changer isebenze ne-UCT Bertha Centre ukuphuhlisa isifundo sobunkokheli ejolise ekuguquleni uthelelwano elungelelwaniselwe imfundo eyandisiweyo, uyilo luphandiwe yi-Institute for Security Studies njengoyilo lothelelwano nolungelelaniso, yaye inkqubo yanikwa ingqwalasela ngenxa yoyilo lwayo lwenguqu yothelelwano kuMabhaso obuChule beNkonzo yowama-2018,ifumana igolide kwicandelo lenguqulelo.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lizibophelele ekuzinziseni ubunkokheli balo becandelo. INkqubo yoYilo loMbutho iqalisiwe yaye iqela elikhoyo leprojekti ligciniwe de inkqubo iqukunjelwe.

2.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo

ISebe ligqibezele isicwangciso sokuphucula ukunikezela ngeenkonzo. Iitheyibhile ezingezantsi zibonisa isicwangciso sokunikezela ngeenkonzo kunye nezinto eziphunyelelweyo ukuza kuthi ga ngoku.

Iinkonzo ezingundoqo nemigangatho

IiNkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Imigangatho yenkonzo yangoku/ekujoli- swe kuyo	UMgangatho weNkonzo olindelekileyo	Okona kuphunyeziweyo
Ukufikelela kwizibonelelo zeNkcubeko	Amaqela nabantu/imibutho yasekuhlaleni Ikomishini yezeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) Amasebe	a) 27 256 Ukufikelela nokusebenzisa iziBonelelo zeNkcubeko Upapasho lwakutshwa ufezekiso olungaphezulu lubangelwa ziindleko eziikhuphisanayo. Ekujoliswe kuko kuqhutywa libango	a) 21 325 (okujoliswe kuko) Ukufikelela nokusebenzisa iziBonelelo zeNkcubeko	a) 14 504 kufikelela nokusebenzi-sa iziBonelelo zeNkcubeko. Ukuncipha kumanani kunokubalelwa kukuvalwa kwe-Okkie Jooste (iziko elikhulu ngokomtham o) isithuba sonyaka ngenxa

IiNkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Imigangatho yenkonzo yangoku/ekujoli- swe kuyo	UMgangatho weNkonzo olindelekileyo	Okona kuphunyeziweyo
				yokulungiswa nokuhlaziywa okwenziwa liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulument e kwiziko
		b) Umgaqo-nkqubo ophuhlisiweyo wokusetyenzi-swa kweziBonelelo zeNkcubeko kunye neSOP kulungiselelwa izikhalazo ezamkelweyo	b) Ukuncipha kwabangelwa kukuvalwa kwelinye lamaziko kulungiselelwa ulungiso isithuba esingangeeveki ezingama-30	b) Decrease was experienced due to renovations at Okkie Jooste
		c) Iinkqubo zangapha-kathi nangapha-ndle zekhompyu-tha ezivavanyi-weyo yazilungelela-nisa iinkqubo kunye nenkqubo ye-elektroniki	c) Ulungelelwani so nokuphuculw a kweenkqubo zolawulo	c) Bonke abasebenzisi beziko baziswa kwangethub a ngokuguqulel wa kwinkqubo ye-elektroniki kunye neenguqu kwindleko kunye neenkqubo zokubhukisha umgaqo-nkqubo omiliselweyo wokusetyenzi swa kwamaZiko eNkcubeko kunye neSOP elungiselelwe izikhalazo ezifunyenwey o. d) Ukumiliselwa kwenkqubo ye-elektroniki yokubhukisha
		d) Inkqubo yahlolwa ngaphakathi	d) Inkqubo ye-elektronikieqal iswayo	

IiNkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Imigangatho yenkonzo yangoku/ekujoli- swe kuyo	UMgangatho weNkonzo olindelekileyo	Okona kuphunyeziweyo
		kunyaka ophantsi kovavanyo yaye yonke imiba yobuchule yaqwalaselwa phambi kokuqalisa ukusetyenziswa ngaphandle ngo-Epreli 2018	enakho ukufumaneka nakubani na nangaliphi na ixesha	
IiNkqubo zeMfundo yeMyuziyam	IiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 abafundi naBemi	a) IiNkonzo zeMfundo zabonelelwa kwiiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 ngesicelo b) Ama-80% eeNkqubo / aMangenelo eMfundi avavanywa ngamaGosa eMfundo c) Ipakethe enye yemathiriyeli yeMfundo EweiNgesi yaphuhliswa ze ephulaphulwa yo ngokunjalo yaqukunjelwa. Ilindelwe okokuba iguqulelwe kwisiBhulu nakwisiNgesi d) Ucweyo lwamakhono emfundo lwaqhutywa ze lwagqitywa kwiiMyuziyam eyaseWorce-ster neyase-George e) Ucweyo	a) IiNkonzo zeMfundo zabonelelwa kwiiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 ngesicelo (xa kukho izicelo kwaye nezibonelelo zivuma) b) ama-50 eepesenti endlela eziqhuba ngayo iinkqubo zemfundo zeMyuziyam namangenelo ayaphonono-ngwa c) Iinkqubo ezimbini eziguqulelwe kwisiBhulu ukwandisa ufikeleleko lwemathiriyeli yenkqubo d) Ukufikeleleka kwemathiriyeli yoqeqesho kwiimyuziyam ezimbini e) Ucweyo	a) IiNkonzo zeMfundo zabonelelwa kwiiMyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 ngesicelo (xa kukho izicelo kwaye nezibonelelo zivuma) b) ama-50 eepesenti endlela eziqhuba ngayo iinkqubo zemfundo zeMyuziyam namangenelo c) Iinkqubo ezimbini eziguqulelwe kwisiBhulu ukwandisa ufikeleleko lwemathiriyeli yenkqubo d) Imathiriyeli yeqeqesho yavavanywa kwiimyuziyam ezimbini e) Ucweyo

IiNkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Imigangatho yenkonzo yangoku/ekujoli- swe kuyo	UMgangatho weNkonzo olindelekileyo	Okona kuphunyeziweyo
		olubini loqeqesho loLondolozo lwendalo lwaqhutywa kooVimba beSizwe eKapa f) Isicwangciso-nkqubo esitsha sokubekwa kweliso novavanyo, kubandakanywa uxwebhu lwenkqubo yenqanaba ngenqanaba kunye noxwebhu lokunika izimvo lwaqulunqwa. Esi sixhobo sokubeka iliso sanikezelwa kuzo zonke iimyuziyam ezingama-29 kulungiselelwa umiliselo emva kokuba zifumene uqeqesho ngendlela yokusebenzisa esi sixhobo g) Igosa leMfundo liqalise ngobeko lweliso novavanyo lwemfundo neenkqubo zoqeqesho kwiimyuziyam yaseLwandle neDrostdy h) Umiliselo luyakhuthazwa ngamandla yaye iimyuziyam zinike ingxeli kwiGosa	olubini lwamakhono eMfundo f) Ukuxhotyiswa kweemyuzi-yam ngoVavanyo lweenkqubo ezinikezelwe-yo g) Uphuhliso lweNkqubo elula ecalulweyo elungiselelwe iiNkqubo zeMfundo zeMyuziyam	olubini lwamakhono eMfundo lwaqhutywa f) Ukuxhotyiswa kweemyuzi-yam ngoVavanyo lweenkqubo g) IiNkqubo zeMfundo eziphuhlisiwe yo ezilula ezicalulweyo ezilula zeMfundo yeeMyuziyam

IiNkonzo ezingundoqo	Abaxhamli	Imigangatho yenkonzo yangoku/ekujoli- swe kuyo	UMgangatho weNkonzo olindelekileyo	Okona kuphunyeziweyo
		leMfundo. i) iNkqubo ezayo iza kuqukunjelwa ngoku kuba inkqubo elula sele igqityiwe		

Amalungiselelo eBatho Pele kunye nabaxhamli

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
Ukufikelela kwiinkqubo zeNkcubeko **Ukufakana imilomo:** a) Imbalelwano yeelektronikhi, ebhaliweyo neyemfono-mfono b) IiNkqubo zeNkcubeko kunye nemisebenzi yoCweyo; kunye namathuba engcaciso zathiwa thaca kumaziko c) Iwebhu yeWCCC yahlaziywa ze inkqubo yokubhukisha ye-elektroniki yaba nakho ukufikeleleka kusetyenziswa iwebhu ngokunjalo d) Iingcebiso zanikezelwa kwintlanganiso yarhoqo ngekota yeWCCC e) Iingcebiso zafunyanwa zivela kubaxhamli ngokusetyenziswa kweefomu zengcebiso f) Ingcebiso efunyenweyo evela kubaxhamli yafakwa kwikhompyutha yaye apho kunokwenzeka ibandakanywe kwisicwangciso sololongo **<u>Ufezekiso olwangezelelweyo:</u>** g) IiNcwadana zihlaziyiwe h) Inkqubo yokubhukisha ye-elektroniki yahlolwa ngaphakathi nesikhokhelo	**Ukufakana imilomo:** a) Imbalelwano yeelektronikhi, ebhaliweyo neyemfono-mfono b) IiNcwadana zihlaziyiwe c) Idilesi ye-emeyile ivuliwe ukuba isetyenziswe ngabaxhamli. Ivuliwe yaze yabonakala kwiwebhusayiti d) Iwebhu yeWCCC ihlaziyiwe ngengcaciso ephathelelene namaziko, imigaqoo-nkqubo neendawo akuwo amaziko e) I WCCC njengequmrhu elisemthethweni lunika ingcebiso nesikhokhelo ngendlela ekungaphuculwa ngayo iinkonzo nelungelo lokufumana	**Ukufakana imilomo:** a) Imbalelwano yeelektronikhi, ebhaliweyo neyemfono-mfono b) IiNcwadana zihlaziyiwe yaze yanikezelwa kumaziko, iiNkqubo zeNkcubeko, imisebenzi yoCweyo, namathuba engcaciso c) Idilesi ye-emeyile ivuliwe ukuba isetyenziswe ngabaxhamli. Ivuliwe yaze yabonakala kwiwebhusayiti d) Iwebhu yeWCCC yahlaziywa yaye inkqubo yokubhukisha ye-elektroniki ibe nakho ukufikelelwa kusetyenziswa iwebhu ngokunjalo e) Iingcebiso neenkcukacha zamanani zinikezelwa kwiintlanganiso zarhoqo ngekota zeWCCC **<u>Ufezekiso olwangezelelweyo:</u>** f) Iingcebiso zafunyanwa zivela kubaxhamli ngokusetyenziswa kweefomu zengcebiso

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
somsebenzisi saqulunqwa i) liNkqubo zemali nezokusebenza zilungelelanisiwe kwinkqubo yokubhukisha ye-elektroniki		
Ukufikelela: a) Protea Assurance Building, 7th Floor, Green Market Square, Cape Town b) liofisi ezimbini ezisemaphandleni, eVredendal nase-Oudtshoorn c) Zithunyelwe ngewebsite esemthethweni Eweebe https://www.westerncape.gov.za/general-publication/booking-cultural-facility.Yonke ingcaciso iyafumaneka kwiwebhusayiti d) Zathunyelwa kumathala eencwadi nakwizikolo njl. njl. zomasipala abahlukeneyo e) IKoekenaap inophawu yaye neempawu zamanye amaziko zisaqulunqwa f) Amaziko amane enkcubeko abalungiselele abakhubazekileyo. (IKoekenaap, iMelkbos cultural centre, iMelkbos Oppiesee kunye neGroot Drakenstein) **<u>Ufezekiso olwangezelelweyo:</u>** g) linkonzo nengcaciso ziyafumaneka kumaziko ngokunjalo nange-elektroniki kwiwebhusayiti	**Ukufikelela:** a) Protea Assurance Building, 7th Floor, Green Market Square, Cape Town b) liofisi ezimbini ezisemaphandleni, eVredendal nase-Oudtshoorn c) Zithunyelwe ngewebsite esemthethweni Eweebe https://www.westerncape.gov.za/general-publication/booking-cultural-facility d) Uthethwano oluthe ngqo lwemfono-mfono luqhutywe mihla le, kuqwalaselwa yonke imibuzo e) Inkqubo yokubhukisha ye-elektroniki inika uluntu ithuba lokubona zonke izibonelelo ezikhoyo ngaxesha nye f) Idilesi ye-imeyile yavulwa ukuba isebenze g) Abasebenzi kwiziko basemsebenzini yaye bafumaneka emva kweeyure zomsebenzi	**Ukufikelela:** a) Protea Assurance Building, 3rd Floor, Green Market Square, Cape Town b) liofisi ezimbini ezisemaphandleni, eVredendal nase-Oudtshoorn c) Zithunyelwe ngewebsite esemthethweni Eweebe https://www.westerncape.gov.za/general-publication/booking-cultural-facility d) Uthethwano oluthe ngqo lwemfono-mfono luqhutywe mihla le, kuqwalaselwa yonke imibuzo e) Inkqubo yokubhukisha ye-elektroniki inika uluntu ithuba lokubona zonke izibonelelo ezikhoyo ngaxesha nye f) Idilesi ye-imeyile yavulwa ukuba isebenze g) Abasebenzi kwiziko basemsebenzini yaye bafumaneka emva kweeyure zomsebenzi
Ububele: a) Onke amaxwebhu nengcaciso edingekayo yenziwa nge-elektroniki ze ithunyelwe kubaxhamli kusetyenziswa inkqubo yokubhukisha ye-elektroniki b) Ekufikeni kumaziko	**Ububele:** a) Konke okubhukishiweyo kuqinisekiswa phambi kokufika b) Abasebenzi	**Ububele:** a) Konke okubhukishiweyo kuqinisekiswa phambi kokufika b) Abasebenzi

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
abaxhamli bahlangatyezwa ngamagosa athi achaze imithetho kunye neenkqubo ze achaze naziphi na iinkxalabo abangaba banazo c) Abaxhamli baboniswa amaizko kunye noluhlu lokukhangela ukumisela iziko kunye neenkonzo ezinikezelwayo okokuba ingaba ziyasebenza na d) Abasebenzi basengqeshweni ngalo lonke ithuba abaxhamli bekho e) Ububele buyaxelwa ze bulinganiswe ngokusetyenziswa: o lifomu zengcebiso zomxhamli o Imbalelwano ye-elektroniki f) Iintlanganiso zeziko zarhoqo ngekota zibanjiwe, apho iinkxalabo kunye neengxelo ziqwalaselwayo ze imiqathango eyahlukeneyo iqwalaselwe njengoko kudingeka **<u>Ingcaciso engaphezulu:</u>** Abasebenzisi bacelwa okokuba balondoloze amanzi kunye nengcaciso enxulumene nako okuboniswe kumaziko **Ukuba phandle nokungafihlisi:** a) Uvimba weenkcukacha zolwazi zabo bonke abasebenzisi uyagcinwa. Oku kuya kuyekwa kunyaka omtsha njengoko inkqubo ye-elektroniki iya kuba sele isebenza ngokupheleleyo b) Zonke iiNgxelo zoNyaka zeWCCC zikhona kwiintranethi kwakunye newebhusayithi yobugcisa nenkcubeko- ziphantsi kwamaqumrhu oluntu c) UMgaqo-nkqubo weNgeniso noSetyenziso uyalungelelaniswa ngokwakaloku nje kwinkqubo yokubhukisa	basengqeshweni ngalo lonke ithuba abaxhamli bekho ukubanceda nokuqwalasela iinkxalabo zabo c) Ububele buyaxelwa ze bulinganiswe ngokusetyenziswa: o lifomu zengcebiso zomxhamli o Imbalelwano ye-elektroniki d) Iintlanganiso zeziko zarhoqo ngekota zibanjiwe, apho iinkxalabo kunye neengxelo ziqwalaselwayo ze imiqathango eyahlukeneyo iqwalaselwe njengoko kudingeka **Ukuba phandle nokungafihlisi:** a) Uvimba wolwazi unazo zonke iinkcukacha zabatyeleli bonyaka-mali wama-2017/18 nowama2018/19 kwakunye neentlobo zeenkqubo ezibanjelwe kumaziko enkcubeko. b) Zonke iiNgxelo zoNyaka zeWCCC zikhona kwiintranethi kwakunye newebhusayithi yobugcisa nenkcubeko- ziphantsi kwamaqumrhu oluntu c) Ukubonelela abaxhamli ngoMgaqo-nkqubo weNgeniso noSetyenziso	basengqeshweni ngalo lonke ithuba abaxhamli bekho ukubanceda nokuqwalasela iinkxalabo zabo c) Ububele buyaxelwa ze bulinganiswe ngokusetyenziswa: o lifomu zengxelo yokubhukisha o Imbalelwano ye-elektroniki d) Iintlanganiso zeziko zarhoqo ngekota zibanjiwe, apho iinkxalabo kunye neengxelo ziqwalaselwayo ze imiqathango eyahlukeneyo iqwalaselwe njengoko kudingeka **Ukuba phandle nokungafihlisi:** a) Uvimva weenkcukacha wabo bonke abasebenzisi uphuhlisiwe yaye uyafikeleleka kwinkqubo ye-elektroniki b) Zonke iiNgxelo zoNyaka zeWCCC zikhona kwiintranethi kwakunye newebhusayithi yobugcisa nenkcubeko- ziphantsi kwamaqumrhu oluntu c) UMgaqo-nkqubo weNgeniso noSetyenziso uyalungelelaniswa ngokwakaloku nje kwinkqubo yokubhukisa

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
ye-elektroniki d) Kubanjwe Ucweyo lonxibelelwano e) Izibhengezo zahanjiswakufunwa abenzi bezicelo zokusebenzisa iziko. Ezi zibhengezo zafakwa kwiwebhu ze zathunyelwa koovimba beenkcukacha zolwazi nakoomasipala **<u>Ingcaciso eyangezelelweyo:</u>** f) Inkqubo ye-elekhtroniki inceda abaxhamli abangakho okokuba bahlole onke amaziko nangaliphi na ixesha ukuqinisekisa ngokufumaneka nokubhukisha nangaliphi ixesha g) Ileta yajikeleziswa kubo bonke abaxhamli abakuvimba wolwazi ebazisa ngenkqubo entsha yokubhukisha ye-elektroniki	d) Uvimba weenkcukacha zolwazi zabo bonke abasebenzisi ugciniwe	nge-elektroniki d) Imbalelwano esesikweni yathunyelwa kubo bonke abasebenzisi kuvimba weenkcukacha zolwazi besaziswa ngenkqubo yokubhukisha ye-elektroniki kunye nonxibelelwano kubandakanywa kunye nemiyalelo engendlela emakubhukishwe ngayo
Ixabiso lemali: a) Abaxhamli banelungelo lokusebenzisa amaziko ukuqhuba iinkqubo zabo ngomrhumo ophantsi b) Indleko zokubhukisha ngama-R37 kumntu ngamnye ngobusuku ngabunye kubuncinane babantu abangana-40 c) Li-R12 ngomntu ngamnye ngosuku kubuncinane babantu abali-100 (iindleko zosuku) **<u>Ingcaciso eyangezelelweyo:</u>** d) Ulolongo nohlaziyo lwenziwa rhoqo ngonyaka olukwisicwangciso sololongo e) Ukhuseleko lwaphuculwa	**Ixabiso lemali:** a) Amaziko aqalise usetyenziso kubini apho amaqela amancinane anakho ukubhukisha amagumbi okubamba intlanganiso yabantu abangaphantsi kwe-12 okanye abambalwa b) Uluntu ngokubanzi lwabaxhamli kuyo yonke iNtshona Koloni lunethuba lokusebenzisa iziko c) Abaxhamli banelungelo lokusebenzisa amaziko ukuqhuba iinkqubo zabo ngomrhumo ophantsi d) Li-R12 ngomntu ngamnye ngosuku kubuncinane babantu abali-100 (iindleko zosuku)	**Ixabiso lemali:** a) Amaziko aqalise usetyenziso kubini apho amaqela amancinane anakho ukubhukisha amagumbi okubamba intlanganiso yabantu abangaphantsi kwe-12 okanye abambalwa b) Uluntu ngokubanzi lwabaxhamli kuyo yonke iNtshona Koloni lunethuba lokusebenzisa iziko c) Iindleko zokubhukisha zixhomekeke kusetyenziso lwendawo. Iindleko zibalwangokuhambelana nomrhumo/iindleko zerejista d) Ngama-R25umntu ngamnye ngosuku kubuncinane babantu abali-100 (iindleko zosuku)

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
ngokuba kubekho oonogada obabona besebenza kuwo omabini amaziko eOkkie Jooste nase Groot Drakenstein (f) Uluntu ngokubanzi lwabaxhamli kuyo yonke iNtshona Koloni lunethuba lokusebenzisa iziko		
IiNkqubo zeMfundo zeMyuziyam **Ukufakana imilomo:** a) Iinkonzo zixhomekeka kwizicelo noxa kunjalo kubakho iingcebiso ezisuka kwezinye iimyuziyam nezenziwa ngexesha leentlanganiso zonyaka oku kunika iimpendulo ngoqeqesho olufunekayo b) Iingxelo zobekwa kweliso noVavanyo zasetyenziswa ukuxhasa ucwangciso/ imisebenzi yexa elizayo **Ukufikelela:** a) Iqela linceda nayiphi na imyuziyam ngokweemfuno zayo. Luxhomekeke ke kubukho beemfuno ezonjengoko kukho igosa elinye kwaye akukho malungiselelo ezimali enziweyo malunga nemicimbi evelayo. b) Zonke iimyuziyam ezimanyeneyo zinoluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano. Nangona kunjalo, akukho baLondolozi yaye linye igosa leMfundo eliqeshiweyo. c) INkonzo yeeMyuziyam iba nemiboniso ejikelezayo ehamba kulo lonke iPhondo ukuphakamisa iinkonzo zazo ezingaphaya kwala maziko asebenzisana nathi d) Iipakethe ezimbini zoqeqesho zaphuhliselwa iimyuziyam iShipwreck neStellenbosch	**Ukufakana imilomo:** a) Iinkonzo zixhomekeka kwizicelo noxa kunjalo kubakho iingcebiso ezisuka kwezinye iimyuziyam nezenziwa ngexesha leentlanganiso zonyaka oku kunika iimpendulo ngoqeqesho olufunekayo **Ukufikelela:** a) Iqela linceda nayiphi na imyuziyam ngokweemfuno zayo b) Iqela lihamba liye kwimyuziyam elinika inkonzo kuyo c) Zonke iimyuziyam ezimanyeneyo zinoluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano ezilungiselelwe abalondolozi bendalo naMagosa eMfundo yaye zinokwenza uqhagamshelwano ngqo ukuthintela izithintelo d) INkonzo yeMyuziyam enomboniso ojikelezayo ithunyelwa kulo lonke iphondo ukukhuthaza	**Ukufakana imilomo:** a) Ingxelo evela kwiimyuziyam ezimanyenisiweyo yanikezelwa kwiintlanganiso yaye oku kunike iimpendulo ngoqeqesho oluzayo njengoko kuceliwe **Ukufikelela:** a) Iqela linceda nayiphi na imyuziyam ngokweemfuno zayo b) Iqela lihamba liye kwiimyuziyam njengoko liceliwe c) Zonke iimyuziyam ezimanyeneyo zinoluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano ezilungiselelwe abalondolozi bendalo naMagosa eMfundo yaye zinokwenza uqhagamshelwano ngqo ukuthintela izithintelo d) INkonzo yeMyuziyam enomboniso ojikelezayo ithunyelwa kulo lonke iphondo ukukhuthaza

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
e) Amagumbi okuqeqeshela achongelwe ukuncedana nabo baneemfuno ezizodwa	iinkonzo zayo ngaphaya kweemyuziyam ezimanyeneyo e) Malunga neepakethe ezimbini ezintsha zoqeqesho ziyafumaneka kwiillwimi ezintathu ngonyaka f) Amagumbi okuqeqeshela achongelwe ukuncedana nabo baneemfuno ezikhethekileyo	iinkonzo zayo ngaphaya kweemyuziyam ezimanyeneyo e) Iipakethe ezimbini ezintsha zoqeqesho zafumaneka kwiillwimi ezintathu enyakeni. Ezi zezi Dulce September Educational Programme, kunye neNcoko kunye noMandela beNkqubo yoLuntu f) Amagumbi okuqeqeshela athe akhethelwa uqeqesho athathela ingqalelo iimfuno ezizodwa ngokwemiqathango yokufikeleleka kumaziko
Ububele: a) Amaqela oqeqesho asebenza ngocoselelo kuye nabani abadibana naye ngokumalunga neenkqubo b) INdlela yokuZiphatha yeNkonzo kaRhulumente ithathelwa ingqalelo c) Iingxelo zoVavanyo noBek'esweni zakusetyenziswa ukulungisa imiba ekhoyo. Abaphathi beMyuziyam bacetyisiwe ukuba balandelele kwaye balungise zonke izinto	**Ububele:** a) Amaqela oqeqesho asebenza ngocoselelo kuye nabani abadibana naye ngokumalunga neenkqubo b) INdlela yokuZiphatha yeNkonzo kaRhulumente ithathelwa ingqalelo c) Intlonipho yachazwa ze yalinganiswa ngokusetyenziswa kovavanyo nengcebiso evela kubathathi-nxaxheba kunye nabachaphazelekayo (umz. ootitshala) kwiinkqubo zemfundo ezisekwe kwimyuziyam d) Iingxelo zovavanyo nobek'esweni zakusetyenziswa ukulungisa imiba ekhoyo. Abaphathi beMyuziyam bacetyisiwe ukuba balandelele kwaye balungise zonke izinto kunye naBalawuli beMyuziyam rhoqo ngekota	**Ububele:** a) Amaqela oqeqesho asebenza ngocoselelo kuye nabani abadibana naye ngokumalunga neenkqubo b) INdlela yokuZiphatha yeNkonzo kaRhulumente ithathelwa ingqalelo c) Intlonipho yachazwa ze yalinganiswa ngokusetyenziswa kovavanyo nengcebiso evela kubathathi-nxaxheba kunye nabachaphazelekayo (umz. ootitshala) kwiinkqubo zemfundo ezisekwe kwimyuziyam d) Iingxelo zovavanyo nobek'esweni zakusetyenziswa ukulungisa imiba ekhoyo. Abaphathi beMyuziyam bacetyisiwe ukuba balandelele kwaye balungise zonke izinto kunye naBalawuli beMyuziyam rhoqo ngekota
Ukuba phandle nokungafihlisi: a) Iingxelo zeNkonzo yeeMyuziyam kwiinkqubo zemyuziyam ezisebenzisana nathi zinikezelwa kwiSimpoziyam yoNyaka b) INgxelo yoNyaka Eweebe iyafumaneka	**Ukuba phandle nokungafihlisi:** a) Iingxelo zeNkonzo yeeMyuziyam kwiinkqubo zemyuziyam ezisebenzisana nathi zinikezelwa kwiSimpoziyam yoNyaka b) INgxelo yoNyaka Eweebe iyafumaneka	**Ukuba phandle nokungafihlisi:** a) Iingxelo zeNkonzo yeeMyuziyam kwiinkqubo zemyuziyam ezisebenzisana nathi zinikezelwa kwiSimpoziyam yoNyaka b) INgxelo yoNyaka Eweebe iyafumaneka kwiwebhusayithi

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
kwiwebhusayithi c) Ingxelo inikezelwa rhoqo kwiKomiti Eweigxina ehlala ePalamente **Ixabiso lemali:** a) Iimyuziyam zifumana le nkxaso zingahlawulelanga iindleko zabasebenzi, iindleko zoqeqesho, neendleko zokwenza imathiriyeli, ngaphandle kokuba imathiriyeli leyo yeyemibonisa yazo. Ngako oko iimyuziyam ezixhamlayo azihlawuli zindleko b) Iindleko zoqeqesho noshicilelo zeNkonzo zeMyuziyam ziyabiza ngokwemo yezoqoqosho ngenxa yokuba zenziwa ngokwamaqela, hayi ngokomntu omnye osemyuziyam kwaye indlela yokukhetha umniki-nkonzo	kwiwebhusayithi c) Ingxelo inikezelwa rhoqo kwiKomiti Eweigxina ehlala ePalamente **Ixabiso lemali:** a) Iimyuziyam zifumana le nkxaso zingahlawulelanga iindleko zabasebenzi, iindleko zoqeqesho, neendleko zokwenza imathiriyeli, ngaphandle kokuba imathiriyeli leyo yeyemibonisa yazo. Ngako oko iimyuziyam ezixhamlayo azihlawuli zindleko b) Iindleko zoqeqesho noshicilelo zeNkonzo zeMyuziyam ziyabiza ngokwemo yezoqoqosho ngenxa yokuba zenziwa ngokwamaqela, hayi ngokomntu omnye osemyuziyam kwaye indlela yokukhetha umniki-nkonzo	c) Ingxelo inikezelwa rhoqo kwiKomiti Eweigxina ehlala ePalamente **Ixabiso lemali:** a) Iimyuziyam zifumana le nkxaso zingahlawulelanga iindleko zabasebenzi, iindleko zoqeqesho, neendleko zokwenza imathiriyeli, ngaphandle kokuba imathiriyeli leyo yeyemibonisa yazo. Ngako oko iimyuziyam ezixhamlayo azihlawuli zindleko b) Iindleko zoqeqesho noshicilelo zeNkonzo zeMyuziyam ziyabiza ngokwemo yezoqoqosho ngenxa yokuba zenziwa ngokwamaqela, hayi ngokomntu omnye osemyuziyam kwaye indlela yokukhetha umniki-nkonzo

Isixhobo seenkcukacha zohanjiso lweenkonzo

Amalungiselelo akhoyo/angawo	Amalungiselelo Anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo
Ukufikelela kwiinkqubo zeNkcubeko		
a) IiBrowusha zinqulunqiwe	a) IiBrowusha zingeelwimi ezisesikweni ezintathu	a) IiBrowusha zingeelwimi ezisesikweni ezintathu
b) Iintlanganiso zarhoqo ngekota zaqhuba njengoko zincwangcisiwe	b) IiNtlanganiso zarhoqo ngeKota	b) Iintlanganiso zarhoqo ngekota zaqhuba njengoko zincwangcisiwe
c) Amathuba okuhlangana ngababini abanjwa xa amaziko evavanywa ngabaxhamli abanakho	c) Amathuba okuhlangana	c) Amathuba okuhlangana ngababini abanjwa xa amaziko evavanywa ngabaxhamli abanakho
d) INgxelo yoNyaka yaphuhliswa	d) INgxelo yoNyaka	d) INgxelo yoNyaka yaphuhliswa
e) IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka saphuhliswa	e) Uhlaziyo lweziko, amafoto kunye nencwadana yendaba zinikezelwe kusetyenziswa icandelo lonxibelelwano	e) Uhlaziyo luboniswe kwiNgxelo yoNyaka ze yabelwa kumacandelo eekomiti zeKhomishoni
f) Uhlaziyo luboniswe kwiNgxelo yoNyaka ze yabelwa kumacandelo	f) IPhepha lamalungelo leNkonzo Eweebe	f) IPhepha lamaLungelo eNkonzo laphuhliswa ze lanikezelwa kumaziko

eekomiti zeKhomishoni g) IPhepha lamaLungelo eNkonzo laphuhliswa ze lanikezelwa kumaziko h) Ingcaciso (iiphamflethi/iiposta/ iibrowusha/njl. njl.) ezichazwa ngasentla yahanjiswa ngekhompyutha kwizikolo, amathala eencwadi, njl. njl. Ingcaciso inakho ukufikelelwa kusetyenziswa iminxeba yoncedo yemfono-mfono engahlawulelwayo, njl. njl. Ingcaciso yayifumaneka ngokulula	Ingcaciso (iiphamflethi/iiposta/ iibrowusha/njl. njl.) ezichazwa ngasentla zinakho ukufumaneka kwiwebhu	Ingcaciso (iiphamflethi/iiposta/ iibrowusha/njl. njl.) ezichazwa ngasentla yahanjiswa ngekhompyutha kwizikolo, amathala eencwadi, njl. njl.
IiNkqubo zeMfundo zeeMyuziyam a) Ingcaciso yeenkonzo ezinikezelweyo njengoko zichaziwe kwi-webhusayiti Eweebe yahlaziywa ukwenzela ukunika iinkcukacha ezingaphezulu b) INkonzo yeMyuziyam yomboniso ojikelezayo wathunyelwa kwiPhondo ngokubanzi ukukhuthaza iinkonzo ngaphaya kweemyuziyam ezimanyeneyo	a) Ingcaciso yeenkonzo ezinikezelweyo njengoko zichaziwe kwi-webhusayiti Eweebe yahlaziywa ukwenzela ukunika iinkcukacha ezingaphezulu b) INkonzo yeMyuziyam yomboniso ojikelezayo wathunyelwa kwiPhondo ngokubanzi ukukhuthaza iinkonzo ngaphaya kweemyuziyam ezimanyeneyo	a) Ingcaciso yeenkonzo ezinikezelwayo njengoko kuchaziwe kwiwebhusayiti Eweebe yavavanywa b) INkonzo yeMyuziyam yomboniso ojikelezayo wathunyelwa kwiPhondo ngokubanzi ukukhuthaza iinkonzo ngaphaya kweemyuziyam ezimanyeneyo, eyile,iNational Symbols

Indlela yokukhalaza

Indlela esebenza ngoku/eyona ndlela yokukhalaza	Indlela yokukhalaza engummiselo	Okona kuphunyeziweyo
Ukufikelela kwiinkqubo zeNkcubeko a) Izikhalazo/iziphakamiso. Izincomo/Imibuzo iya kwenziwa ngembalelwano (ileta yoburhulumente ithunyelwe ngeposi. Ngeimeyile okanye ngefeksi) okanye ngefowuni b) Izikhalazo/iziphakamiso/ Izincomo/Imibuzo ziyakuvunywa kwisithuba seeyure ezingama-48 zifunyenwe c) Irejista yezikhalazo yamiliselwa yaye inkqubo yezikhalazo yaphuhliswa yaye yamiliselwa d) Iingcebiso ziqwalaselwe xa kuyilwa isicwangciso sololongo nokunjalo	a) Zonke iinkxalabo/izikhalazo zaqwalaselwa ngokusetyenziswa kwenkqubo eqhelekileyo yaye zarekhodwa kokufunyenisweyo ngoko ukuya kwizigqibo b) Iingcebiso ziqwalaselwe xa kuyilwa isicwangciso sololongo nokunjalo zaqwalaselwa kwiintlanganiso zethu zecandelo lekomiti (WCCC)	a) Zonke iinkxalabo/izikhalazo zaqwalaselwa ngokusetyenziswa kwenkqubo eqhelekileyo yaye zarekhodwa kokufunyenisweyo ngoko ukuya kwizigqibo b) Iingcebiso ziqwalaselwe xa kuyilwa isicwangciso sololongo nokunjalo zaqwalaselwa kwiintlanganiso zethu zecandelo lekomiti (WCCC)

Indlela esebenza ngoku/eyona ndlela yokukhalaza	Indlela yokukhalaza engummiselo	Okona kuphunyeziweyo
zaqwalaselwa kwiintlanganiso zethu zecandelo lekomiti (WCCC) e) Abaqalayo ukusebenzisa le nkonzo ngabo abaye baqwalaselwe kuqala **<u>Ulwazi olongezelelweyo:</u>** f) Iingcebiso nezikhalazo zincede kucwangciso nokuchonga imimandla edinga ingqwalasela g) Ingcebiso enikezelwa rhoqo ifunyenwe kubasebenzisi zixhase eminye imimandla yeenkqubo ze-elektroniki zenkqubo yokubhukisha h) Ukubhukisha kwikhompyutha kune-imeyile eluhlobo oluthile ethi isebenze ngekota Eweine apho iinkxalabo, iingcebiso njl. njl. zinakho ukubekwa iliso		
IiNkqubo zeMfundo zeeMyuziyam a) Ulungelelwaniso lujongene: nokuvunywa kolwamkelo lwembalelwano, ukuqhutywa kophando nokuchazwa kwesehlo. Impendulo esesikweni yomntu okhalazayo iyamiliselwa (b) Ixesha lokuphendula ngolwazi lolwamkelo lwezikhalazo ziiyure ezingama-48.	a) ukwaziswa ngembalelwano, ukwenziwa kophando nokunikwa kwengxelo ngesihlo esithe senzeka, oko kusenziwa ngempendulo eseburhulumenteni eya kulowo ubefake isikhalazo b) Iingcebiso ziqwalaselwe kwiintlanganiso zeqela/zabalawuli yaye impendulo kumkhalazi iyamiliselwa Ixesha lokuphendula ngolwazi lolwamkelo lwezikhalazo ziiyure ezingama-48	a) Akukho zikhalazo zisesikweni ezifunyenweyo. Ngoko kunjalo, ulwamkelo lwembalelwano, uphando kwimeko apho kukho isehlo, ukuqulunqwa kwengxelo kunye nempendulo esesikweni kumkhalazi iyamiliselwa b) Iingcebiso ziqwalaselwe kwiintlanganiso zeqela/zabalawuli yaye impendulo kumkhalazi iyamiliselwa Ixesha lokuphendula ngolwazi lolwamkelo lwezikhalazo ziiyure ezingama-48

2.3. Isimo soMbutho

Ukurhoxa emsebenzini kunye/okanye ukuqesha abasebenzi abangundoqo

<u>Kwaqeshwa aba basebenzi balandelayo kunyaka wama-2018/19</u>:

UMlawuli: weNkonzo zooVimba zePhondo ukususela ngomhla woku-1 kuJanyuwari 2019

UMlawuli oyiNtloko: weNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo ukususela ngomhla woku-1 kuFebruwari 2019

Abasebenzi balandelayo bakwezi zithuba zibalulekileyo balishiya lSebe kowama-2018/19:

UMlawuli: weNkonzo zooVimba zePhondo ukususela ngomhla wama-31 Oktobha 2018

UMlawuli oyiNtloko: weNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo ukususela ngomhla woku-1 Janyuwari 2019 (Kuphele ixesha lethutyana lengqesho)

Iinzame zolwakhiwo ngokutsha

Azikho.

Ukusilela kwenkqubo

Kwakungekho zinto zibonisa ukungaphumeleli kwendlela zokusebenza ezichaphazela iSebe ekunikeleni ngeenkonzo zalo.

Amatyala obuqhopholo norhwaphilizo

IiNkonzo ezijongene noBuqhopholo (PFS) zikhuphe isiQinisekiso sokuHanjiswa kweTyala esibonisa ukuhanjiswa kwetyala okulandelayo kwiSebe (mayela nobuqhopholo norhwaphilizo) kulo nyaka-mali:

Amatyala avulwa ngomhla woku-1 kuEpreli 2018	0
Amatyala amatsha achaziweyo ku-2018/19	1
Amatyala acinyiweyo (2018/19)	(0)
Amatyala avulwe ukususela kumhla wama-31 kuMatshi 2019	1

Iziganeko zoqhankqalazo

Akukhange kubekho izganeko zoqhankqalazo kwesi sithuba sowama-2018/19.

2.4. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo ongundoqo kunye neenguqu zomthetho

Ukulungiselela ukulungiswa kwemingeni yokusebenza ekhawulezileyo nolungelelwaniso loMgaqo-siseko, iSebe liphuhlise umthetho oyilwayo oyi-IMyuziyams Ordinance Amendment Bill. Lo Mthetho uyilwayo waxoxwa kunye neemyuziyam ezimanyeneyo kunye nabanye abachaphazelekayo abafanelekileyo. lSebe lisingethe uthethwano oluninzi kunye neeNkonzo zoMthetho ukulungiselela ukuchaza imiba esemthethweni neyokusebenza ekuMthetho oyilwayo. Uqinisekiso luyakuqukunjelwa yaye luya kungeniswa kwiKhabhinethi ukulungiselela ulwamkelo. Ngaphezulu, uMthetho Oyilwayo weeMyuziyam weNtshona Koloni uyalungiswa. Inkqubo namaxesha amiselweyo okuqukunjelwa koMthetho Oyilwayo weeMyuziyam weNtshona Koloni alungelelaniswa kuthatyathelwa ingqalelo uqikelelo lokuqaliswa kwelMyuziyams Ordinance Amendment Bill.

Ikhabhinethi yamkele ukuyilwa kwe-Western Cape Heritage Resources Management Bill. UMthetho Oyilwayo uzamela ukulungelelanisa inkqubo yolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli eNtshona Koloni. ISebe linikezele ngengxelo kwiKomiti eLawulayo yoVavanyo lweMpembelelo ngonxibelelwano lwayo olubanzi kunye nabanomdla namaqela achaphazelekayo kwiPhondoliphela yeya liqhubile ngokuyila inkqubo ngokuhambelana neemfuno ezisemthethweni.

Ngo-Epreli wama-2016 iKhabhinethi yeSizwe yamkela uMgaqo-nkqubo oyilwayo weNkqubo yeSithethe soLwalulo eMzantsi Afrika ze yanika imvume ukuba iSebe leMicimbi yeMveli okokuba liqalise ngokuyila umthetho wolwaluko. UMgaqo-nkqubo sele ungene kwinkqubo yothethwano olubanzi loluntu kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo yaye iSebe sele lenze ingeniso. NgoMeyi wama-2016 isebe leMicimbi yeMveli lijikelezise uMthetho Oyilwayo woLwaluko lweMveli kulungiselelwa ukufunyanwa kwamagqabantshintshi ze uRhulumente weNtshona Koloni ungenise amagqabantshintshi akhe ngoJuni wama-2016. Ngomhla we-16 kuMatshi wama-2018 uMphathiswa woMzantsi Afrika woLawulo loBambiswano neMicimbi yeMveli ufake kwigazethi isaziso senjongo yokuqalisa uMthetho Oyilwayo woLwaluko lweMveli, wama-2018 kwiNdlu yoWiso-mthetho Eweizwe. Iinjongo ezingundoqo zoMthetho Oyilwayo zezi:

(a) ukukhusela, ukukhuthaza nokulawula ulwaluko;
(b) ukunikezela ngezithethe nemigangatho eyamkelekileyo ngenjongo yokuqinisekisa into yokuba ulwalulo luqhubeka kwisimo esilawulwayo nesikhuselekileyo; kunye
(c) nokunikezela ngokhuseleko lobomi nokuthintela nakuphi na ukuxhaphaza.

Wakwamkelwa uMthetho Oyilwayo uya kuba nempembelelo kwindlela iSebe eliqhuba umsebenzi walo ngayo ngokuthambekele kuxanduva lwalo kulungiselelwa ukhuseleko, inkuthazo nogcino loBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli kwiPhondo ngokunjalo neenjongo zalo kwisiCwangciso-nkqubo soLwaluko.

UMthetho Oyilwayo woBunkokheli beMveli neKhoi-San waqaliswa kwiNdlu yoWiso-mthetho ngoSeptemba wama-2015 ulandela uthethwano noluntu lwelo nqanaba.

UMthetho oYilwayo uxhibe ekulungiseni le miba ilandelayo ingundoqo:

- Ukunikezela kulungiselelwa imisebenzi kunye neendima zamacandelo eenkokheli zeMveli nezeKhoi-San;
- Ukunikezela kulungiselelwa ukusekwa, ukuqulunqwa nokusebenza kweNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli nezeKhoi-San;
- Ukunikezela kulungiselelwa ukusekwa kwezindlu zephondo zeenkokheli zemveli nezeKhoi-San;
- To provide for the establishment and composition of local houses of traditional and Khoi-San leaders;
- Ukunikezela kulungiselelwa ukusekwa nokusebenza kweKhomishoni kwiMiba yeKhoi-San;
- Ukunikezela kulungiselelwa indlela yokuziphatha kwamalungu eNdlu yeSizwe, kwendlu yephondo, oomasipala kunye nawo onke amabhunga emveli naweKhoi-San; kunye
- Nokunikezela namagunya olawulo oMphathiswa kunye neeNkulumbuso.

Ngomhla wesi-7 kuNovemba 2017 iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe yaphumeza uMthetho Oyilwayo yaye wathunyelwa kwi-NCOP ukuba uqwalaselwe. Emva kwangoko, iKomiti eSigxina yeNtshona Koloni yoMasipala imeme abachaphazelekayo kunye nabantu

abanomdla nemibutho okokuba bazimase uphula-phulo loluntu nokwenza ungeniso olubhaliweyo ngoMthetho Oyilwayo. UMthetho oYilwayo walungiswa liBhunga leSizwe lamaPhondo ngomhla we-10 kuJanyuwari 2019 ze kamva waphunyezwa yiNdlu yoWiso-mthetho ngomhla wama-26 kuFebruwari 2019. UMthetho oYilwayo uthunyelwe kwiPrezidanti ukuba uvunyelwe.

Ikhabhinethi Eweizwe yamkele ubhengezo loMthetho oYilwayo weeNkonzo zamaThala eeNcwadi kaRhulumente neNgcaciso woMzantsi Afrika wama-2019 kulungiselela amagqabantshintshi oluntu. UMthetho oYilwayo uzama ukulungisa imiba yenguqu ekunikezelweni kwethala leencwadi karhulumente kwiingingqi zoluntu ingakumbi kwezo ngingqi zoluntu zazivinjwe amathuba ngaphambili. Ukhuthaza ngokunjalo ulawulo lobambiswano nolungelelwaniso kuwo omathathu amasebe karhulumente ngokuphathelelene namathala eencwadi karhulumente kunye neenkonzo zengcaciso.

3. IiNjongo eziSekelwe kwisiPhumo seQhinga lokuSebenza

Iinjongo ezijolise kumphumela weqhinga zeSebe ngokwesiCwangciso seQhinga zifakwe kwitheyibhile engezantsi, ziphawula inkqubela phambili eyenziweyo ekufezekisweni kwezi njongo.

IiNjongo eziSekelwe kwisiPhumo sokuSebenza 1	Ukunikezela ngenkonzo esebenza kakuhle, esebenza ngexesha nelawula imali ngendlela eyiyo.
INkcazo yeNjongo	Ukuyila ubume obusebenza kakuhle ukuze kunikezelwe ngeenkonzo ngexesha elililo ngokusebenzisa iinkonzo ezixhasa ukusebenza kakuhle, ukusebenza ngexesha, esebenzisana nezinye iinkqubo, elawula kakuhle iimali kunye nexhasa iinkonzo abathathi-nxaxheba bangaphakathi nabangaphandle ukuqiniseksia ulawulo olululo, olucocekileyo noluqhutywa kukubambisana ngolawulo.

ISebe eli laqhuba neenjongo zalo zolawulo oluhle, olucocekileyo noluqhutywa lixabiso lolawulo kubanjiswene olubekwe phambili kwi-PSG5.

IiNjongo eziSekelwe kwisiPhumo sokuSebenza 2	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuzisa inguquku yoyonke imisebenzi yaseNtshona Koloni ukuze kunikwe igalel okulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olululo, uphuhliso loluntu nezakhono zabantu; kunye nokukhula koqoqosho kunye namathuba.
INkcazo yeNjongo	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuzisa inguqu kuyo yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukuze kunikwe igalelo kulwakhiwo-lwesizwe, ulawulo olululo, uphuhliso loluntu nezakhono zabantu; kunye nokukhula koqoqosho namathuba.

Ukwenza igalelo kwesi siphumo, iSebe liye lenza izibonelelo ukuba zifumaneke kuloo maziko olondolozo lwembali zixhamla kwiHeritage Western Cape nakwiKomiti yotshintsho lwaMagama eeNdawo. Ezi zibonelelo ziquka inkxaso-mali ngoweliso-mali, abasebenzi nolawulo, ubungcali nobuchwepheshe bolwazi ulunzulu. Ngaphezulu, iSebe lidlale indima ephambili ebhekiselele kukusekwa kwe-Cradle of Human Culture, umgaqo wokhenketho welifa lembali yezinto zakudala eNtshona Koloni.

ISebe limilisele uhlobo lweenkqubo zophuhliso ezinikela kwinkuthazho, uphuhliso nenguqu yemisebenzi yobugcisa nenkcubeko. Liqhube ulungelelwaniso lweencoko zentlalo yoluntu kunye nendibano yengxoxo yolungelelwaniso lwentlalo yephondo ethe yaququzelela

amaqonga oluntu athe anika iliizwi kwimingeni yentlalo ethi iphembelele ulungelelwaniso lwentlalo nolwakhiwo lwesizwe. Limilisele iinkqubo zophuhliso lwamakhono athe avelisa uphuhliso lwabasebenzi kummandla wobugcisa bolinganiso nolawulo. Liyile amathuba omsebenzi kulutsha kwicandelo lenkcubeko ngokusetyenziswa kweNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente, yaye liququzelele ukufunwa kolutsha lufunelwa iYoung Patriots Programme ethi, ngokusetyenziswa koluntu okusekwe kwimisebenzi, ikhuthaze ulwakhiwo lwesizwe neenqobo ezisesikweni loMgaqo-siseko. Ngokujolisa kuluntu lweKhoi neSan, uhlobo lwenkqubo yophuhliso lukhuthaze ubandakanyo kwimisebenzi yobugcisa ethi ibonakalise umdaniso weNama, ngokusetyenziswa kwedrama, amalinge amatsha okuqukwa kwabantu bemveli, nangokusetyenziswa komculo, uvuyiswnao lomculo wemveli. ISebe lisebenze ngokunjalo ngokunqamlezileyo ngokusebenzisa i-After School Game Changerukwakha ikhono lokuqeqesha ubugcisa nokwakha uthando lobugcisa kubafundi kwizikolo ekungahlawula nekuhlawulwa imirhumo ephantsi. Kunyaka ophantsi kovavanyo, abaqeqeshi abangama-414 babaqeqeshwa. Ngaphezulu, iingingqi zokulinga zoluntu zamachule obugcisa zaqaliswa kwiingingqi ezintathu; kwiCape Metro, iCape Winelands naseEden.

Qaphela: Ngenjongo zale ngxelo, sisebenzise upelo oluvela kwiTraditional and Khoi-San Leadership Bill. Kwisichazi-magama esisesikweni seKhoegowab esaphuhliswa ngexesha leNkululeko yeNamibian ekuqaleni kowee-1990 ukufaka emthethweni iNama njengolunye kwiilwimi ezisemthethweni zeLizwe, iKhoi ipelwa Khoe.

liNjongo eziSekelwe kwisiPhumo sokuSebenza 3	Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuzisa inguqu yeThala Leencwadi, Ingxelo neeNkonzo zooVimba.
INkcazo yeNjongo	Bonelela ngeeNkonzo zeThala leecwadi, Ingxelo nooVimba abaza kunika igalelo: • Ukwakha isizwe • Ukulawula kakuhle kunye no • Phuhliso lwamanadla abantu • Ukuzinza koqoqosho namathuba

Kulo nyaka uphantsi kohlaziyo inani lamathala eencwadi lenyuka laya kuma kuma-375. La maziko aquka onke amathala eencwadi amatsha kwiindawo zasemaphandleni. Ukuzisa inguqu kwiinkonzo zamathala eencwadi nokwamkela ukuqhubela phambili kweteknoloji, ukuza kuthi ga ngoku iindawo zamathala eencwadi ezingama-226 zibonelelwe nge-intanethi efumaneka simahla kuluntu. Abasebenzisi ababhalisiweyo abangama-731 456 asebenzisa amathala eencwadi eNtshona Koloni ngalo nyaka mali.

Ukukhuthaza ulwakhiwo lwesizwe nobandakanyo lwentlalo, iNkonzo yooVimba neeRekhodi yeNtshona Koloni ityelele izikolo ezingama-10, ukukhuthaza ukusetyenziswa koovimba. Isambulo sabafundi samaziko amabanga aphezulu esingama-227 sityelele ooVimba ngeenjongo zophando. Ngesithuba seVeki yooVimba, isambuku sabatyeleli abangama-680 arekhodwa. Ilungelo lokufumana oovimba liqhubile ngokunikezelwa kubaphandi kuso sonke esi sithuba siphantsi kovavanyo yaye amathuba anikezelwa kuluntu ukuba lurekhode iimbali ezenziwa ngomlomo ngokusetyenziswa kweLinge leMbali yoMlomo ukulungiselela ukunikezela kulwakhiwo lwesizwe nobandakanyo. Isambuku esingama-262 sabalawuli beeRekhodi baqeqeshwa ze uphicotho lolawulo lwerekhodi lwaqhutywa ukuzinzisa iindlela ezizizo zolawulo lweerekhodi kumaqumrhu karhulumente. Iindlela zolawulo lwerekhodi zaqiniswa ngentsebenziswano yamaqumrhu karhulumente kulungiselelwa umiliselo olufanelekileyo lweenkqubo zokulahlwa kunye neerekhodi ezifanelekileyo, iinkqubo zohlelo.

Ngenxa yeendlela eziphuculweyo zolawulo lweerekhodi, iirekhodi ezilungelelanisiweyo ezingama-278.3 zithatyathwa ngokuba ezisexabisweni loovimba zikhutshelelwe kooVimba.

IiNjongo eziSekelwe kwiSiphumo seQhinga lokuSebenza 4	Ukumisela nokuxhasa imibutho enemisebenzi equka uluntu kwimidlalo nolonwabo.
INkcazo yeNjongo	Ukumisela amanyathelo nokuxhasa imibutho equka uluntu kwimidlalo nolonwabo/nemisebenzi, ngokudala ukufikelela namathuba, mayela nokuthatha inxaxheba kuLonwabo, kwiNkqubo yeMOD, Imidlalo Eweikolo neSikolo.

ISebe libe nenkqubela ekufezekiseni iinjongo zesiCwangciso seQhinga zeminyaka emihlanu. Iinkqubo zalo lizilungelelanisile ukuze zihambelane neenjongo zesiCwangciso sezeMidlalo noLonwabo seSizwe. Iinkqubo zemidlalo nolonwabo kunye neeprojekti ziqalisiwe kuzo zonke iziThili zeNtshona Koloni. Unxibelelwano olunempumelelo luthe lwabanjwa kunye namaBhunga eMidlalo esiThili, i-WCPSC kunye nemibutho yoluntu yeMidlalo. Inkxaso-mali eyangezelelweyo ethe yafumaneka ikhokhelele kukunyuka kwinani lemibutho yemidlalo emanyeneyo exhasiweyo.

Ngowama-2018/19, iSebe libe negalelo kwiziPhumo zeSizwe zesiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MFSF) 2015-2019 njengale ndlela ilandelayo:

Umphumela kazwelonke	Igalelo leSebe
1: Umgangatho ophezulu wemfundo esisiseko	Inxalenye enkulu kweyabelwe iSebe ichithwa ekumiseleni iinkonzo zamathala eencwadi kunye nokuthengwa kwemathiriyeli yamathala eencwadi kuxhaswa yokuphucula imiphumela yokukwazi ukufunda nokubhala, nokunikela kwiimfuno zengcaciso yabafundi. Inkonzo yeMyuziyam izixhasile iimyuziyam ezimanyeneyo ekunikezeleni inkqubo yekharityhulam yeenkqubo ejolise kubafundi ISebe eli lenze iinkqubo zocweyo ezixhobisa ngolwazi ezikolweni ukukhuthaza abafundi ukuba basebenzise imathiriyeli ukwangeza kwizibonelelo ezingomnombo ofundisayo wembali. INkqubo yeMOD ijolise ekuqhubeni imisebenzi yasemva kwesikolo ukulungiselela abantwana abafundayo kuMaziko eMOD ali-181asebenza ngezikolo kwiPhondo. Inxaxheba ethathwa ngabafundi kuMaziko eMOD anceda abafundi baqhube kakuhle esikolweni, bafundiseke baqeqesheke, basebenze neqela, zikwazi nokugcina umdla wabafundi ubatsalela esikolweni. Okunxulunyaniswe namaZiko eMOD, iiNeighbouring School Centres ezili-134 zisekiwe ngokunjalo kubumelwane obahlukeneyo kwiPhondo liphela kuzo zonke iziThili. Ngokusetyenziswa kwe-After School Game Changer inkxaso eyahlukeneyo yemfundo iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ziqaliswe yaye zixhasiwe, ezijolise ekuphuculeni iziphumo zemfundo yomfundi.
2: Ubomi obude nobunempilo babantu baseMzantsi Afrika	ISebe likhuthaze ukudalwa kwemisebenzi yolonwabo nemidlalo kwiPhondo. Le misebenzi iquka iBetter Together Games BTG nejim yePhondo enikezele impilo entle kumagosa karhulumente. Ngokusetyenziswa kobugcisa nenkcubeko, uphuhliso lolutsha nembonakalo yomntu kunye Nomntu osisiboniso esihle ongathi anikele kwimpilo yengqondo nempilo-ntle, ukugcinwa koluntu nezithethe zenkcubeko ngokusetyenziswa kobugcisa kunye nenkcubeko ethi inikele kwimpilo yomphefumlo yoluntu kunye nempilo-ntle.

Umphumela kazwelonke	Igalelo leSebe
3: Bonke abantu baseMzantsi benokhuseleko kwaye baziva bekhuselekile	IPhepha lokugaya izimvo kwiMidlalo noLonwabo (2012) iqaqambisa ukubaluleka kweenzame zokunciphisa ubugebenga. Inkqubo yeMOD yaquka ikharityhulam kunye nezicwangciso eziqwalasela ukuphuhliswa kwezakhono zobomi. Abafundi bezikolo bathatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva kwesikolo esekelwe kuMaziko eMOD, ngoko ke ukudla indawo ekhuselekileyo nendawo abanokuthatha kuyo inxaxheba ukuzaliseka le misebenzi, ukudlala, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko, kunye nemisebenzi yezikolo. I-After School Game Changer isebenze neSebe loKhuselo loLuntu ukuvuselela kwakhona iKomiti ePhambili yoKhuselo lweZikolo ethi ilungelelanise onke amangenelo okhuselo ezikolweni. Ubugcisa nenkcubeko buyila imisebenzi engeminye kulutsha olusemngciphekweni kwiingingqi zoluntu oluhlelelekileyo. Buyila iingingqi zoluntu ezikhuselekileyo apho amaqonga obugcisa nenkcubeko ayila ulungelelwaniso loluntu, ubunini nobunguwe.
4: Ingqesho eyiyo ngokukhula kubanjiswene	Ukuxhasa nokubonelela ngemali ezoKhenketho olusekeke kwezeNkcubeko ngokwenziwa kwamathuba okuba ulutsha lufumane amava kule nkalo ukuze bakhule ngokwezakhono eziya kubenza bakwazi ukulungela imisebenzi. Imali ekhutshwe liSebe yayingeyo yokukhuthaza uqeqesho nezakhono kwezobugcisa, koko yayiyeyo kuvulela imibono emitsha ngokuphangaleleyo kumathuba akwaziyo ukwenzeka kwezobugcisa namakhono amatsha jikelele. Isebe laxhasa ekubambeni imicimbi emikhulu ekhuthaza ukhenketho kwezemidlalo. Isebe lasebenza nemifela ndawonye yemidlalo kwiPhondo ekwazi ukufumana isibonelelo semali yophuhliso nolawulo kwiphondo. Ngokusetyenziswa kwe-YearBeyond, iProjekti yamaGreyidi 4 kunye neeLearning yeMethametika, iDCAS ibonelele ngokunjalo abantu abatsha ngethuba lokufumana amava okusebenza ze baphuhlise iiCV zabo nokuzithemba. Ngaphezulu kwama-200 abantu abatsha kunxityelelwana nabo rhoqo ngonyaka kwezi nkqubo.
5: Abasebenzi abanezakhono nabakwazi ukuxhasa indlela yokukhula ngokubambisana	Amathuba emisebenzi e-EPWP kumacandelo okusingqongileyo nenkcubeko aba khona. Isebe laququzelela amathuba omsebenzi kunye namathuba okuxhobisa abantu ngezakhono kusetyenziswa iinkqubo zokuphuhlisa izakhono zolutsha ukuququzelela ukuba lulungele ukufumana amathuba omsebenzi. I-After School Game Changer iqalise ngesifundo kwiYunivesiti yaseStellenbosch ukubeka ngokusesikweni icandelo le-After School nokunikezela isiqinisekiso kumagcisa angovulindlela. Isambuku samagcisa angama-57aqeqeshwe ngokusetyenziswa kwenkqubo. Ngaphezulu, i-After School Game Changer isebenzisana neAssitej ukwakha ikhono labaqeqeshi lobugcisa abasebenzi kwiiNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo nangokusetyenziswa koku ukwandisa kokuchanatywa kwabafundi kubugcisa.

Umphumela kazwelonke	Igalelo leSebe
6: : Unxibelelwano olusebenza kakuhle, olukhuphisanayo nokuluyimpendulo kwimeko yezoqoqosho	Izibonelelo ze-ICT zalungiselelwa amathala eencwadi amathathu ongezelelweyo ngenkqubo iRural Library Connectivity Project. Amathala eencwadi angama-44 eNtshona Koloni akhonjwa ukuba abe yinxalenye Eweigaba sokugqibela seProjekti kazwelonke yekhompyutha iMzansi Online Project. Le projekti ibonelela ngonxibelelwano lwekhompyutha namathuba oqeqesho kubasebenzi. ISebe liqinisekisa nge-MIG ukuba iindlela zokusebenza ezifuna abantu abaninzi ziyasetyenziswa kubonelelo lwe-infrastraktsha yezemidlalo ngokudala amathuba omsebenzi xa kusakhiwa nasemva kokuba luqukunjelwe ulwakhiwo.
7: Iindawo zasemaphandleni ezinempilo yolonwabo, ezinolingano, iindawo zoluntu lwasemaphandleni ezinobomi obude nezinokutya okonele umntu wonke	Inani lamaziko amathala eencwadi anyuka ukusuka kuma-373 ukuya kuma-375. Onke anikezelwe ilungelo lokufumana i-intanethi ekho simahla kumalungu oluntu. Iiklabhu zasemaphandleni zixhaswa ngeNkqubo yokuPhuhlisa iiklabhu. Amaziko eMOD neeFama kunye/okanye uLonwabo loLuntu zamiselwa emaphandleni ukunikezela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kuluntu lwasemaphandleni. Amaziko eMOD asemaphandleni aqukwa nawo kwinkqubo yokunikezela ngokutya.
8: Izindlu ezomeleleyo kunye nobomi basekhaya obungcono	ISebe liqinisekisa ukuba ngokusebenza iindlela ezenza ubani uxakeke nge-MIG ukunikezela Iziseko Zokusebenza Kwimidlalo, kudala amathuba omsebenzi ngexesha kusakhiwa nasemva kokwakhiwa. Amaziko enkcubeko anikezela kuluntu nakwimibutho ngendawo yokusetyenziswa elungiselelwe imisebenzi elungelelaniswe kwisigunyaziso sesebe. Inkcubeko sisixhobo sokukhutshelwa kolwazi, iinqobo ezisesikweni zokuziphatha nezentlalo. Ukukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko nokugcinwa kusekela uzinzo lwenkcubeko yentlalo yoluntu ethi inikele kwindawo ezinzileyo zokuhlaliswa kwabantu.
9: UMasipala osabelayo, othwala uxanduva, osebenzayo nofanelekileyo	Inkqubo yoLawulo lweeRekhodi yanceda amaqumrhu karhulumente, kuquka noomasipala, ukulawula amaxwebhu ukuphucula iindlela zokulawula kakuhle. Uthelelwano nabasemagunyeni ekuhlaleni, imibutho yasekuhlaleni neSebelunikelangegalelo ekuqinisekiseni ukuba banika iingxelo ngokufanelekileyo kwaye abafihli nto.
10: Khusela uze uphucule iimpahla zethu ezikwindawo ezisingqongileyo nemithombo yendalo	Iinkqubo zemfundo kwiimyuziyam ezimanyeneyo zibandakanye ukufundiswa kwabafundi ukuhlonipha indalo.
11: Yakha uMzantsi Afrika ongcono, a i-Afrika engcono nelizwe elingcono	ISebe laququzelela inkqubo yokuthatha inyanga kujongwene nemiba yeAfrika ibambisene ne-DAC kunye ne-WCG DOTP. Yonke imisebenzi eyenziwayo yayicwangciselwe isihloko esithetha ngeAfrika ezathi zakhutshwa kwiPhondo lonke. Inyanga yemibhiyozo yoBugcisa kwiNyanga yeAfrika ye-DAC/DCAS yalinganiswa namaqonga Encoko Entsebenziswano nobambiswano Loluntu. Imibhiyozo yobugcisa yanikezela amathuba amacandelo awohlukeneyo kwiindawo zoluntu ehambelana nayonoluntu olusebenzisanayo ukuqinisa intlanganisela neyantlukwano yoluntu. I-AU, iimpawu zayo kunye nomhobe wayo zakhuthazwa ngenyanga yeminyadala nemibhiyozo eyayisebenzisa izihloko zobuAfrika.

Umphumela kazwelonke	Igalelo leSebe
12: Inkonzo yoluntu esebenza ngexesha, esebenza kakuhle nejongene nophuhliso loluntu	Imidlalo nolonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso seMidlalo noLonwabo neenkonzo kwaye zinikezelwa kubanjiswene nemifela ndawonye nemibutho yoluntu imifelandawonye yemidlalo kunye noomasipala.
13: Ukhuselo loluntu	Ngokusetyenziswa kweenkquboezibandakanyayo zentlalo, iinkqubo zeSebe zandisa imigaqo-nkquboyokhuseleko lwentlalo ngokudambisa ukuba sesichengeni kwamabhinqa, abantwana, umntwana oyintombazana, abantu abakhubazekileyo, kunye nabagugileyo ngokusetyenziswa kweenkqubo zemicimbi yenkcubeko nemidlalo.
14: Ukwakha ubuzwe nentsebenziswano yoluntu	ISebe likhuthaza ukusetyenziswa iilwimi ezithethwa ngabantu zemveli, ulwimi lokuthetha ngezandla loMzantsi Afrika, ukuculwa komhobe wesizwe kwaye lide laqalisa nokukhuthaza ukuculwa komhobe weManyano yaseAfrika ukubethelela ukuzingca nobuzwe ngeenkqubo ezinikelwayo. ISebe likhuthaze intsulungeko yomgaqo-siseko neeMpawu zeSizwe kwimicimbi yalo enobugcisa nenkcubeko nemidlalo nangeentsuku zokubhiyozela izinto ezithile zesizwe. Ukukhuthaza ubandakanyo lwentlalo nohambelwano, iSebe lilungelelanise iintetho zoluntu zoHambelwano lweNtlalo koomasipala abane eNtshona Koloni. Ulungelelwaniso lohambelwano lwentlalo lusekelwe ngemithetho-siseko ye-IGR ethe yaqinisekisa ngento yokokuba umasipala ukubeka phambili ukuphumelela kwezi ncoko. ISebe lisebenzisa imidlalo nolonwabo njengesixhobo sokukhuthaza uhambelwano lwentlalo. INkonzo yeeMyuziyam yahambisa iphetshana lengcaciso kwiiMpawu zeSizwe kwiPhondo lonke. Kusetyenziswa iinkonzo zoguqulelo nokutolika iSebe lanika igalelo kwintsebenziswano yoluntu ngokuphucula unxibelelwano. Iimyuziyam ezinonxibelelwano zabonisa imiboniso yazo ngeelwimi ezintathu zengingqi ukuze wonke umntu afikelele. Ngokusetyenziswa kweenkqubo zobugcisa nenkcubeko, iSebe linikezele ngamathuba kulutsha oluvela kuluntu olwahlukeneyo okokuba lunxibelelane ze lufumane amakhono obugcisa nawobomi yaye luqhubele phambili uhambelwano lwentlalo. Ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali yeMinyhadala, iSebe linikele ngokuyila amaqonga onxibelelwano lwentlalo, utshintshiselwano lwenkcubeko mgokusetyenziswa kokuyilwa kwemisebenzi, ngokukhuthazwa kubuwena besizwe nokwandiswa kobandakanyo lwentlalo. Ngokusetyenziswa kwenkxaso yecandelo elinoxanduva lolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli, iSebe lixhase ukuchongwa, ulawulo nokukhuthazwa kwezibonelelo zelifa lemveli zeNtshona Koloni kulo lonke uluntu lwayo ngendlela ebandakanyayo. INkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo inceda ngokuvala isikhewu phakathi kwabafundi abanezibonelelo nabo banezinganelanga ze iyile amathuba kubafundi okufumanisa oko bakuthandayo, bakhe ubugcisa babo ze bandise uthungelwano lwabo lwentlalo noqoqosho. Ulonwabo, iNkqubo yeMOD, Imidlalo Eweikolo kunye nemisebenzi Eweikolo yaqhuba koomasipala kwaye yaxhasa unxibelelwano olululo kunye noluntu nolonwabo kuluntu. Imidlalo ibe kho kwiPhondo liphela ngentsebenziswano nemibutho yabantu. ISebe labonelela ngenxkaso-mali kwiimanyano zabadlali ezili-123, amabhunga

Umphumela kazwelonke	Igalelo leSebe
	amathandathu ezemidlalo ezithili kunye neManyano yeMidlalo yePhondo leNtshona koloni ukuze akhuthaze imidlalo emaphondweni. Inkqubo yoqeqesho emazikweni oqeqesho yayamene nale nkqubo, kwaye apho iSebe likhangela iitalente, uphuhliso lwazo nalapho iimbaleki zancediswa ngokutya, uphuhliso kunye neenkqubo zezakhono kwinkqubo yamaziko emfundo. INkqubo yoPhuhliso lweKlabhu lidlale indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba iSebe lizinika kangangoko inkxaso iiklabhu neeligi. Iiklabhu zancedwa ngezithuthi, uphuhliso lwezakhono, impahla nezixhobo jikelele okanye iikiti. Ngoncedo lweemanyano zemidlalo, iSebe liququzelele ukubanjwa kwemisitho engundoqo nemicimbi emikhulu libambisene noluntu nebe negalelo olukhulu kwezeMidlalo ePhondweni. Amathala eencwadi asebenza njengeendawo zoluntu ezikhuthaza nezixhasa ukuqukwa koluntu. Uluntu luba nolwazi olungcono ngelifa lemveli ngokufumana imathiriyeli ezilondolozwayo. Ucweyo ngembali zosapho lwabanjwa kwiveki yoLondolozo lweeNkcukacha ezibalulekileyo kuMeyi 2018. Ucweyo olo lwabaxhobisa ngezakhono nolwazi lokuba bangaluqhuba njani na uphando ngemilibo abo babeyile. INkqubo iArchives Outreach abahlali banikwa iinkcukacha ngendlela abanokumsebenzisa ngayo uvimba weenkcukacha imihla ngemihla. ILinge leMbali yoMlomo inikezele ngolwazi kwithuba elinikezelwe liSebe kuluntu lokurekhoda iimbali zomlomo.

4. INgcaciso yoMsebenzi ngokweNkqubo nganye

4.1. Inkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukunika ulawulo oluveleleyo lwezemali neqhinga lolawulo kunye nenkxaso Eweebe leMicimbi yeMidlalo noLonwabo.

Iinkqutyana

Inkqutyana 1.1: I-Ofisi kaMphathiswa wePhondo

Ukunikezela ulawulo, unxibelelwano nabathengi kunye neenkonzo zenkxaso kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweMali

Ukunikezela ngenkonzo yenkxaso yokulawula imali kwi-DCAS, kuquka iinkonzo zolawulo lwamasolotya amathathu anika ingxelo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo

Ukunikezela ngenkxaso yolawulo kwiNtloko Eweebe ngokunikezela inkonzo yonxibelelwano olululo kunye neqhinga lecebo lenkonzo yokusebenza, kuquka inkonzo yokubeka iliso neyokuhlola, ukunikezela iinkonzo zokuphucula amanyathelo okunikezela ngeenkonzo,

okanye ulawulo olululo okanye unxibelelwnao lukarhulumente/wangaphakathi/nambaxa, nokunikezela iinkonzo zokugcinwa nedawo wokulondozwa kwezinto.

IiNjongo zeQhinga

1.1. Ukufikelela kunikezelo lwenkonzo oluphuma phambili ngokuphucula ulawulo lwendlela yokusetyenziswa kwemali.

1.2. Ukulawula nokuguqula imigaqo-nkqubo nemiba etshisa ibunzi zibe ngamacebo namaqhinga akwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

Iinjongo zeqhinga, imigqalisela yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

INkqubo inikela kwiNjongo yoku-1 eJolise kuMphumela weQhinga: *INkonzo esebenza kakuhle, efanelekileyo, nenoqoqosho*.

IsiCwangciso soLawulo lweMali sisebenza njengesixhobo sokubeka iliso kwiziphumo zophicotho-ncwadi zangaphakathi nangaphandle. Ngokumiselwa kwesicwancgiso, indawo engqonge ulawulo yaphucuka kakhulu. Oku kwakuquka ukubeka iliso ngamandla nokulandela iziphumo ngekota nganye. Kunyaka ophantsi kohlaziyo, kwasetyenziswa zonke izindululo ezaphakanyiswayo.

Uxanduva lweNkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo ziquka amanyathelo okumiliselwa kweBatho Pele amalinge kwiSebe nokuBekwa kweliso noVavanyo lwemisebenzi Eweebe kunye nocwangciso kwiimfuno zolawulo lwe-asethi eshukumayo. Yonke imiqondiso yaphunyezwa equkethe uphuhliso, nokwamkelwa kwephepha lamalungelo ngekota zokuBekwa kweLiso kuMsebenzi, kwanokugqitywa kohlolo novavanyo kunye nesiCwangciso soLawulo loMsebenzisi we-Asethi.

Iinjongo zeqhinga, imiqondiso yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kunye nezifezekiso ezizizo ziboniswe kwezi theyibhile zingezantsi.

IMigqalisela yokuSebenza

INKQUBO 1: ULAWULO						
Nomb.	**IMigqalisela yeeNjongo zeQhinga**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
1.2.1	Inani lezicwangciso zokuphucula ulawulo lwemali ukuze kufezekiswe ugqibelelo.	1	1	1	-	-
1.3.1	Inani lezicwangciso neengxelo eziqulunqiweyo okanye ezingenisiweyo ukwenzela ukuba zonke iiNkqubo zihambise iinkonzo ezifezekileyo nezicikizekileyo.	8	8	8	-	-

Qaphela:

1.2.1 Iqulathe inani lezicwangciso ezimiliselweyo ukuphuculwa kwemiphumela yoPhicotho - zincwadi nokunciTshiswa kokufunyenwe kuphicotho - zincwadi okuphakanyiswe nguMphicothi - zincwadi Jikelele xangaMphicothi – zincwadi Jikelele waNgaphathi ukufezekisa ubuchule benkonzo (UMgqalisela wokusebenza 1.2.1).

1.3.1 Iqulathe iiNgxelo zoVavanyo, AmaLinge enkonzo awamkelweyo, IiNgxelozaRhoqo ngeKota zoMsebenzi, kunye nee- UAMP (Imigqalisela yoMsebenzi 1.3.1, 1.3.2, 1.3.3, 1.3.4).

IMigqalisela yokuSebenza

INKQUBO 1: ULAWULO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zokuLawulwa kweMali								
1.2.1	Inani lezicwangciso eziphunyeziweyo zokuphucula iziphumo eziphakanyiswe nguMphicothi-zincwadi Jikelele noMphicothi-zincwadi wangaphakathi ukuphumeza iinkonzo kunye	-	1	1	1	1	-	-
Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo								
1.3.1	Inani lokuphuculwa kwamalinge okunikezelwa kweenkonzo limiselwe nokuhambelana neBatho Pele	2	2	2	2	2	-	-

INKQUBO 1: ULAWULO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
1.3.2	Inani lamaxesha ophengululo oluqhutyiweyo (okubeka iliso nahambelana novavanyo)	1	1	1	1	1	-	-
1.3.3	Inani leengxelo Zarhoqo ngekota zomsebenzi wobeko-liso eziqulunqiweyo	-	4	4	4	4	-	-
1.3.4	Inani lee-UAMP elingenisiweyo	-	-	1	1	1	-	-

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza engaphantsi kweqondo elilindelweyo

Akukhange kubekho kusilela kwiMigqalisela yeNkqubo yokuSebenza kwiNkqubo 1.

Utshintsho kokujoliswe kuko

Khange kubekho tshintsho kwiinjongo kulo nyaka uphantsi kohlaziyo.

Ukunxibelelanisa indlela yokusebenza nohlahlo lwabiwo-mali

Inkcitho yenkqutyana kwiNkqubo 1: Ulawulo lwahamba ngolu hlobo:

Inkqutyana	2018 /19			2017/ 18		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (Ngaphez u-lu)/ Ngaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibel a (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (Ngaphez u-lu)/ Ngaphantsi (R'000)
IOfisi yoMphathiswa	7 834	7 834	-	7 754	7 752	2
IiNkonzo zoLawulo lweMali	31 818	31 806	12	28 135	28 003	132
ULawulo lweeNkonzo	24 151	24 039	112	23 236	23 207	29
Iyonke	**63 803**	**63 679**	**124**	**59 125**	**58 962**	**163**

Ukongiwa kwemali apha kunxibelelene ne-CoE, ngenxa yokuzaliuswa kade kwezithuba. Ulondolozo alubanga nakusiwa kweminye imimandla ngenxa yonyino olubekwe kuhlahlo lwabiwo-mali lwe-CoE.

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Injongo

Ukubonelela ngeenkonzo zobugcisa nenkcubeko, zelifa lemveli nezinxulumene nolwimi kubahlali beNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 2.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso kulawulo olucwangcisiweyo kwicandelo leMicimbi yeNkcubeko.

INkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko

Ukuqquzelela uphuhliso, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusekwa kwemibutho, imisebenzi nemimandla efanelekileyo nesebenzayo yobugcisa nenkcubeko; nokuxhasa nokunceda ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni ukuba yenze ngokwegunya layo loMthetho.

Inkqutyana 2.3: Iinkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali

Ukukhuthaza ukuhambela phambili kwenkqubo yenguqu kwilifa lemveli eNtshona Koloni ngokuzisa iinkonzo eziluthotho zolondolozo, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwelifa lemveli ePhondweni, oko kusenziwa ngokweenkqubo zamaziko oLondolozo lwembali.

Inkqutyana 2.4: INkonzo yolawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli

Ukuxhasa nokunceda iLifa leMveli leNtshona Koloni ukuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli ezibalulekileyo; ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, 1999; ukuququzelela imiba enxulumene neWorld Heritage Convention Act 1999; ukuququzelela iinkqubo zokubeka emgangathweni okanye ukuguqulwa, apho kuyimfuneko, kwamagama endawo eNtshona Koloni ngokumilisela kwinqanaba lephondo izigunyaziso zoMthetho woMzantsi Afrika weBhunga laMagama eNdawo, 1998.

INkqutyana 2.5: Iinkonzo zeeLwimi

Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi zonke eNtshona Koloni ukuphuculwa kokunikezelwa kernkonzo nokufikeleleka; ukukhuthazwa ngamandla ukophuhliso lweelwimi zemveli ebezivinjwe amathuba ngaphambil; ukuququzelela ukumiliselwa nokubekwa kweliso kuMgaqoo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni; nokunikezela inkxaso yolawulo kwiKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni ukumilisela izigunyaziso zayo ezisemthethweni.

Iinjongo zeqhinga

2.1 Ukuqhubela phambili imisebenzi yobugcisa nemisebenzi yenkcubeko kumathuba asebenzayo eNtshona Koloni.

2.2 Ukubonelela ngenkxaso esesikweni neyolawulo nefanelekileyo kumaZiko oLuntuna kumacandelo karhulumente eyongamele i-DCAS nokuhlola nokuvavanya iziphumo zala maziko.

2.3 Ukukhawulezisa ukutshintsha kobume belifa lemveli eNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkonzo ezahlukeneyo ukulondoloza, ukuphuhlisa nokukhuthaza ilifa lemveli eNtshona Koloni ngokweenkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali eziphantsi kwayo, namaziko eemyuziyam aphantsi kwayo.

2.4 Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukujongana nokungalingani kweelwimi okwenziwe ziingxaki zembali yethu nokukhuthaza ukuphuhliswa kweelwimi ebezifudula zingasiwa so kunye nolwimi lokuthetha ngezandla eMzantsi Afrika, eNtshona Koloni.

2.5 Ukwenza imisebenzi eza kuba negalelo ekubandakanyweni koluntu nobunye ekuhlaleni nokukhuthazwa kokwakhiwa kwesizwe notshintsho

Iinjongo zeqhinga, imigqalisela yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

INkqubo iyabonelela kwiNjongo 2 eJolise kwisiPhumo seQhinga: Ukukhuthazwa, ukuphuhliswa nokuguqulwa kwemisebenzi yonke yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukubonelela kulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olulungileyo, ukuphuhliswa kwentlalo nabasebenzi, ngokunjalo nokukhula koqoqosho okuzinzileyo namathuba.

ULawulo

INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente idale amathuba omsebenzi engama-467 kwiinkalo zokwenza inkqubo yololongo, imiboniso yobugcisa, nolawulo, ilifa lemveli, iimyuziyam, amathala eencwadi noovimba. Amanani aphezulu koku, abangelwa ngabathabathi-nxaxheba abangena kubume bokusebenza isigxina. ISebe liyaqhuba ngokubhekiselela kude imida yophuhliso lwamathuba omsebenzi kwi-EPWP kummandla weMicimbi yeNkcubeko kwiPhondo lonke.

UBugcisa neNkcubeko

ISebe lisebenzela ukuba kuvele amathuba okuhluma, oko kusenziwa ngokuququzelela ukuba kuphuhliswe izakhono kunye namathuba omsebenzi ukuze kwenziwe banzi uthatyatho-nxaxheba lwezoqoqosho. Ekwakujoliswe kuko kakhulu yayikukufumana izibonelelo nokwenza kubekho intsebenziswano ukuze kukwazeke ukuba kukhawulelwane noko kulindelekileyo kwanoko kufuneka ngamandla eluntwini.

Icandelo lobugcisa nenkcubeko liqalise iinkqubo zokuphakamisa imisebenzi yenkcubeko, ukuhlola eminye imimandla, nokwandiswa kokusebenza ukuququzelela amathuba.

Inkqubo yonyaka yenkxaso-mali inikezele ngeminikelo kwimibutho yobugcisa nenkcubeko engama-69 kubandakanya neChristmas Bands, Malay Choirs kunye namaqela eMinstrel kulungiselelwa imibhiyozo yonyaka. ISebe liphumelele ukwakha uthungelwano phakathi kwemibutho yalo eyixhasa ngemali kunye neenkqubo zoluntu, ngokusetyeziswa kweenkqubo ezihlangeneyo ezithe zanomphumela wolwabelwano lwamaqhinga kunye namava kuhlobo lobugcisa. ISebe linikezela ngeenkonzo kulo lonke iPhondo apho iiNGO ezixhaswa ngemali kunye namaqabane asisongezelelo semibhiyozo eququzelelwa liSebe.

Inkqubo yoPhuhliso leDrama yaqaliswa kwiziThili zase Eden naseCape Winelands nase Overberg. Amaqela eDrama yoLutsha aphuma kwizithili zozithathu athabatha inxaxheba kucweyo olujoliseni ekusebenziseni amakhono ukulungiselela ukuphuhlisa umbhalo-ngqangi, ukwandisa ukubonisa kunye nemiboniso yeqonga ekumngangatho ophezulu. Inkqubo iphelele kwimiboniso ebanjwe kwizithili ezichongiweyo kunye namaqela agqwesileyo athabatha inxaxheba yeminyhadala eyahlukileyo yethiyethakulo lonke lphondo: imiboniso emithandathu yachongwa kulungiselela iSuidooster Kunstefees eArtscape, imiboniso esixhenxe yachongelwa umnyhadala iZabalaza eBaxter Theatre imiboniso emithandathu yatyunjelwa i-Uitkamp Theatre kwiKKNK. Abaphumeleleyo beSuidooster Kunstefees baphumelela amathuba okuba ngabadlali nabasebenza ngasemva kumboniso womabonakude athandwayo ngabantu "i-Suidooster". Inkqubo itsale abathathi-nxaxheba abali-113 yaye iququzelele uphuhliso lokuqulunqwa kwemidlalo eli-18. Uthelelwano

nentsebenziswano kwaqiniswa ngaphezulu ekuthe uMasipala wesiThili saseCape Winelands; uMasipala waseDrakenstein noMasipala waseHessequa banikela kakhulu kwinkqubo. Kunyaka ophantsi kovavanyo, ikqubo yoPhuhliso womsebenzi wobugcisa iqeqeshe amabhinqa angasebenziyo angama-20 athabatha inxaxheba kuMasipala waseThwesithathueewaterskloof. Inkqubo yoqeqesho ijolise kumakhono okusebenzisana kwabantu, amakhono onxibelelwano, amakhono okwenza umsebenzi wobugcisa – amakhono okusetyenziswa kwamaphepha nophuhliso lwemveliso. Iqela libonise ngeemveliso zalo kuthungelwano lwe-Elgin Travel kunye nomboniso kuthengisa imveliso.

Inkqubo yomculo iqhubile ukukhula njengoko kuqina iiprojekti zayo yaye impembelelo yayi iviwa kuzo zonke izithili. Ucweyo lwezihlokomiso oluse lukunyaka walo wesithathu, lubonelela ngeklasi yengcungela kubabethi bezihlokomiso abasebatsha abaphuma kuzo zonke iziThili.

ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente lincede ngohlaziyo lwaMaziko eNkcubeko. Imisebenzi nololongo iqhutywa ngabasebenzi abakwicandelo lezobugcisa nenkcubeko leSebe. Inkqubo ye-elektroniki emiliselweyo kulungiselelwa ukubhukishwa kwaMaziko eNkcubeko ivelise iziphumo ezilungileyo. Inkqubo ilungelelaniswe yaye iziikhalazo zinciphe kakhulu. Isimo esitsha somrhumo esiqalisiweyo sibe nemiphumela elungileyo yaye sandise umthombo wengeniso ongaphezulu kunalowo wawuqikelelwe kunyaka-mali wama-2018/19. Uhlaziyo kumaziko kuqinisekise ngento yokokuba amaziko ayathengiseka yaye ayahambelana neenqobo zemarike.

Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, iSebe, ngokusetyenziswa kwenkqubo yalo yophuhliso lobugcisa, liqhubile ukumilisela uphawu lwalo kwizithili ezisemaphandleni ngokusetyenziswa kothelelwano nentsebenziswano kunye noomasipala kunye nemibutho esele isekiwe. Ngokusetyenziswa kwendlela entlangothi-ntathu yetalente echongiweyo, uphuhliso lwamakhono obugcisa kunye nokukhuthaza, iSebe liqinisekise ngokuphuhlisa italente yobugcisa yolutsha ngokusetyenziswa kwamathuba olwakhiwo lwamakhono, yaye linikezela ngamaqonga alungiselelwe amagcisa asemaphandleni ukubonisa italente, uthungelwano kunye neminye imibutho ecinga ngokufana nalo, nokunikela ekuqiniseni ubume bentlalo benkcubekoi yeengingqi zoluntu lwasemaphandleni.

Inkqubo yoPhuhliso lweDrama yaqaliswa kwiziThili esase-Eden nesase-Cape Winelands. Lo nyaka kubekho imiboniso ebe yimpumelelo ephuma kwizithili zasemaphandleni ezithabathe inxaxheba ngentsebenziswano neminyhadala eyile, the Baxter Zabalaza Festival, Suidoosterfees kunye neKlein Karoo NationaleKunstefees. Umdlali ophambili wenkqubo oyindoda, obhinqileyo kunye nomqondisi ophambili baphumelele bafumana ithuba lokuvela nokulinganisa engqeshweni kumabonakude nakumdlalo obalulekileyo oboniswa kumabonakude. Ngokuxhaswa sisigunyaziso salo sokunikezela amathuba olwakhiwo lwamakhono kumachule, inkqubo ibe nabathabathi-nxaxheba abadlali abanqwenayo abali-114, ababhaliu nabaqondiso kunye nabavelisi bemidlalo abali-19. Okwakuqaqambilie konyaka yayilufezekiso lweNkqubo lokufumana iBhaso lesiNyithi kuMabhaso obuChule eNkonzo yePhondo wama-2018 eyona Nkqubo/Projekti iMiliselweyo kwiPhondo.

Inkqubo yoPhuhliso loMdaniso idale ukomelela kweeprojekti ezixhathise ngothelelwano kunye neDance for All, iJazzart kunye noomasipala. INkqubo yoMdaniso yaseMva kokuPhuma kweSikolo yaqaliswa kwisikolo soluntu lwaseKlapmuts nesaseSimondium. Ikamva lamaqhawe omdaniso ayefundiswa iindlela ezahlukeneyo zomdaniso othe wafikelela kwinkampu yomdaniso ekupheleni konyaka-mali.

Inkqubo yoqeqesho yomdaniso welifa, lemveli ibangele ukuba iSebe lisebenzisane nePrince Albert Community Trust ukuqalisa inkqubo yomdaniso kwiCentral Karoo. Injongo yayikukuchanaba ulutsha lwasePrince Albert kwiintlobo ezininzi zomdaniso, kunxulunyaniswe le projekti kuVuyiswano loSuku lweLifa leMveli, nokusekwa kobudlelwane kunye noluntu ukuqinisekisa ngophuhliso lwenkqubo yomdaniso yengingqi.

Iprojekti yeKaapse Dans Solo yaxhaswa ngumgomo woSuku lwamaLungelo oLuntu e abadanisi bodwa basebenzisa umdaniso ukubonisa ukubalisa kwakhe, ukubonisa amakhono obugcisa, yachukumisa ababukeli babandakanyeka kwimiba yamalungelo oluntu. Abadanisi abadanisa ngabanye abanempumelelo bathabathe inxaxheba kwiklasi yobugcisa ethe yabalungiselela lo mdaniso wokudanisa wedwa othe waqhutywa eArtscape Theatre. Le nkqubo yophuhliso yavelisa uphuhliso lwamakhono omdaniso, yandisa amakhono obomi, yabachanaba kwinkqubo yenkxaso ngonxulunyaniswa namachule oshishino, kunye nethuba lokubonisa amakhono okuyila umdaniso.

Inkqubo yoPhuhliso loMsebenzi woBugcisa yaqalisa ngoqeqesho lomsebenzi wobugcisa nenkqubo yokuthengisa ngentsebenziswano neemyuziyam ezine ezichongiweyo ezixhaswa ngemali zephondo yaba ngumfuziselo wekhono lentsebenziswano namasebe apho iimyuziyam zazisetyenziswa njengeendawo zoqeqesho zabasebenzi bobugcisa bengingqi nabathengisa iimveliso zomsebenzi wobugcisa.

I Social Cohesion Community Conversations kunye neProvincial Social Cohesion Summit zaqaliswa kwikota Eweine. Injongo yentetho yolungelelaniso lwentlalo yoluntu yayikukunikezela ngeqonga lengxoxo kumacandelo amaninzi oluntu lwengingqi okokuba lunxibelelane ngemiba ethi iphazamise uhambelwano lwentlalo kwiingingqi zalo zokuhlala nokucebisa ngezisombululo kule mingeni. I Provincial Social Cohesion Summit ijolise ekunikezeleni ingxelo ngeengxoxo zentlalo zolungelelwaniso loluntu kwinqanaba lephondom nokunxibelelana neengcali zolungelelwaniso lwentlalo kummandla wophuhliso.

Inkqubo yoPhuhliso loMculo ithe yamilisela iinkampi zayo zePercussion Workshop. Abathabathi-nxaxheba bocweyo babemele imibutho yomculo eyahlukeneyo ephuma kulo lonke iPhondo yaye yangeniswa kwinkqubo yoqeqesho eyathi yanikezela ngolungiselelo lweBaxter Percussion Festival ekupheleni enyakeni.

I Song Writing Competition iqalise ngabathathi-nxaxheba abazimase uvavanyo lomculi nonxibelelwano lwenkxaso kwisiThili ngasinye nakwiMetro. Ababhali bengoma abanqwenayo abanabavelisi bomculo abasele bemilile, ababhali bomculo kunye nabalawuli bemisitho yeminyhadala ukufumana ingqiqo engaphezulu kwiimfuno zolu shishino nendlela yokuzimilisela njengombhalii wengoma/womculi. Ukhuphiswano luvelise ababhali bamaculo abaphumeleleyo bengenela inkqubo yenkxaso yeenyanga ezintandathu ephelele kuthatyatho lwenxaxheba kwi-Music Exchange.

Imiyhadala yomculo nemisitho yenza inxalenye enkulu yekhalenda yemisitho yePhondo leNtshona Koloni. Ngentsebenziswano neminyhadala echongiweyo, iSebe lifumenele amathuba abadlali bengingqi kunye noqeqesho, lolawulo lwemisitho olulungiselelwe ulutsha oluphuma kwimibuzo enobugcisa obuxhaswa ngemali. Kunyaka ophantsi kovavanyo, ulutsha oluphuma eWest Coast lunikezelwe ngamathuba kumsitho we*Jazz on the Rocks*yaye ulutsha oluvela eDrakenstein lwanikezelwa ngamathuba okubonisa ngomyhadala weNkcubeko owaziwa ngokuba yi-*27 For Freedom*.

IChoral Festival yaqaliswa ngoSeptemba, inyanga yeLifa leMveli. Injongo yeChoral Festival kukunikezela ngeqonga kumculo wabaculi bengingqi nokuxhasa ukusekwa kweekwayala ezintsha ngokuqeqesha amaqela engingqi kulawulo lobugcisa nokuqonda iimfuno zesiseko zesicelo senkxaso-mali. Ekufikelelwe kuko kwenkqubo yoqeqesho yaba kukusingathwa koMyhadala womculo eBeaufort West nokubonisa ngeekwayala zomculo ezintsha, kumyhadala woSuku lweLifa leMveli ePrince Albert.

Inkqubo yeLiterary Arts Development yaqaliswa ngothelelwano kunye neZiko loLutsha eMbekweni ePaarl. Imisebenzi ijolise ekukhuthazeni ubugcisa beencwadi zesiXhosa ngokuchanaba ababhali abaselula ukuya kuseko lwababhali besiXhosa, nokuququzelela unxibelelwano phakathi kokufundisa, uphando kunye nenkqubo yokubhala. Iprojekti yokubaliswa kwamabali kube nabathathi-nxaxheba abangabantu abakhulileyo abangama-47 abathe babalisa amabali angaphantsi exesha elidlulileyo kubathathi-nxaxheba abatsha. Le projekti ijolise ekuvuyisaneni nasekugcineni ubugcisa bokubaliswa kwebali, ukurekhodwa kwamabali abantu abadala, nokuyila iqonga elilungele abantu abaminyaka eyahlukeneyo apho kunokwabelwana khona ngamabali kunye nesizukulwana esiselula. Inkqubo yabantwana ibonise uthatyatyo-nxaxheba lwabantwana basekhreshi kwimisebenzi yokufunda eyahlukeneyo ethi ijolise ekuyileni uthando lokufunda.

INkqubo yoLwaluko iqhubile ukunikezela ubume obukhuselekileyo nobuncedayo elungiselelwe abakhwetha kunye nokuqhutywa kwesiko. Iingcibi zisembindini ekufikeleleni kumatiletile endlela yolwaluko yaye athatyathwa njengomthombo wolwazi lwemveli kwlei siko. Uqeqesho olufanelekileyo lwaququzelelwa ukulungiselela ukwabelana ngengcaciso ebalulekileyo nokuqinisekisa ngengqiqo efanayo kuyo yonke inkqubo. ISebe liqhubile ukuphuhlisa imigangatho ephantsi kulungiselelwa ukuphuculwa ukuqhutywa kolwaluko ngokucela okokuba iiNgcibi mazityumbe amaKhankatha aqeqeshiweyo yaye abhalisiweyo kuluhlu lweenkcukacha. Imigangatho yoCoceko neMpilo ibekwe phambili ukulungiselela ukunciphisa umngcipheko kwisiko lolwaluko.

ISebe ngokwakaloku nje linxulumana noomasipala ukuthethana ngenkxaso Eweibonelelo yaye izivumelwano ezisesikweni ziqukunjelwe. IKomiti yePhondo yoLungelelwaniso yoLwaluko ibandakanya oomasipala kunye namasebe kunye nezigunyaziso ezinqamlezileyo ezixhasa ulungelelwaniso noququzelelo lweenkonzo kunye nezixhobo ukuqinisekisa ulwaluko olukhuselekileyo kuso sonke isithuba esiphantsi kovavanyo. Amacandelo olwaluko adlale indima ebalulekileyo yokuhanjiswa kwengcaciso phakathi kweSebe kunye noluntu.

IiMyuziyam, uLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli kunye neeNkonzo zaMagama eeNdawo

Ngesithuba sowama-2018/19 iNkonzo yeMyuziyam incede iimyuziyam ezimanyeneyo ezingama-30kuyo yonke iNtshona Koloni kunye nenkxaso yemyuziyam, ubuchule bolawulo loqokelelo, iinkqubo zemfundo, kunye nophuhliso lwemiboniso. Ngaphezulu, inkxaso ethe ngqo yemali yanikezelwa kwiimyuziyam ezili-19 ezixhaswa liphondo ngendlela yeentlawulo zenkxaso-mali kunye neemyuziyam ezintlanu zengingqi kunye neentlawulo zomnikelo woncedo ukuqinisekisa into yokokuba ezi myuziyam mazihlale zivuliwe kunye nokufikeleleka kuluntu.

ISebe lincede ngokuqukunjelwa kwesivumelwano sentsebenziswano esintlangothi ntathu phakathi kweBoard of Trustees yeMyuziyam yaseHout Bay, iDenis Goldberg Legacy Foundation Trust, kunye neSebe. Injongo Eweivumelwano sentsebenziswano kukwakha iZiko elitsha loBugcisa boLuntu eHout Bayelizama ukuhlonipha ilifa likaDenis Goldbergngokusekwa kwe-Arts and Culture Education and Training Centre. UNjingalwazi Denis Goldberg sisitsha-

mlilo esaziwayo esichasene nocalu-calulo namalungelo abantu. Wayengomnye wabekwityala laseRivonia, wabanjwa ngowe-1963 waze wagwetyelwa ubomi etolongweni kunye Prezidanti wangaphambili uNelson Mandela kunye nezinye iinkokhelii ezazichasene nocalu-calulo. Wabanjwa isithuba seminyaka engama-22 waze wakhululwa ngowe-1985. ISebe kunye neHout Bay IMyuziyam libe nelungelo elilodwa lokuba yinxalenye yeli thuba lokusebenza kunye neDenis Goldberg Legacy Foundation Trust.

INkonzo yeMyuziyam isingethe i-Annual IMyuziyam Service Symposium yayo ukususela ngomhla wama-27 ukuya kowama–29 kuJuni 2018 eStellenbosch, inomgomo othi "*Commemorating Legacies",* ukwakha phezu kwemibhiyozo yeNelson Mandela Centenary. Isimposiyam inikezele abalawuli bemyuziyam ezimanyeneyo kunye nabameli bequmrhu yolawulo ithuba lokuxoxa ngolawulo olungundoqo kunye nolawulo lweenkxalabo kunye namagosa aphuma kwiSebe, kubandakanywa neHOD.

Ngaphezulu, iMyuziyam yaseKapa ikwinkqubo yokuqulunqwa kwesiCwangciso soMbono omtsha noPhuhliso oya kucacisa umbono weqhinga kunye nesikhokhelo seMyuziyam yaseKapa kwixa elizayo. Le nkqubo iya kugqityezelwa kunyaka-mali olandelayo. Ngaphezulu, iMyuziyam yaseKapa iqalise iwebhusayiti entsha ngoJuni 2018. Iwebhusayiti ibandakanya imiboniso yenyaniso efana: "njenge*Gugulethu, our pride, 60 years on*…" kunye ne "*Invisible Traces*". Inikezela ngokunjalo abatyeleli ithuba lokuhlola imisitho, abantu kunye neenbdawo zembali yaseKapa ethe mhlawumbi yalityalwa kwixesha elidlulileyo, ezifana ne: "Groenekloof Mission Station eMamre" kunye ne "Salt River battle between Khoekhoen and Portuguese in 1510".

ISebe ngaphezulu liqalise ngothethwano neengingqi zoluntu ezahlukeneyo kwiSouth Cape oluphathelelene nezidumbu ezichongiweyo kwiiingqokelela ekwiimyuziyam ezimanyeneyo. Ngokusetyenziswa kolu thethwano noluntu, izidumbu ezichongiweyo zakhutshwa kuqokelelo lwemyuziyam ze zangcwatywa ngokufanelekileyo kulandelwa izithethe zemveli njengoko kuthetha-thethwene neengingqi ezahlukeneyo zoluntu. Le nkqubo inikele kakhulu ekubuyiseleni isidima kwabo bantu abazidumbu zabo bezigcinwe kuqokelelo lwemyuziyam, kodwa kuqinisa ngokunjalo uhlobo lobandakanyo lwentlalo kunye nokuthenjwa kweemyuziyam ezikwingingqi zoluntu ezahlukeneyo.

Inkxaso kwiimyuziyam ezimanyeneyo iya kuqhuba nakunyaka-mali olandelayo ngokobume benkxaso-mali, ngokuthengiswa nangenkuthazo ngemfundo noqeqesho, uphuhliso lwemiboniso, umsebenzi wolondolozo, ukususwa kwabasebenzi kwelinye icandelo basiwe kwelinye okwethuba elithile, ukusekwa nengcebiso. Apho izibonelelo zivumayo, iinkonzo ziya kwandiselwa kwiimyuziyam ezingamanyenang ngokunjalo.

Ngaphezulu, iNkonzo yeMyuziyam iya kuqhuba isenza umnikelo omkhulu obhekiselele kuyilo lwemisebenzi kwiPhondo ngokusetyenziswa kokubekwa kwabaxhamli be-EPWP (abaqeqeshwa besengqeshweni) kwiimyuziyam ezimanyeneyo kwiiprojekti ezinxulumene nophicotho-zincwadi kunye nophinda-phindo loqokelelo lwemyuziyam, ukhenketho, ulawulo nololongo.

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iDCAS isebenzisene neWESGRO kunye neSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho ngokusekwa, ngokuthengiswa nokuqaliswa komgaqo wokhenketho lwelifa lemveli lezinto zamandulo zePhondo.Iindawo ezintathu ezingundoqo ezinxulunyaniswe nokunyulwa kweeNdawo zePhondo zeLifa leMveli leHlabathi ezilungiselelwe i-Early Modern Humans: Pleistocene Occupation Sites, ziindawo ezingundoqo eziya kunikela ngesiseko sokuqaliswa komgaqo obanzi kakhulu wokhenketho lelifa lemveli.

Ezi ndawo zibandakanya iPinnacle Point Site Complex kuMasipala weNgingqi waseMossel Bay, iBlombos Cave kuMasipala waseHessequa, kunye neDiepkloof Rock Shelter kuMasipala weNgingqi waseCederberg. Iprojekti iqhutywe ngempumelelo liqhawe leprojekti leSebe ngesikhokhelo seKomiti yoQuquzelelo equlathe amaSebe awahlukeneyo, abameli bomasipala bezithili kunye noosonzululwazi abanxulumene nezi ndawo zintathu zicetywayo zelifa lemveli lehlabathi. Ifayile enika ingxelo ngomntu yokutyumba ye-Early Modern Humans: Pleistocene Occupation Sites kunye notyumbo lwelifa lemveli lehlabathi, i-Early Cape Farmsteads, yenze inkqubela phambili ebonakalayo ngokubhekiselele kungeniso yovavanyo lobuchule kwi-South African World Heritage Convention Committee.

I-Resistance and Liberation Heritage Route yiprojekti Eweizwe eqhubekayo eyenziwa liSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko, equlethe ukuqaliswa kweendawo ezingama-27 ezi zindawo ezibalulekileyo ezinxulunyaniswe kwilifa lemveli loqhankqalazo nenkululeko yelizwe. ISebe liyinxalenye yale projekti Eweizwe ukukhuthaza ukubalulwa kweendawo zelifa lemveli loqhankqalazo nenkululeko ezikwiPhondo. Ngomhla we-11 kuFebruwari 2019 iSebe liqalise umboniso wamafoto obonisa imiboniso engcwele kakhulu engama-30 yobomi bukaNelson Mandela. Umboniso unesihloko, *Nelson Mandela: His Prison Life at Drakenstein Revisited* is uyaboniswa kwintolongo eyayibizwa ngaphambili yiVictor Verster Prison, ngoku yiDrakenstein Correctional Facility. Ezinye iindawo zibandakanya iRobben Island Cultural Landscape ngokunjalo nendawo yamadabi ongquzulwano okuqala ekwintlangano yemilambo iBlack kunye neLiesbeek ngomhla woku-1 kuMatshi 1510 phakathi kweenqanawa zorhwebo zabaseYurophu nabantu bemveli. Eli dabi libe nomphumela wokufa kukaFrancisco de Almeida kunye nawo wonke umkhosi wamalungu angama-49 amveli yawo ingamaPhuthukezi. Le projekti inikezela ngethuba lokwandisa ingxoxo kunye nenkcazelo kwimbali yenkululeko.

INkonzo yaMagama eeNdawo iqwalasele amagam atyunjiweyo afunyenweyo kuPhicotho-zincwadi lokuqala loluntu yaMagama Anyelisayo eNtshona Koloni. Isambuku samagama atyunjiweyo angama-30afunyanwa. Asithoba kula magama akummandla olawulwa yiKomiti yaMagama eNdawo yePhondo leNtshona Koloni, ali-11 aphantsi kommandla wolawulo loomasipala, amathandathu aphantsi kommandla olawulwa ngamanye amaqumrhu (umz. Alawulwa ngawangasese), kunye namane anganxulumananga namagama asiwafunileyo angadibgi nayiphi na intshukumo. Amagama asithoba akummandla olawulwa yiKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni avavanyiwe ze angeniswa kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. Amagama ashiyekileyo atyunjiweyo athunyelwe kwabachaphazelekayo abafanelekileyo kuloo mimandla iphantsi kwaloo ndawo bahlala kuyo.

IiNkonzo zeeLwimi

Elijolise kuko icandel loLwimi leSebe kwiinkonzo zoguqulelo, zokutolika, nezohlelo kwiPhondo, kubandakanywa ukutolikwa kweLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika (SASL).

ISebe lidingeka ukuba libeke iliso kumiliselo loMgaqo-nkqubo woLwimi lweNtshona Koloni kuwo onke amasebe. ISebe liququzelela unxibelelwano kunye nabachaphazelekayo abahlukeneyo kwiForam yoLwimi yePhondo ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zinikezelwa kwimithetho-siseko esingundoqo woMgaqo-nkqubo woLwimi nokuxoxa ngaphezulu ukuqhutyelwa phambili kuphuhliso lwesigama solwimi nokusetyenziswa kweelwimi zonke kwiPhondo.

ISebe lisingethe umsitho wokukhuthazwa koLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika kwi-Artscape Theatre, othe wagxininisa ukubaluleka kokugcinwa kwe-SASL njengolwimi lonxibelelwano olulungiselelwe kwabo bangevayo.

Njengenxalenye yelinge leMandela Day, iSebe lisebenzisene neKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni (WCLC)ukusingatha umsitho weelwimi eHarold Cressy High School ze kwaveliswa ngaphezulu incwadana yeNama kunye neCD ukuvuselela iinzame zokukhuthazwa kolwimi.

USuku lweHlabathi loLwimii lweNkobe kwavuyiswana nalo ngomhla wama-22 nama-23 kuFebruwarii 2019 eKhayelitsha nakwiZilko IMyuziyam ngokulandelelana. Imisitho izama ukukhuthazwa kokufunda okuqhubekayo, nokubaluleka kokusetyenziswa kweelwimi nolwimi lwenkobe njengesiboniso seyantlukwano yenkcubeko.

I-UNESCO ibhengeze unyaka wama-2019 njengoNyaka weHlabathi weeLwimi zeMveli. ISebe likukhumbule oku ngokundulula umsitho owaziwa njenge-*Year of Indigenous Language* ngoMatshi 2019 kwi-SA Sendinggestig IMyuziyam. Lo msitho uya kuseka ubume bonxibelelwano obuzayo ekukhuthazweni kweelwimi zemveli nokuvuyisana neyantlukwano kwinkcubeko yethu etyebileyo.

IMigqalisela yeeNjongo zeQhinga

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO						
Inombolo	IMigqalisela yeeNjongo zeQhinga	Ufezekiso olululo 2017 /2018	Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018 /2019	Ufezekiso olululo 2018 /2019	UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019	Izizathu zonxaxho
2.1	Inani leenkalo zobugcisa kunye nemisebenzi yenkcubeko eyenziweyo nethe yadala amathuba emisebenzi eNtshona Koloni	59	322	356	+34	Ukuqiniswa kwentsebenziswano kudale ukwanda abathabathi-nxaxheba kunye namaqonga okukhuthaza.
2.2	Inani lamacandelo namaqumrhu karhulumente abonelelwa ngenkxaso yobuchule nolawulo	34	34	34	-	-
2.3	Inani lamangenelo ukuguqula imbonakalo yelifa lemveli kwiphondo	30	5	6	+1	Kuqhutywe inkqubo yenye eyangezelelweyoyemfundo ngenxa yebango.
2.4	Inani lamaphulo akhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, nokulungelelanisa imiba yokungalingani kweezelwimi okwadalwa kukujongelwa phantsi kwezinye iilwimi ngokufanayo noLwimi lwabaThetha ngeZandla eNtshona Koloni	6	9	9	-	-
2.5	Inani lemisebenzi Ukunikezela nokwenza igalelo kuquka nokubambisana koluntu (ukwakhiwa kwesizwe neenguqu)	5	6	6	-	-

Amanqaku:

2.1 Uqulethe Amanani amagcisa abonelelweyo kumathuba okwakhiwa kwamakhono; Inani lemibutho yobugcisa nenkcubeko exhaswayo ngentlawulo ezikhutshelweyo; inani le projekti ukuphuhlisa nokukhuthaza ubugcisa nenkcubeko (Imigqalisela yokusebenza 2.2.1, 2.2.6, 2.2.7).

2.2 Uqulathe iNani lamacandelo olungelelwaniso olwimi axhasiweyo; Inani leeKhomishini zeNkcubeko ezixhasiweyo ukukhuthaza nokugcina ubugcisa nenkcubeko; Inani leeMyuziyam ezimanyeneyo ezixhasiweyo; INani loongunyaziwe bolawulo lwezibonelo zelifa lemveli lephondo abaxhasiweyo ngeentlawulo ezikhutshelweyo; Inani lamacandelo amagama eendawo ePhondo axhasiweyo eNtshona Koloni (Imigqalisela yokusebenza 2.5.1, 2.2.8, 2.3.2, 2.4.1,2.4.3).

2.3 Uqulethe aManani eeNkonzo zeMyuziyam ezigciniweyo ukunika inkxaso kwiimyuziyam ezimanyeneyo. Inani leeSimpoziyam zeNkonzo yeMyuziyam ezisingethweyo. Inani leenkqubo zemfundo yemyuziyam ezinikezelweyo (Imigqalisela yokusebenza 2.3.3, 2.3.4, 2.3.5).

2.4 Uqulathe iNani leeprojekti ezinika ingqwalasela kwizigunyaziso zomthetho zokukhuthaza ukuthethwa kweelwimi kunye noLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika: Inani lelwimi ezisesikweni kwiPhondo leNtshona Koloni apho iinkonzo zolwimi zinikezelwayo (Imigqalasela yomsebenzi 2.5.2, 2.5.3).

2.5 Uqulathe iNani leentsuku zesizwe nezembali ezikhunjulweyo; iNani lamangenelo enkuthazo ekukhuthazweni kwemiqondiso Eweizwe nemiyalelo (Imigqalisela yomsebenzi 2.2.4, 2.3.1).

Imigqalasela yomsebenzi

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
INkqutyana 2.1: ULawulo								
Imigqalisela Eweizwe								
2.1.1	Inani lamathuba emisebenzi adaliweliyo e-EPWP	242	347	370	305	467	+162	Amathuba angaphezulu omsebenzi ayekho ngenxa yabaxhamli abafumana eminye imisebenzi.
INkqutyana 2.2: Ubugcisa neNkcubeko								
Imigqalisela Eweizwe								
2.2.1	Inani labasebenzi abaxhamla kumathuba ophuhliso lwezakhono	-	249	340	249	267	+18	Ukuqiniswa kwentsebenziswano kudaleukwanda kwanani abathabathi – nxaxheba
2.2.2	Inani leendibano zeencoko zoluntu neengxoxo ezibanjiweyo	-	3	4	3	3	-	
2.2.3	Inani leendibano zephondo zolungelelwaniso	-	1	1	1	1	-	-

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
	lwentlalo ezisingethweyo							
2.2.4	Inani leentsuku ezibaluleke kakhulu nezibhiyozelweyo	-	3	3	3	3	-	-
2.2.5	Inani lamaziko oluntu axhasiweyo	25	30	33	32	32	-	-
Imigqalisela ye Phondo								
2.2.6	Inani lemibutho yobugcisa nenkcubeko ethe yaxhaswa ngentlawulo ekhutshelweyo	51	67	59	55	69	+14	Izibonelelo ezangezelelweyo zafumaneka kuhlahlo lwabiwo-mali oluhlenga-hlengisiweyo
2.2.7	Inani leeprojekti zesebe zokuphuhlisa	30	22	22	18	20	+2	Ukuqiniswa kwentsebenziswano kudale ukwanda kweeprojekti ukukhuthaza ubugcisa nenkcubeko
2.2.8	Inani keeKhomishoni zeNkcubeko ezixhasiweyo ukukhuthaza nokugcina ubugcisa nenkcubeko	-	-	-	1	1	-	-

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
INkqutyana 2.3: IiNkonzo zeeMyuziyam								
Imigqalisela Eweizwe								
2.3.1	Inani lamathuba ongenelelo ukukhuthaza iimpawu zesizwe	-	3	3	3	3	-	-
Imigqalisela yePhondo								
2.3.2	Inani leemyuziyam ezimanyeneyo ezixhasiweyo	28	24	-	30	30	-	-
2.3.3	Inani leeNkonzo leeMyuziyam ezilolongiweyo ukuze zinikezele ngenkxaso kwiimyuziyam ezimanyeneyo	-	-	-	1	1	-	-
2.3.4	Inani leeNkonzo zeeSimpoziyam zeMyuziyam ezisingeThweyo	-	-	-	1	1	-	-
2.3.5	Inani leenkqubo zemfundo yemyuziyam ezinikezelweyo	-	-	-	3	4	+1	Kuqhutywe inkqubo enye eyangezelelweyo yemfundo ngenxa yebango.

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
INkqutyana 2.4: IiNkonzo zeziXhobo zokuSebenza zeLifa LeMveli								
Imigqalisela yePhondo								
2.4.1	Inani loogunyaziwe bolawulo lwemithombo yelifa lemveli lephondo Abaxhaswe ngeentlawulo ezikhutshelweyo	1	1	1	1	1	-	-
2.4.2	Inani lamagama eendawo aqinisekisiweyo naphononongiweyo yiKomiti yamagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni	502	340	340	340	340	-	-
2.4.3	Inani lamaziko amagama eendawo ephondo axhaswayo aseNtshona Koloni	1	1	1	1	1	-	-
INkqutyana 2.5: IiNkonzo zeeLwimi								
Imigqalisela Eweizwe								
2.5.1	Inani lamacandelo olungelelwaniso olwimi axhasiweyo	1	1	1	1	1	-	-

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2018/2019**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
Imigqalisela yePhondo								
2.5.2	kweelwimi ezininzi, iilwimi ezazisakuvinjwa amathuba kwixa elingaphambili kunye nolwimi lwezandla loMzantsi Afrika	9	6	6	6	6	-	-
2.5.3	Inani leelwimi ezisemthethweni zePhondo leNtshona Koloni apho kwaye kwamiselwa amacandelo eelwimi ukukhawulelana nalo mba	3	3	3	3	3	-	-

Iqhinga lokuphelisa imimandla esebenza ngendlela engaphantsi kwelindelekileyo

Akubangakho zindawo zingaqhubi kakuhle nokusebenza kwizalathisi zokuSebenza kweNkqubo yeNkqubo 2.

Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho zinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

INkqutyana yenkcitho yeNkqubo 2: iMicimbi yeNkcubeko ibe njengoku kulandelayo:

Inkqutyana	2018/19			2017/18		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)
Ulawulo	3 942	3 920	22	3 277	3 262	15
Ubugcisa nenkcubeko	34 078	34 078	-	36 867	36 794	73
IiNkonzo zeMyuziyam	64 247	62 928	1 319	59 496	58 549	947
Iinkonzo zeziBonelelo zeLifa leMveli	8 660	8 567	93	7 895	7 642	253
Iinkonzo zeeLwimi	4 274	3 738	535	3 773	3 773	-
Iyonke	**115 201**	**113 231**	**1 969**	**111 308**	**110 020**	**1 288**

Le mali ithe yongeka iphathelelene ne-CoE, ikakhulu ngenxa yokuzaliswa kade kwezithuba. Imali elondoloziweyo ayibanga nakho ukukhutshelwa kweminye imimandla ngenxa yonyino olubekwe kuhlahlo lwabiwo-mali lweCoE.

4.3 INkqubo 3: IiNkonzo zaMathala eeNcwadi nooVimba

Injongo

Ukunikezela ngethala leencwadi elibanzi neenkonzo zoVimba eNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 3.1: ULawulo

Ukuza nolawulo lweqhinga nenkxaso elungiselelwe iThala leeNcwadi, iiNkonzo zooVimba neCandelo loLawulo lokuQulathiweyo kweShishini.

INkqutyana 3.2: IiNkonzo zaMathala eeNcwadi

Ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwdi ngokuhambelana nemithetho efanelekileyo nezigunyaziso zomgaqo-siseko.

INkqutyana 3.3: OoVimba

Ukubonelela ngeenkonzo zoLawulo zoovimba beenkcukacha neeNgxelo ngokoMthetho weNkonzo yooVimba beenkcukacha neengxelo zePhondo leNtshona Koloni, ka-2005.

Ukumiliselwa koLawulo lokuQulathiweyo leShishini (ECM)/MyContent kumaqumrhu kaRhulumente eNtshona Koloni.

IiNjongo zeqhinga

3.1 Ukuxhasa nokukhuthaza iinkonzo zamaThala eencwadi kubo bonke abahlali beNtshona Koloni.

3.2. Ukuqinisekisa ngenkonzo efanelekileyo yolawulo lweengxelo kumagatya karhulumente.

3.3. Ukulondoloza nokubonelela ngezixhobo zoovimba beenkcukacha.

3.4. Ukuqinisekisa ngolawulo nokuphunyezwa kwe-ECM kuRhulumente weNtshona Koloni.

IiNjongo zeqhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucetyiweyo nokona kuphunyeziweyo

Inkqubo ibe nefuthe ngesiPhumo esiCwangcisiweyo esiJoliswe kwiNjongo 3: *Uphuhliso, iNguqu nokukhuthazwa kwethala leencwadi elizinzileyo, ingcaciso neenkonzo zoovimba*.

IiNkonzo zaMathala eeNcwadi

Ekupheleni kukaMatshi 2019 iNkonzo yamaThala eeNcwadi yalwandisa ufikelelo lwawo ukususela kwiindawo zenkonzo ezingama-373 ukuya kwiindawo zenkonzo ezingama-375 kulo lonke iPhondo.

ISebe liqhubile ukufumana inkxaso-mali yoMnikelo oneMiqathango ukuxhasa amathala eencwadi oluntu nokunceda uluntu okokuba lufumane ulwazi kunye nengcaciso enokuthi iphucule isimo salo loqoqosho lwentlalo. Inkxaso-mali yanikezelwa ezi projekti zintsha zine zamathala eencwad ezikumanqanaba awahlukeneyo okugqitywa: iDu Noon ekwisiXeko saseKapa, iGroenheuwel kuMasipala waseDrakenstein, iElim kuMasipala waseCape Agulhas kunye neKoekenaab ekuMasipala waseMatzikama. La mathala eencwadi amatsha alandelayo agqitywa: IDu Noon (isiXeko saseKapa) kunye neGroendal[1] (kuMasipala waseStelenbosch). Ngethuba lohlaziyo lowama-2018/19, iThala leeNcwadi laseNoordhoek (kuMasipala waseBergrivier) lahlaziywa laze laxhaswa ngemali laze uhlaziyo lwagqitywa kwiThala leeNcwadi (kuMasipala wase-Overstrand).

INkqubo kaMasipala yeReplacement Funding iqhubile ukunikezela ooMasipala abali-15 abakwiCandelo B3 kwiPhondo ngenkxaso yemali. Oku kubandakanya ooMasipala iBeaufort

[1] IThala leeNcwadi iGroendal alifumenanga nkxaso-mali ngowama-2018/19. Lagqitywa ngenkxaso-mali elaliyifumene kunyaka-mali ongaphambili

West, iBergrivier, iBitou, iCape Agulhas, iCederberg, iHessequa, iKannaland, iLaingsburg, iLangeberg, iMatzikama, iPrince Albert, iSwartland, iSwellendam, iTheewaterskloof kunye

nowaseWitzenberg. Le nkxaso-mali idlale indima ebalulekileyo ekwangezeleleni utyalo-mali lukamasipala ekunikezeleni iinkonzo zobuchule zamathala eencwadi koomasipala abakwiCandelo B3.

UMnikelo weThala leNcwadi likaMasipala oMbaxa uqhubile ukunikezelwa kwisiXeko saseKapa.

Isibonelelo seNgcaciso neTheknoloji yoNxibelelwano (ICT) sanikezelwa kumathala amathathu amatsha eencwadi okt. iTesselaarsdal, iGlen Elgin neLangebaanweg, yenza okokuba inani elipheleleyo lamaziko aqhagamshelwe kwiRural Library Connectivity Project laba ngama-226. Kuninzi lweengingqi zoluntu ezincinane iinkonzo ezisimahla ze-intanethi ezinikezelwa kumathala eencwadi iba kukuphela kweenkonzo ezikhoyo kuluntu lwezi gingqi. Uninzi lwamathala eencwadi angama-226 ayinxalenye yeBroadband Initiative yoRhulumente weNtshona Koloni. Amathala eencwadi angama-44 eprojekti iMzantsi Libraries Online eya kufikelela ekugqityweni ngowama-2018/19.

Iprojekti yeSouth African Library for the Blind ibikunyaka wokwandiswa kwenkonzo, kungakhange kwangezelelwe amaziko amatsha kodwa uluntu olungaboni kakuhle olukufutshane namaziko asele ekho lwaqeqeshwa yae axhotyiswa ekusetyenzisweni kwesixhobo esisodwa se-IT. Iindawo ezintsha zenkonzo zasekwa kumathala eencwadi elaseStellenbosch-, Idas Valley-, Genadendal-, Tesselarsdal-, naseHopefield.

INkonzo yamaThala eeNcwadi ijolise kubaxhamli benkonzo, ngoko ukubekwa kweliso novavanyo lweenkonzo ezinikezelwa ngamathala eencwadi karhulumente kungundoqo. Utyelelo lulonke oluli-1 630 lokubekwa kweliso lwenziwa kumathala eencwadi oluntu (ali-1503 olungama-48 koomasipala abakwicandelo B3 abafumana inkxaso-mali yeMunicipal Replacement, ze olungama-79 koomasipala abafumana inkxaso-mali yoMnikelo oneMiqathango), yaye iinkqubo zoqeqesho ezingama-33 zanikezelwa koosozincwadi boluntu (inkqubo enye yoqeqesho ejolise kubalawuli bakamasipala bamathala eencwadi, axhaswa ngemali yoMnikelo oneMiqathango weSizwe).

*Olu tyelelo lokubekwa kweliso lwenziwa kooMasipala hayi kumathala eencwadi oluntu.

IProjekti yeVeki yeThala leeNcwadi 2019

IVeki yeThala leeNcwadi yoMzantsi Afrika yakhunjulwa sisizwe sonke ukususela ngomhla we -18 ukuya kumhla wama 24- kuMatshi 2019 phantsi komgomo "*Collaborate @ your library*". Kulo nyaka ukuqaliswa kwisizwe kweVeki yeThala leeNcwadi yoMzantsi Afrika kwakubanjwe eCaledon, eRiviersonderend, naseTesselaarsdal. Umhla wondululo olusesikweni yayingumhla we-18 kuMatshi 2019. Undululo lwazinyaswa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, uAnroux Marais kunye noSodolophu woMasipala waseTheewaterskloof, uChristelle Vosloo. Ngesithuba sale veki kubekho imidlalo yebhodi, imisebenzi yethala leencwadi lokudlala, imiboniso yeepapethi, imiboniso bhanya-bhanya eyi-16mm, nokuqatywa kobuso kusonwatyiswa iindwendwe abadala nabancinane. Ngaphezulu kwama-500 abantwana neendwendwe esele zikhulile ezingama-200 eziphuma kumakhaya abantu abadala zawuzimasa lo msitho.

IVeki yeSizwe yeNcwadi 2018

INational Book Week yakhunjulwa sisizwe sonke ngesithuba somhla wesi-3 ukuya kowesi-5 Septemba 2018 ngomgomo othi #Ourstories. iNkonzo yeThala leeNcwadi, ngentsebenziswano ne-South African Book Development Council kunye noMasipala waseWitzenberg iqalise ngempumelelo iNational Book Week e-Op die Berg, eBella Vista, kunye nakwiintlobo zoluntu eNduli. Umsitho wandulelwa ngomhla wesi-3 kuSeptemba 2018 nguMphathiswa uAnroux Marais. Inkqubo yokundululwa ibandakanya ukudlalwa kweMbali yoMlomo eyenziwa nguDavid Slinger kunye nomdaniso we-rap ne-breakdance owenziwa yiHeal the Hood. UMphathiswa uAnroux Marais wafundela abantwana incwadi yamabali. Abafundi nabo babethabathekile kukuveliswa kwe-mascot yeNkonzo yeThala leeNcwadi, iBhuki, kunye ne-mascot yeNational Book Week, iFunda Bala. Iinkqubo ezinikezelweyo ngezi ntsuku zintathu zibandakanye: imisebenzi kunye namathala eencwadi okudlala, umdlalo wamakhadi anesigama, ukubaliswa kwamabali, amathuba omsebenzi wezandla, imiboniso yebhanya-bhanya, ukupeyintwa kobuso kunye nocweyo (mobisite) olulungiselelwe abantwana.

INkonzo yooVimba bePhondo

Udliwano-ndlebe lwembali yomlomo luqhubile ukurekhodwa kulo lonke iPhondo kulo nyaka udlulileyo. Olu dliwano-ndlebe, olwenziwa kwiindidi ezininzi zabantu, lwachola-chola imbali engazange ibaliswe ethe yabumba uluntu kwixesha elide. Luyafumaneka kooVimba bePhondo nakwamanye amathala eencwadi oluntu nakwimyuziyam kulungiselelwa uphando lwexa elizayo.

Uluntu lweNtshona Koloni luxhamle kwiArchives Outreach Programme ethe yanikezela ngolwazi olumalunga nokusetyenziswa koovimba kwizifundo zabo nakubomi bemihla ngemihla. Abaphandi abangama-8896 batyelele ooVimba. Iirekhodi ezingama-35513 zafundwa yaye imibuzo engama-6070 yaqwalaselwa. Ukuqinisekisa ngento yokokuba irekhodi zoovimba ziyagcinwa ze zifikelelwe zikwisimo esilungileyo, ama-563 eerekhodi zoovimba abuyiselwa esimeni esisiso, ze iimitha zomlinganiselo ezingama-236.30 zeerekhodi zalungelelwaniswa ze zachazwa. Izintu zempahla ezintandathu zahlaziywa ukuququzelela ufikeleleko lula kwiirekhodi zovimba.

Ulawulo lweerekhodi zesandi kumaqumrhu karhulumente lubalulekile ukulungiselela ulawulo olulungileyo nokuthatyathwa koxanduva ukuqhubela phambili iindlela zikarhulumente ezilungileyo, nezifanelekileyo, nezinoxanduva, uphicotho lolawulo lweerekhodi ezingama-31 zaqhutywa, yaye abasebenzi bolawulo lweerekhodi ezingama-262 abaphuma kumaqumrhu karhulumente abangama-56 eNtshona Koloni baqeqeshwa kwiindlela zangoku zolawulo lweerekhodi.

Iinjongo zeQhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo zithiwe thaca kwitheyibhile engasezantsi.

IMigqalisela yeNjongo zeQhinga

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA EENCWADI NOOVIMBA						
Nomb.	**IMigqalisela yeeNjongo zeQhinga**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2017/2018**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcis iweyo ukuya kuFezekiso olululo 2017/2018**	**Izizathu zonxaxho**
3.2.1	Inani leendawo zeenkonzo yethala leencwadi ezinikezelwe kubahlali beNtshona Koloni	373	377	375	-2	Ulwakhiwo lwamathala eencwadi ziiprojekti zeminyaka emininzi. Umhla wokuqukunjelwa oqikelelweyo unakho ukutshintsha ngenxa yohlobo lweeprojekti zesakhiwo ezifumana ukulibaziseka okanye zigqitywe ngaphambi kokuba kulindelwe. IThala leeNcwadi laseDunnon lagqitywa ngomhla wama-31 kuMatshi 2019 kodwa belingekasebenzi. Ukuvulwa, okuphantsi kwamagunya kaMasipala, kwabanjwa ngo-Epreli 2019. IThala leeNcwadi iKoekenaap lifumene inkxaso-mali yokugqibezela ngowama – 2018/19 kodwa uMasipala uya kulivula kuphela iThala leeNcwadi kuNyaka-mali omtsha.
3.3.1	Inani leenkonzo zokongamela ezinikezelwe kumaqumrhu karhulumente	183	91	193	+102	Ezi nkonzo zinikezelwe ngebango elivela kumaqumrhu karhulumente yaye akunakho ukuqikelelwa.
3.3.2	Inani lemisebenzi yogcino nokufumana eqhutyiweyo	782.35	796	805.30	+9.30	Amaqela ovimba (uqokelelo lweerekhodi zooVimba) ahlukeneyo ngobukhulu, ngamanye amaxesha umphumela uyahluka kwinani eliqikelelweyo.
3.3.3	Inani lamaSebe apho kuqaliswa khona i-ECM	2	2	2	-	-

Qaphela:

3.2.1 Uqulathe iNani leendawo zenkonzo zeThala leencwadi (Umgqalisela wokusebenza 3.2.8).

3.3.1 Uqulathe uhlolo olulandelayo lwemisebenzi: linkqubo zokuhlela iirekhodi ezivavanyiweyo kunye okanye ezamkelweyo, uhlolo luqhutyiwe ze oogunyaziwe bokulahla bakhutshwa (Imigqalisela yokusebenza 3.3.11, 3.3.12, 3.3.13).

3.3.2 Uqulathe uhlobo olulandelayo lwemisebenzi: ukuvuselelwa kovimba, ulungiselelo lweemitha yaye nezintlu zempahla ziqulunqiwe ze zahlaziywa (Imigqalisela yokusebenza 3.3.6, 3.3.9, 3.3.14).

3.3.3 Uqulathe iNani lamaSebe afumana inkxaso ye-ECM ejolisileyo (Umgqalisela wokusebenza 3.3.10).

IMigqalisela yomsebenzi

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
INkqutyana 3.2: IiNkonzo zamaThala neeNcwadi								
IMigqalisela yeSizwe								
3.2.1	Inani lamathala eencwadi awakhiweyo	-	5	2	2	2	-	-
3.2.2	Inani lamaziko akhoyo ahlaziyiweyo kulungiselelwa iinjongo zamathala eencwadi oluntu	-	3	1	0	1	+1	Kubekho ulityaziseko lweprojekti kwiThala leeNcwadi laseHawston ngesithuba sonyaka-mali wama-2017/18 nokuqengqelwa kwamkelwa. IProjekti yathi yagqitywa ngowama-2018/19.
3.2.3	Inani lemathiriyeli yethala leencwadi ethengiweyo	199 787	4 318*	4181	3 000	4 003	+1 003	Ufezekiso olungaphezulu lwabangelwa ikakhulu 1) kukuhla kwamandla emali namaxabiso kukwenza kube nzima ukuqikelela isixa-mali sezihloko 2) ukubekwa phambili ngokutsha kwenkxaso-mali kwinkxaso yophuhliso loqokelelo.
IMigqalisela yePhondo								
3.2.4	Inani lotyelelo lokubekwa kweliso eliqhutyiweyo	1 516	1 525	1536	1 498	1 503	+5	Utyelelo olwangezelelweyo lwenziwa njengoko lucelwe ngamathala eencwadi.
3.2.5	Inani leeprojekti zokuthengisa eziqhutyiweyo	14	11	12	11	11	-	-
3.2.6	Inani leenkqubo	27	31	31	28	33	+5	Ucweyo olwangezelelweyo

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
	zoqeqesho ezinikezelwe kubasebenzi bamathala eencwadi oluntu							lwabasebenzi bethala leencwadi loluntu lwanikezelwa e-Eden, eCentral Karoo ngokunjalo nakuMasipala Ombaxa. Iprojekti yoMzansi evela kwiSebe loBugcisa neNkcubeko lixhase ngemali iinkqubo zoqeqesho ezisimahla.
3.2.7	Inani lamathala eencwadi ane-intanethi efumanekayo kuluntu	215	220	223	226	226	-	-
3.2.8	Inani leendawo zenkonzo yethala leencwadi	365	370	373	377	375	-2	Ulwakhiwo lwamathala eencwadi ziiprojekti zeminyaka emininzi. Umhla wokuqukunjelwa oqikelelweyo unakho ukutshintsha ngenxa yohlobo lweeprojekti zesakhiwo ezifumana ukulibaziseka okanye zigqitywe ngaphambi kokuba kulindelwe. IThala leeNcwadi laseDunnon lagqitywa ngomhla wama-31 kuMatshi 2019 kodwa belingekasebenzi. Ukuvulwa, okuphantsi kwamagunya kaMasipala, kwabanjwa ngo-Epreli 2019. IThala leeNcwadi iKoekenaap lifumene inkxaso-mali yokugqibezela ngowama – 2018/19

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
								kodwa uMasipala uya kulivula kuphela iThala leeNcwadi kuNyaka-mali olandelayo.
3.2.9	Inani loomasipala abakwicandelo B3 elifumana iintlawulo ezikhutshelweyo kulungiselelws abasebenzi, inkcitho yabasebenzi, yokusebenza kunye/okanye nenkcitho yezakhiwo kumathala eencwadi	15	15	15	15	15	-	-
3.2.10	Inani loomasipala elifumana iintlawulo ezikhutshelweyo zeMetro Library Grant kulungiselelwa ukuhlaziywa nokulolongwa kwamathala eencwadi	1	1	1	1	1	-	-
3.2.11	Inani lezithuba zabasebenzi	215	234	239	240	252	+12	Abasebenzi abangaphezulu baqeshwa ngokubhekiselele

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
	bethala leencwadi ezixhaswa ngemali ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali yembuyekezo							kwiimfuno zikamasipala, umzekelo apho kuvulwe amathala eencwadi amatsha.
3.2.12	Inani lotyelelo lokubekwa kweliso koomasipala becandelo elingu-B3**	48	50	48	48	48	-	-
INkqutyana 3.3: OoVimba								
IMigqalisela yeSizwe								
3.3.1	Inani leenkqubo zofikelelo loluntu kumathala eencwadi, iimyuziyam, kunye noovimba eziqhutyiweyo	-	31	26	27	30	+3	Iinkqubo ezintathu ezangezelelweyo zoFikelelo zanikezelwa ngesicelo esivela ezikolweni.
3.3.2	Inani leeprojekti zembali yomlomo eziqalisiweyo	-	4	5	4	4	_	-
IMigqalisela yePhondo								
3.3.3	Inani labalawuli beerekhodi abaqeqeshiweyo	290	258	216	155	262	+107	Izifundo ezangezelelwayo zanikezelwa ngesicelo esivela kumaqumrhu karhulumente, ngenxa yebango eliphezulu

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
								lohambelwano ngokuphathelelene neerekhodi zolawulo lwendlela yokusebenza.
3.3.4	Inani lemibuzo eqwalaselweyo	3 595	7 005	6 094	2 224	6 070	+3 846	Imibuzo ethe yafunyanwa kwigumbi lokufundela ayinakuqikelelwa kwangaphambili.
3.3.5	Number of visits by researchers to the Archives	10 731	9 278	8 931	8 600	8 896	+296	Utyelelo olwenziwa ngabaphandi kwigumbi lokufundela luqhutywa libango okwenza kube nzima ukuqikelelwa. Umsebenzi uyahambelana nendlela kwisithuba seminyaka-mali edlulileyo emithathu.
3.3.6	Inani (lamaxwebhu) oovimba agciniweyo	622	530	550	560	563	+3	Iincwadi ezintathu ezangezelelweyo zavuselelwa ngesicelo.
3.3.7	Inani leemitha ezikhutshelweyo elifunyenweyo livela kumaqumrhu karhulumente**	971	266.50	273.60	270	278.30	+8.30	Amaqela ovimba (uqokelelo lweerekhodi zooVimba) ahlukeneyo ngobukhulu, ngamanye amaxesha umphumela uyahluka kwinani eliqikelelweyo.
3.3.8	Inani leerekhodi ezifundwe ngabaphandi	52 733	44 767	50 308	47 500	35 513	-11 987	Umthamo weerekhodi ezifundwe ngabaphandi kwigumbi lokufunda awunakuqikelelwa ngokuthe gca. Oku kwenziwa nzima yinto yokokuba ooVimba basisakhiwo esimabali maninzi yaye kusithathu kwisine sonyaka, amanqwanqwa okunyukelela kweminye

INKQUBO 3: IINKONZO ZETHALA LEENCWADI NOOVIMBA								
Nomb.	**UMgqalisela wokuSebenza**	**Ufezekiso olululo 2015/2016**	**Ufezekiso olululo 2016/2017**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**Imisebenzi yeeNjongo zeQhinga 2018/2019**	**Ufezekiso olululo 2017/2018**	**UNxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kuFezekiso olululo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
								imigangatho ibisebenza ngamathuba athile
3.3.9	Inani leemitha elilungiselelweyo	222	216	227.35	230	236.30	+6.30	Amaqela ovimba (uqokelelo lweerekhodi zooVimba) ahlukeneyo ngobukhulu, ngamanye amaxesha umphumela uyahluka kwinani eliqikelelweyo.
3.3.10	Inani lamasebe afumene inkxaso ejolise kwi-ECM	-	-	2	2	2	-	-
3.3.11	Inani leenkqubo zeerekhodi elihleliweyo elivavanyiweyo kunye/okanye elamkelweyo	70	135	130	44	140	+96	Izicelo zokuhlelwa kweerekhodi okokuba zivavanywe kunye/okanye zamkelwe zivela kumaqumrhu karhulumente yaye azinakho ukuqikelelwa kakuhle.
3.3.12	Inani lohlolo oluqhutyiweyo	29	34	35	29	31	+2	Uhlolo olwangezelelweyo lwenziwa ngesicelo esivela kwii-ofisi zabaxhamli, ngenxa yeemfuno zabo zohambelwano kunye nemithetho yoMthetho wePhondo wooVimba.
3.3.13	Inani lezigunyaziso zokulahla ezikhutshiweyo	16	18	18	18	22	+4	Izicelo ezangezelelweyo zafunyanwa.
3.3.14	Inani loluhlu lwempahla oluqulunqiweyo lwahlaziywa	-	5	5	6	6	_	-

**. Ukubalwa kwenani lweekopi kuguqukele kwinani lezihloko ngowama -2016/17.*

*** Utyelelo lokubekwa kweliso koomasipala oluqhutywe licandelo leeNkonzo zeNkxaso kaMasipala kulungiselelwa ukubekwa kweliso nolwakhiwo lwamakhono.*
**** Umlinganiselo weemitha ngumgangatho wovimba.*

Iqhinga lokusombulula imiba yokusebenza nganeno kokulindelwe

ISebe liya kuqhuba libeke iliso ngocoselelo iiprojekti zezibonelelo ezimiliselwe ngooMasipala. Ulwakhiwo lwamathala eencwadi amatsha ziiprojekti zeminyaka ngeminyaka yaye usuku oluthe ngqo lokuqukunjelwa alusoloko luqikilelwa ngokulungileyo. IThala leeNcwadi laseDu Noon lagqitywa ngomhla wama-31 kuMatshi 2019 kodwa alikasetyenziswa. Ukuvulwa, okuphantsi kwamagunya kaMasipala, kwabanjwa ngoEpreli 2019. IThala leeNcwadi laseKoekenaap lifumene inkxaso-mali yokugqityezelwa ngowama-2018/19 kodwa uMasipala uya kulivula iThala leeNcwadi kuNyaka-mali olandelayo.

ISebe liya kuqhubeka linxibelelana nabanelungelo lwezibonelelo zikarhulumente ukuhlaziya amanqwanqwa okunyuka njengoko amanqwanqwa asebenzayo okunyuka aya kwandisa ukufikeleleka kwiirekhodi zoovimba.

Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho zinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo-mali

INkcitho yeNkqutyana yeNkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba yayinjengoku kulandelayo:

Inkqutyana	2018/19			2017/18		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (Ngaphezulu)/ Ngaphantsi (R'000)
ULawulo	6 619	6 424	195	6 415	6 415	-
Inkonzo yethala leeNcwadi	347 867	346 403	1 464	335 903	333 947	1 956
OoVimbai	18 422	18 397	25	26 268	23 995	2 273
Zizonke	**372 908**	**371 224**	**1 684**	**368 586**	**364 357**	**4 229**

Umahlukoo unxulumene 1) neCoE ngakumbi ngenxa yolityaziso kukuzaliswa kwezithuba kunye 2) nenkcitho yeZakhiwo ngenxa yokuthengwa kwezixhobo ze-IT (R769, 834) eziya kuthi zithunyelwe ngomhla wama-31 kuMatshi 2019. Isicelo sokuqengqwa kweengxowa-mali zisiwa kowama-2019/20 sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo.

4.4 INkqubo 4: IMidlalo noLonwabo

Injongo

Ukubonelela imisebenzi yezeMidlalo noLonwabo kubantu baseNtshona Koloni.

INkqutyana

INkqutyana 4.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso yeqhinga kwicandelo lezeMidlalo noLonwabo.

INkqutyana 4.2: EzeMidlalo

Ukukhuthaza ezemidlalo ukwenza igalelo kulungelelwaniso nakuphuhliso loluntu lwaseNtshona Koloni ngokwamalungiselelo eenkqubo neenkonzo ezilinganayo, ezifikelelekayo nezixabisa kakuhle.

Inkqutyana 4.3: Ezolonwabo

Ukuxhasa imisebenzi yezolonwabo ngokweenkqubo ezinzileyo; ukubonelela ngoncedo kwimibutho yezolonwabo ngeenjongo zophuhliso oluthile; nokusebenzisa ezolonwabo ukuxhasa nokukhuthaza ubomi obudlamkileyo nobusempilweni.

Inkqutyana 4.4: Ezemidlalo ezikolweni

Ukukhuthaza ezemidlalo ezikolweni ngokuncedisa kubume, ukhuphiswano, uchongo lwetalente, uphuhliso kwakunye nemidlalo ethile ekwelinye inqanaba elilandelayo eliphezulu.

Inkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD

Ukubonelela abafundi ngenkqubo yolonwabo equlunqiweyo nocwangcisiweyo, eyemihla ngemihla, eqhutywa ukuphuma kwesi

IiNjongo zeQhinga

4.1. Ukubonelela ngenkxaso kuphuhliso lwezemidlalo noLonwabo.

4.2. Ukukhuthaza iinkonzo ezizodwa zezemidlalo noLonwabo.

4.3. Ukubonelela ngenkxaso kwabo bafumana iinkonzo nakwezobunzululwazi kwezemidlalo noLonwabo.

4.4. Ukukhuthaza imisebenzi yezolonwabo.

4.5. Ukudala ukufikelela namathuba kwezemidlalo kuzo zonke izikolo nakubo bonke abafundi.

4.6. Ukudala imeko bume yokuthabatha inxaxheba kwemfumba ngokubonelela ulutsha olungabafundi ngamathuba okufikelela kwimisebenzi ukuphuma kwesikolo.

IiNjongo zeqhinga, imigqalisela yomsebenzi, ekujoliswe kuko okucetyiweyo nokona kuphunyeziweyo

INkqubo ibonelela kuMphumela weQhinga oJolise kwiNjongo 4: *Ukuqalisa nokuxhasa amaqela emidlalo nolonwabo ahlanganisa intlalo kunye/okanye imisebenzi*.

EZEMIDLALO

UPhuhliso lweeKlabhu

Ngesithuba sowama-2018/19, iiklabhu ezingama-180 zaxhaswa kulungiselelwa uuzalisekiswa kwemidlalo yokhuphiswano yeligi, umrhumo womanyana/wobhaliso kunye nezifundo zolwakhiwo lwekhono kunye nezixhobo kunye/okanye impahla yokunxiba. Oku kubandakanya i-Rural Sport Programme apho iiklabhu ezingama-82 zasemaphandleni zaxhaswa.

Unxibelelwano woManyano lweMibutho

ISebe lixhase ngemali imibutho emanyeneyo eli-132 kwizithili ezithandathu ezizezi iCentral Karoo, i-Eden, i-Overberg, i-Cape Winelands, i-West Coast nesithili saseKapa. Le nkxaso-mali incede kulawulo, kuphuhliso kulwakhiwo lwamakhono nakwiiprojekti zenguqu kwimibutho emanyeneyo nokuqinisekisa ngokuba amaqela ayizimasile imibutho yesizwe.

AmaBhunga eMidlalo/iMibutho yeMidlalo eManyeneyo

IMibutho yeMidlalo eManyeneyo yePhondo leNtshona Koloni (WCPSC) yenza iqumrhu elisisambuleni semidlalo yabasaqalayo kwiPhondo. IMibutho yeMidlalo eManyeneyo equlethe amabhunga emidlalo ezithili ezithandathu yaye ifumana imiyalelo yayo kwiqumrhu lemidlalo lesizwe elaziwa ngokuba yiSouth African Sport Confederation and Olympic Committee (SASCOC). Ngokusebenzisana ngokusondeleyo neSebe, ixhibe ekuqhubeni injongo zesizwe zeSASCOC kwinqanaba lephondo. IMibutho yeMidlalo eManyeneyo ilawula amaBhunga eMidlalo esiThili ukuqinisekisa ngento yokokuba iinjongo zemidlalo ziyahlangatyezwa kwisithili ngasinye. Iindima zeWCPSC kunye namaBhunga ayo eMidlalo yesiThili, ibandakanya phakathi kwezinye izinto: ulungelelwaniso lophuhliso lwemidlalo kuzo zonke iikhowudi zemidlalo kwiPhondo; ukuqinisekisa ngento yokokuba ulawulo olulungileyo luyenziwa; ukunceda imibutho yemidlalo emanyeneyo ngeenkqubo zayo zokusebenza ezikwinqanaba eliphezulu ezifana nokuchongwa kweetalente nokuthatyathwa kwenxaxheba sisininzi; ukuqinisekisa ngento yokokuba iindlela zolawulo lwemali ziyalandelwa; ukulawula umanyaniso lwembutho yemidlalo emanyeneyo; nokuqinisekisa ngento yokokuba okubekwe phambili ngurhulumente nemigaqo-nkqubo njengoko ichaziwe kuyahlangatyezwa yaye kuyamiliselwa.

I-Trilaterals

Rhoqo ngonyaka-mali inkqubo yetrilateral iyaqhutywa kunye nayo yonke iMibutho yeMidlalo eManyeneyo efumana inkxaso-mali kwiSebe. Inkqubo iqhutywe ngoJanyuwari nangoFebruwari 2019. Kwisithili ngasinye isebem amaBhunga esithili awahlukeneyo, kunye nombutho omanyeneyo wemidlalo enika ingxelo lahlangana ukuza kunika ingxelo ngezixa-mali ezifunyenweyo nendlela ezithe zasetyenziswa ngayo. Kwakuthi oku kwakuqukunjelwa inkqubo yogwebo iqhutywe ngothelelwano nemibutho yentlalo ukulungiselela ukuxhasa ngemali iMibutho eManyeneyo yeMidlalo kwiPhondo.

AmaQhawe eMidlalo

INkqubo yamaQhawe emidlalo yasekwa ngowama-2005 ngenjongo yokunika ingqwalasela kumaqhawe emidlalo aseNtshona Koloni athe anikela ngokubonakalayo kuphuhliso lwemidlalo eMzantsi Afrika naseNtshona Koloni. Ngomhla we-13 kuDisemba 2018, iSebe, ngentsebenziswano namabhunga emidlalo, imibutho emanyeneyo yemidlalo, kunye nekomiti yokhetho, yahlonipha amaqhawe eMidlalo ali-13 kwiikhowudi ezahlukeneyo zemidlalo.

AmaBhinqa namaNtombazana

Ngokuhambelana nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLawulo (NSRP) soMzantsi Afrika, ugxinininiso olulodwa lubekwe kubandakanyo, uxhotyiso nokukhuthazwa kwamaqela aphambili karhulumente o.k.t. ulutsha, abadala, ababhinqileyo namantombazana, uluntu lwasemaphandleni nabantu abakhubazekileyo. Kunyaka ngamnye, iSebe lisebenza ngokusondelelana neWCPSC, amaBhunga eMidlalo esiThili kunye neKomishoni yamaBhinqa namaNtombazana nemibutho yemidlalo emanyeneyo ukuzalisekisa esi sigunyaziso kuqinisekisa ngento yokuba iinkqubo ezilungiselelwe ngqo ukuxhotyiswa kwamabhinqa namantombazana ziyamiliselwa. ISebe lixhase amabhinqa isithandathu seenkqubo zamabhinqa namantombazana kulo nyaka uphantsi kovavanyo, ekuthe okuqaqambileyo yaba yitumente yeWomen's Rugby eyathi yaququzelelwa ngentsebenziswano neSARU.

Ukukhubazeka

Umgcini wecandelo labaKhubazekileyo kwimidlalo yiDisability Sport Western Cape (DISWEC). Njengoko ingundoqo kurhulumente, iSebe linikezela ngenkxaso kubantu bemidlalo abakhubazekileyo kusetyenziswa iDISWEC. Ngowama-2018/19 iSebe lixhase iimbaleki ezikhubazekileyo okokuba zilungiselele imidlalo yeProvincial Championships. ISebe liya kuqhubeka lixhasa i-DISWEC ukuqinisekisa ngento yokokuba abantu abakhubazekileyo baphathwa ngokulungileyo nangokulingana kwicandelo lemidlalo. Ngaphezulu, iSebe lincede laququzelela uSuku lweHlabathi lwabaKhubazekileyo olwalubanjwe eSwellendam ngomhla wesi-3 kuDisemba 2018.

IMisitho enguNdoqo

Ngesithuba sowama-2018/19, iMisitho enguNdoqo engama-74 yasingathwa eNtshona Koloni, kubandakanywa iCape Town Cycle Tour, ABSA Epic, Nelson Mandela Freedom Race, kunye neCape Town Marathon. Le misitho ingundoqo inikele kukhenketho lweMidlalo eNtshona Koloni enikela kwimpilo-ntle yentlalo noqoqosho lwePhondo.

Better Together Games

IBetter Together Games (BTG) zibanjwa rhoqo ngonyaka. ISebe, liququzelele iBTG ngothelelwano noluntu, eququzelelwe yi BTG yaze yabanjwa ngoSeptemba nangoOktobha kwezi zithili zilandelayo: eCentral Karoo, eEden, eCape Winelands, e-Overberg. EWest Coast nakwizithili zoMasipala oMbaxa.

AmaBhaso eMidlalo

AmaBhaso eMidlalo asingathwa rhoqo ngonyaka yaye ngesithuba sowama-2018/19, iSebe, ngentsebenziswano namaBhunga ezithili amathandathu eMidlalo, asingethe amaBhaso eMidlalo kwizithili ezahlukeneyo. AmaBhaso eMidlalo yesiThili anika ingqwalasela kwimbaleki

ngezifezekiso eziqaqambileyo kunyaka wonke. Amabhaso eMidlalo ePhondo aqhutywe ngomhla wama-25 ku-Agasti 2018 yaye abagqwesileyo badweliswe apha ngasezantsi:

- IVolontiya lonyaka - Wilfred Van Niekerk (Central Karoo Athletics)
- Community builder of the year - Willem Esbach (Central Karoo)
- Uqumrhu lolonwabo lonyaka - Witzenberg Sport and Recreation body (Cape Winelands)
- Iqela leMidlalo yeMveli yonyaka - Cape Winelands Drie Stokkies (Cape Winelands Drie Stokkies)
- Iqela lesikolo lonyaka - Oakdale 560kg Tug-of-War (Eden Tug-o-War)
- Iqela lesikolo eliphuhlayo lonyaka - Swartberg High boys u/15 Volleyball (Central Karoo Volleyball)
- School sportswoman of the year - Jacquine Strydom (Eden Kickboxing)
- School sportsman of the year - Antonia Farmer (Eden Athletics)
- After School sport coaching excellence award - Grace Mapfuma (CoolPlay)
- Umchola choli wendaba wonyaka - Mark Ward(Provincial)
- Photographer of the year - Deidre Cloete(Eden)
- Newcomer of the year - Anda Mbonjeni (Cape Winelands Judo)
- Coach of the year - Claudio Miller (Eden Lifesaving)
- Administrator of the year - Trevor Davis (Eden Bowls)
- Imibutho emanyeneyo yonyaka - Western Province Rugby Football Union (WP Rugby)
- Team of the year - Western Province Ladies Cricket team (WP Cricket)
- Recognition of technical excellence - Aimee Barrett-Theron (WP Rugby)
- Junior sportswoman of the year - Meghan Ann Pead (WP Gymnastics)
- Junior sportsman of the year - Salmaan Moerat (WP Rugby)
- Sportswoman with a disability - Nosipho Princess Schroeder (WP Bowls)
- Sportsman with a disability - Jonathan Ntutu (WP Athletics)
- Sportswoman of the year - Elma Davis (Eden Bowls)
- Sportsman of the year - Chad le Clos (WP Aquatics)

Izibonelelo

Ukuqinisekisa ngento yokokuba imidlalo nenkcubeko yoMzantsi Afrika ixhaswa ngezibonelelo ezaneleyo nezilolongwe kakuhle, iDCAS incede ooMasipala abahlanu abangaba; OoMasipala baseCape Agulhas, owaseDrakenstein, eGeorge, eLaingsburg nowaseSaldanha Bay ngokulandelelana, ngomnikelo obhekiselele kukugrunjwa kwesitsalimanzi, nokuthengwa kwempompo neetanki zeJOJO ukulungiselela ukuncedwa ngembalela nokuqinisekisa ngento yokokuba amabala okudlala abalulekileyo akabekwa engozini.

Ukunikela kuqoqosho lwabakhweli zibhayisekile beNtshona Koloni, iDCAS yabele inkxaso-mali ukwenziwa kwempompo yemizila yeBMX koomasipala owaseDrakenstein, eGeorge nowaseSaldanha Bay ngokulandelelana.

Umnikelo kuhlaziyo lweekhoti zeNtenetya zaseGreyton wabelwa uMasipala waseTheewaterskloof. Emva kothethwano olukhulu, kwavunyelwana okokuba kuguqulwe iikhothi zibe zezebhola yomnyazi nentenetya eziya kuqhuba kakuhle kuphuhliso lweekhowudi ezimbini kwisiThili saseOverberg.

UMasipala waseWitzenberg ubonelelwe kwizabelo zokuhlaziya iindawo zokuhlala kwiBella Vista Sport Grounds eCeres. Oku kuya kunceda kunciphise uluntu oluninzi ekunqumbaneni

kumgca wokubaleka, oku kwenze into yokokuba ababukeli babukele umdlalo ngolonwabo kwaye ngoko kuya kulawula ukuhamba-hamba kwababukeli ngakwibala lokudlala.

Amaziko eMfundo

ISebe linoxanduva lokulolonga iimbaleki kwezi zithili zilandelayo: isiThili sase-Eden, (Oudtshoorn) iCentral Karoo (Beaufort West), West Coast (Saldanha Bay), Cape Winelands (Paarl), Overberg (Bredasdorp) kunye noMasipala oMbaxa waseKapa. La Maziko eMfundo eMidlalo esiThili axhaswa yiWestern Cape Sport Academy (WECSA) kwinkqubo yenkxaso yembaleki kwiPhondo. Iinkonzo ezinikelwe ngesi sithuba zibandakanya inkxaso yonyango nolwenzululwazi, amakhono obomi, iintlanganiso ezichasenei neziyobisi, uqeqesho, iinkampu zoqeqesho kunye nesondlo. Inkxaso iyanikezelwa ngokunjalo kwimbaleki ezikwinqanaba eliphezulu lokubaleka kwiPhondo kubandakanywa amaqela ephondo. ISouthern Stings Team yalungiswa ze yabekwa emgangathweni ngokusetyenziswa kwenkqubo zenkxaso yembaleki yeWECSA kunye namaqela athe akaphumelela kwi-National Netball League.

ULONWABO

Imisitho yesithili emithandathu yeMidlalo yeMveli yasingathwa ethe yakhokhelela kwitumente yephondo. Ukuchongwa kwetalente nokutyunjwa kweQela lePhondo leNtshona Koloni kwenziwa kule tumente yephondo yaye iqela lathabatha inxaxheba kwiMidlalo yeSizwe yeMveli eLimpopo. Iqela laphuma kwindawo yesine, lineemedali ezisibhozo kwiMidlalo yeSizwe (iigolide ezimbini, isilivere ezintathu nezesinyithi ezintathu). Inkxaso eqhubekayo eyathi yanikezelwa ngoomasipala bengingqi kwiziThili incede kwinkuthazo yeenkqubo ezifanelekileyo nezisebenzayo kuluntu. Icandelo ngalinye lekhowudi yeMidlalo yeMveli yephondo libambe iintlanganiso yalo yonyaka njengoko ichaziwe kwimigaqo-nkqubo kwisithuba senyanga kaFebruwari 2019, apho lithe laxoxa ngokunjalo inkqubo yalo yokusebenza yemidlalo yowama-2019.

ISebe, ngentsebenziswano neWestern Cape Older Persons Forum kunye noomasipala bengingqi, linike amathuba kuBantu abaDala lokokuba bathabathe inxaxheba kwimidlalo yeGolden Games alungiselelwa kumaziko olonwabo. Ngaphezulu, aba bantu badala bathabathe inxaxheba ngokunjalo kwiMinyhadala yeGolden Games esekwe kwiziThili ezithandathu eyathi yasingathwa kwiPhondo liphela. Le midlalo inike isithuba kubantu abadala sokunxulumana ngentlalo omnye nomnye nokuthabatha inxaxheba kwimidlalo eshukumisa igazi yolonwabo. Uthelelwano noomasipala ludlale indima ebalulekileyo ekwenzeni ulonwabo okokuba luqhube olulungiselelwe abnatu abadala.

INkampu yoLutsha yePhondo/yeSizwe ijolise kubafundi abathe bakhethwa ukususela kwiiGreyidi 9, 10 neze-11. Le ndlela ikhuthaze ubudlelwane borhulumente naboorhulumente phakathi kweMidlalo noLonwabo kunye namaSebe eMfundo kwiNtshona Koloni, abafundi batyunjwa kwizikolo ezingama-30, kuzo zonke izithili ezithandathu zomasipala. Abafundi badingeka ukuba bafikelele kuma-70 eepesenti ukuze babe nakho ukuthabatha inxaxheba kwiKampu yeSizwe yoLutsha, eyayibanjelwe eWaterval Resort, eTulbagh, ngesithuba sikaDisemba 2018. Uthelelwano phakathi kweDCAS, SRSA, WCED kunye neloveLife lunike ithuba kulutsha ukuba luthabathe inxaxheba ze bafunde amakhono anexabiso obomi, nokunceda umfundi okokuba abe nemveliso nelungu loluntu elisebenzayo.

Ngesithuba sempela-veki yokuqala ku-Oktobha 2018, uSuku lweSizwe loLonwabo lwabanjjwa ukukhuthaza ukusebenza nokuphila ngokusempilweni, nokunikezela ngemisebenzi yolonwabo ngenjongo yokuhlanganisa usapho namalungu oluntu. Lo msitho

wabanjwa kwisithili seCape Town Metropole, eLentegeur Sport Ground, eMitchell's Plain. Izithili ezintandathu sisinye sisingethe iDistrict Big Walks kunikwa ingqwalasela kuSuku lweSizwe leBig Walk Day, ngeli thuba isiThili ngasinye sinothelelwano ngokunjalo mhlawumbi ne-Athletics Club ephuma kummandla wengingqi kunye/okanye umasipala wengingqi. Kwakhona inani lobudlelwane noorhulumente abahlukeneyo kunye norhulumente eqhubekayo ngethuba lezi Big Walks. Umsitho weBig Walk engundoqo uaba ngulowo usekwe kwiCape Town Metropole. Apha, iSebe lisebenzisana neKhayelitsha Athletics Club kunye neWestern Province Athletics Federation. Umsitho uqhubeke kwstediyam saseKhayelitsha eKhayelitsha. Amacandeloi amathathu ayefumaneka kubathabathi-nxaxheba, angala, uhambo/ukubaleka i5km, ukuhamba/ukubaleka i7km, kunye nokuhamba/ukubaleka isi-9km.

IMIDLALO YEZIKOLO

IQella leNtshona Koloni liphumelele kwindawo yesi-3 kwi-2018 South African National Schools Championship (SANSC) – kwiMidlalo yaseHlotyeni. Apha, iPhondo leNtshona Koloni libuye neemedali ezili-12 zegolide, ezingama-30 zesilivere nezingama-42 zebronzi. Akuzange kubekho iWinter Games Championship. KwiSouth African Schools Indigenous Games Championship, iNtshona Koloni lifumene iimedali zesilivere kuMorabaraba, neemedali zebronzi kwiKgati neKho-Kho. IJukskei ifumene indawo yesi-6.

Uninzi lwezinye iimbaleki luqhubile ukuphuhlisa ngaphezulu ngokusetyenziswa kwenkqubo yeMidlalo yeZikolo kwiPhondo. Kwihokhi, Ikhwezi leSizwe Primary School (Khayelitsha), esithe ngaphambili saphumelela iSANSC iminyaka emithathu elandelelanayo, iqhubile ukuqhuba kakuhle kwikhowudi. Uninzi lwabadlali lunxulumene neklabhu yengingqi yoluntu, iKhayelitsha Hockey Club yaye ngoku ludlala kwiligi yemibutho emanyeneyo. Lo ngumzekelo wendledlana ethe yayilwa kulungiselelwa iimbaleki ezinetalente ezisesesikolweni okokuba zichanatywe kukhuphiswano kwiklabhu kunye nenqanaba lemibutho emanyeneyo, ngoko zichanatywa kwabo kumathuba angaphezulu okuchongwa kwetalente. Oku ngokunjalo kunokukhokhelela kumathuba amaninzi ukulungiselela ukukhuphisana kwimisebenzi yenqanaba elilandelelanayo. Njengesiqalo, amathuba afanayo athe ayilwa kwezinye iikhowudi eziphambili ezizezinye zeMidlalo yeZikolo, ngokujoliswe kumdlalo wokuBaleka, iBaseball, iBhasketball, iTenisi edlalwa etafileni, iNtenetya, iSoftball kunye neVoliibhola. La mathuba aqhutywa kusetyenziswa iziko elinye kuMaziko aSebenza kwiNqanaba eliphezulu (iiHPC) ezithe zasekwa yiMibutho eManyeneyo eyahlukeneyo ngowama-2018/19.

Kwi—akhwatiksi, iMidlalo yeSikolo kwakhona ithethene neSixeko saseKapa ukuthoba imirhumo yokungena kwiBlue Downs Swimming Pool elungiselelwe abafundi abaphuma kuMaziko eMOD kunye naMaziko eNeighbouring School. Ulungiselelo olusondeleyo lubekwe eStrand Swimming Pool. Ngaphezulu, abaqeqeshi abangaphezulu kunye namasekela abaqeqeshi bazimase isifundo "Learn to Swim".

Kwikhowudi yeSoftball, iLavender Hill High School, iHillwood Primary School, kunye neLevana Primary School (zonke ngaMaziko eMOD), kunye neNeighbouring School Centres asondeleyo, umz. Prince George Primary School neZerilda Park Primary School, iqhubekile ngokunikela kwimpumelelo ye-School Sport-initiated Lavender Hill Softball Club (LHSC). IKlabhu, eyiklabhu yokuqala ukuyilwa ze yasekwa kusetyenziswa iZiko leMOD kunye nenkqubo yayo yezikolo ezisebumelwaneni kunye nelinge loYilo lweKlabhu, iphumelele unyuselo, kunyaka ngonyaka, ukuya kwinqanaba apho bakwiSuper League, elicandelo eliphezulu leCape Town Softball Association (CTSA). Okulandelwayo kwafezekiswa ngesithuba sowama-2018/19:

- Amahlanu kumaqela asithoba eembaleki, yaye elinye kumaqela amabini abaqeqeshi atyunjelwa iqela leWestern Cape Softball Association's Senior Ladies elithe lathabatha inxaxheba kwiSoftball South Africa 2018/19 National Provincial Championship;
- Ezintathu kwiimbaleki ezisithoba zeqela kunye nomnye kubaqeqeshi ababini beqela bakhethelwa iqela labaminyaka ingaphantshi kweminyaka eli-19 kwiSoftball South Africa (SSA) elithe lathabatha inxaxheba kwiSoftball South Africa 2018/19 National Provincial Championship (NPC). Ngaphezulu, aba batyumbi beSSA, kunye nomdlali owangezelelweyo we-LHSC othe wanyulwa kwiNPC, baya kumela ngokunjalo iqela labangaphantsi kweminyaka eli-19 leSSA kwiJunior Women's World Cup eMelika;
- Ababini bezo mbaleki zichazwe ngasentla, ngokunjalo nembaleki yesithathu ephuma kwinkqubo yethu, ityunjiwe okokuba imele iSSA Senior Women's Team kwiSenior Women's World Cup; kunye
- Nembaleki ezimbini eziphuma kwinkqubo yethu nakwi-LHSC ezibhaliswe kwiYunivesiti yeNtshona Koloni njengenxalenye yendlela esithe sayiyila ukulungiselela uphuhliso olupheleleyo lwabo bathabatha inxaxheba kwinkqubo yethu.

Inani lezi mbaleki ziyimizekelo eqaqambileyo ngendlela olulungelelaniswe yaye nozimaso oluqhubekayo kwiZiko leMOD okanye iZiko leSikolo eliseBumelwaneni kunye neKlabhu yoBumelwane efanelekileyo enakho ukukhokhelela kwinqanaba eliphezulu lemfezeko kunye nempumelelo. Uninzi lwazo luqale ngokudlala isoftball kwiZiko leMOD iHillwood Primary School ze laqhubeka ngothatyatho-nxaxheba xa babeqala ukuzimasa iZiko leMOD leLavender Hill High School. Ngaphezulu, lube yinxalenye ye-LHSC ngeli thuba belusesikolweni saseprayimari.

Ngaphezulu, iMidlalo yeZikolo, ngokusetyenziswa kwephulo layo leNkqubo yeSikoloo soBumelwane, ngentsebenziswano neNkqubo yeMOD, iyile yaze yaseka iiklabhu ezili-104 kulo lonke iPhondo, njengoko bekunjalo kwiLavender Hill Softball Club. Oku kuya kunceda ngaphezulu ngokuyilwa ngaphezulu kofikeleleko kumathuba kwiimbaleki okokuba zithabathe inxaxheba kwiiligo zemibutho emanyeneyo. Ngaphezulu, oku kufanelekile ingakumbi kwiikhowudi eziphambili ezili-16.

Ngokusetyenziswa kwelinge leNkqubo yeSikolo soBumelwane, iSebe lisingethe, ngentsebenziswano namacandelo emibutho emanyeneyo yemidlalo yephondo, imisitho emininzi yokuchongwa kwetalente, kulungiselelwa iimbaleki ezisesesikolweni, ezinekhono. Oku kuyila ithuba kubo lokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yenqanaba elilandelayo, ngeli thuba linceda ngokunjalo kufezekiso "lweWinning Nation". Ukusekwa kweeHPC ezisixhenxe ezisekwe kwiMibutho eManyeneyo kuncede yaye kuxhase le nkqubo kwaze kwadlala indima ebalulekileyo kwimpumelelo ethe yafezekiswa.

INKQUBO YEMOD

INkqubo yeMOD yinkqubo eqhutywa emva kokuphuma kwesikolo, inkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo, yinkqubo yothatyatho-nxaxheba lwesininzi ethi inikezele ulutsha olusekwiminyaka yabasesikolweni ngethuba kwimisebenzi eyahlukeneyo ezaliswe lulonwabo, esekwe kwinkcubeko, kwimidlalo, kubugcisa, nakwinkcubeko ngayo yonke imihla.

Ngeli thuba uyilo lobume obuncedayo kumaZiko eMOD lunokuchazwa njengenkqubo eqhubekayo, amaqhinga awahlukeneyo aphuhliswa ukukhuthaza uthatyatho-nxaxheba olukho rhoqo noluzinzileyo kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo.

INkqubo ye-MOD ikhuthaza ifilosofi kunye neenqobo zempilo entle, ukufunda ubomi bakho bonke. Ijolise ngokunjalo kuphuhliso lwengqondo, lomzimba nolomoya kunye nempilo-ntle yabathathi-nxaxheba bayo kunye neengingqi zoluntu apho amaZiko eMOD asebenza khona.

Inkqubo inikezela ngokunjalo amathuba emisebenzi. Ngaphezulu, abaqeqeshi bandisa imisebenzi yophuhliso ukuphucula ukulunga kweenkqubo ezinikezelwa kumaziko, ukuze uluntu luzuze.

Le nkqubo isingatthwa kulo lonke iPhondo leNtshona Koloni, kumaZiko eMOD asekwe kwiZikolo zasePrayimari okanye iZikolo zamaBanga aPhezulu. Ngokubanzi, amaZiko eMOD asekwe kwiZikolo zasePrayimari asebenza njengabanikezeli babantwana kwiZikolo zamaBanga aPhezulu eMOD ezisebumelwaneni. Ngale ndlela, umfundi unikezelwe ithuba lokufumana ufikelelo oluqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwayo kusetyenziswa iNkqubo yeMOD, kulungiselelwa isithuba sexesha esandisiweyo.

AmaZiko eMOD asekwe ikakhulu kwimimandla yabo babevinjwe amathuba ngaphambili. Obu bubume oluthi uninzi, ukuba ngaba asililo iZiko ngalinye leMOD elikubo, ahpo amaziko angemabi kakhulu, izibonelelo, ukhuseleko, okanye unqongophalo ngoko, lukhoyo. Ngaphandle kwezi nkxwaleko nezi meko, ngenxa yemiba yomntu efanelekileyo efana nonyamezelo, ukuzinikela nokuzibophelela, inani labathathi-nxaxheba libonise amakhono neetalente, ngokunjalo nekhono lophuhliso olungaphezulu. Ngokuchongwa okwahlukeneyo kwetalente kunye neenkqubo zophuhliso lwetalente, abathathi-nxaxheba ababonisa ikhono lophuhliso olungaphezulu banethuba lokuphuhlisa amakhono bawo bawaqhubele kweinye inqanaba.

INkqubo yeMOD ifezekise ngokunjalo oku kulandelayo ngeithuba sowama-2018/19:

- Ukwanda kubafundi nabaqeqeshi abaphuma kule nkqubo abamele izithili zabo, iphondo kunye nelizwe kwiikhowudi zemidlalo ezahlukeneyo zemidlalo;
- Ngokufanayo, abafundi kunye nabaqeqeshi banethuba lokubonisa ngempumelelo iitalente zabo zobugcisa nobenkcubeko kumaqonda amaninzi;
- Abafundi abaninzi kunye nabaqeqeshi bakhethwa kumaqela awahlukeneyo abameli, umz. kumaqela esithili, kumaqela ephondo nakumaqela esizwe; yaye
- AmaZiko amaninzi eMOD afumana amabhaso kwimicimbi enxulumene nemidlalo, kunye/okanye nenkcubeko kumanqanaba amaninzi, umz. Kumanqanaba esithili, ephondo nakwisizwe.

UMnikelo oneMiqathango ye-EPWP

ISebe lifumene ngokunjalo inkxaso-mali ye-EPWP kusetyenziswa uMnikelo weNkuthazo yeCandelo leNtlalo le-EPWP, kulungiselelwa ingqesho kwiCandelo lalo: leenkqubo zoPhuhliso. Isabelo soMnikelo weNkuthazo se-EPWP simiselwe ngokusekwe kwiskoro sokusebenza seSebe kunyaka-mali odlulileyo. Umnikelo sisabelo esangezelelweyo kuhlahlo lwabiwo-mali esingaphezulu yaye ngaphezulu kwesiseko esabiweyo kwiSebe.

I-AFTER SCHOOL GAME CHANGER

I-After School Game Changer inikele kummandla wemfundo eyandisiweyo. Oku kubandakanya ukuqaliswa koluhlu lweenkqubo kuwo omabini anobuchule namacandelo andisiweyo.

ISebe lisebenze nabo bonke abachaphazelekayo ukuyila ubume obuncedayo ukulungiselela ukuxhasa ukukhula kombutho wasemva kokuphuma kwesikolo. Oku kubandakanya:

- Ukuphuhliswa kwamabhaso ukunika ingqwalasela kubunkokheli, ukuqeqesha umdlalo, ukuqeqesha kubugcisa, kunye nokunikezela kweNGO kwicandelo.
- Uthelelwano kunye neCape Higher Education Consortium ukuphuhlisa isiseko sobungqina becandelo nokukhuthaza uphando kwicandelo.
- .Ukuvuselelwa kwabo bonke abachaphazelekayo ukuphucula ukhuseleko lweenkqubo.
- Ukucwangciswa kwecandelo nokuzaliswa kwentsebenziswano yemfundo ngeminikelo yeNGO engaphezulu kwama-300 kunye neminikelo yonke karhulumente eNtshona Koloni.
- Ukuphuhliswa konxibelelwano oluhamba kunye nokuphakanyiswa kweqondo lolwazi kunye nenkqubo yenkxaso.

Kunyaka ophantsi kovavanyo inkqubo ijolise ngokunjalo ekuqinisekiseni ukulunga kwenkqubo ngokusetyenziswa:

- Uphuhliso lophicotho–zincwadi kunye nezixhobo zokunikwa kwengqwalasela
- Ukuphuculwa koqokelelo kunye nohlahlelo lweenkcukacha zolwazi
- Ukuqhutywa kophando koko kudingwa ngabafundi kunye neemfuno ezahlukeneyo zamaqela ahlukeneyo alinganayo ngeminyaka yabafundi.
- Ukuqulunqwa kothelelwano kunye neCHEC ukuqhuba uphando oluqhubekayo kwicandelo
- Ukujolisa kumangenelo athe ngqo kwicandelo ukuohucula ukulunga kweenkqubo ezifana ukwakhiwa kwamakhono obugcisa, ukumpelesa nenkqubo yokubonisa
- Ulwakhiwo lwamakhono ecandelo

Umsebenzi wophuhliso lwamakhono ubandakanya ukuphuhliswa kwesicwangciso-nkqubo sengqinisekiso yokulunga, ukuqeqeshwa kwabaqeqeshi, nokunikezelwa kwezifundo zokuqaliswa zesiseko kwinkqubo yonyaka wonke eyenziwa ngamathuba athile. Zonke ezi zifundo zenza inxalenye yobungqina obusetyenzisiweyo ukuqaliswa kwesiqinisekiso esitsha kwimfundo eyandisiweyo. Kunyaka ophantsi kovavanyo ngaphezulu kwama-500 amagcisa aqeqeshwa.

Ukwangezelela kujoliso kukulunga, iSebe libambisene ngokunjalo nabanye abachaphazelekayo ukwandisa unikezelo lweenkqubo okubandakanya:

- Ukuxhaswa kwe-skateboarding njengeNkqubo ye-After School kwizikolo ezibini zase-Atlantis
- Ukwandiswa koovulundlela kwizikolo ezingaphezulu kwama-30 kumasipala ombaxa nokuxhaswa kophuhliso kombutho wesikolo woovulindlela.
- Ukuxhaswa kwenkqubo yenkxaso yemfundo yesibini, inkqubo kaGreyidi 4.

ISebe lijolise ekuvuseleleni bonke abachaphazelekayo kwiphulo lokuvuselela uLuntu Lonke ukuxhasa ulutsha lwethu. Oku kubandakanya:

- Intsebenziswano neCommunity Chest ukuxhasa inguqu kwicandelo
- Intsebenziswano neLearning Trust ukuqulunqa nokuqhuba indlela yokusebenza yeNGO yoluntu

- Intsebenziswano neSixeko saseKapa ukuqhuba inkqubo ebanzi yommandla kwiindawo ezimbini
- Intsebenziswano neeNGO ukuhlola uyilo lweziko olwahlukeneyo kulungiselelwa i-ASP
- Ukuphuhliswa kwesifundo sentsebenziswano kunye neBertha Centre e-UCT ukwakha amakhono ukuxhasa ukukhula okuqhubekayo kwintsebenziswano.

Umsebenzi we-After School Game Changer yathatyathelwa ingqalelo ngendlela yayo enenguqu enqamlezileyo ejongene noluntu lonke yaye yanikezelwa IGOLIDE kwiWestern Cape Provincial Public Service Excellence Awards kwicandelo elileli 'Most innovative programme".

Ii-Ofisi zesiThili

Ii-ifisi zesithili zemidlalo nolonwabo zibe yinxalenye ebalulekileyo yophuhliso nokunatyiswa kweenkqubo zethu zemidlalo nolonwabo zorhulumente wethu wephondo kwizithili. Zinika inkonzo kwisithili nakuluntu ngokubanzi. Zixhasa iinkqubo ezahlukeneyo zemidlalo nolonwabo kwisiThili ze ziqinisekise ngento yokokuba iinkqubo zethu zamkelwa kakuhle yaye unikezelo lwazo lukumgangatho ophezulu. Ngowama-2018/19, ii-asethi (izixhobo ze-ofisi nokulungiswa) zithengiwe kulungiselelwa ii-ofisi zesithili ukwenzela ukuphucula ukusebenza kwazo kakuhle. I-ofisi yaseWest Coast ingakumbi yalungiswa yonke kakuhle yaze yahlaziywa. Kukho abasebenzi boPhuhliso lweMidlalo nokuKhuthazwa kweMidlalo abasebenza kwii-ofisi zesithili bexhasa iinkqubo zeMOD, iinkqubo zoLonwabo, iMidlalo yeSikolo, AmaZiko eMfundo, uPhuhliso lweKlabhu. Iinkonzo zabaxhamli, imisitho engundoqo, izibonelelo, kunye nezinye iinkqubo ezizezinye zofikelelo.

Iinjongo zeqhinga, imigqaliselo yokusebenza, kunye nezifezekiso ezizizo zithiwe theca kwiitheyibhile ezingezantsi.

Imigqalisela yeeNjongo zeQhinga

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO						
No.	**IMisebenzi yeeNjongo zenkqubo Qhinga**	**Okona kufezekisiweyo 2017/2018**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/2019**	**Okona kufezekisiweyo 2018/2019**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
4.1	Inani leemanyano zemidlalo ezisebenzisana nephondo ezifumene inkxaso	120	120	132	+12	Ukusekwa kwemibutho emanyeneyo emitsha kwiziThili kube nomphumela wemibutho emanyeneyo yenza izicelo zenkxaso.
4.2	Iinani leenkonzo ezizodwa ezibonelelwe ezemidlalo nolonwabo	3	3	3	-	-
4.3	Inani leenkonzo zoMthengi nezeNzululwazi ezinikezelweyo	5	5	5	-	-
4.4	Inani lamacandelo ekhowudi yeMidlalo yeMveli elincediweyo	7	7	7	-	-
4.5	Inani lokhuphiswano kwamaphondo kwezemidlalo ezikolweni efumene inkxaso	2	1	1	-	-
4.6	Inani lamasebe apho imisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo inikezelwa khona yaye ixhaswa	-	189	189	-	-

INqaku:

4.1 Inani lemibutho emanyeneyo yemidlalo yephondo exhasiweyo (Umgqalisela wokuSebenza, 4.2.7. Umzekelo wenkxaso enikezelweyo, kukukhutshelwa kwenkxaso-mali kwimibutho emanyeneyo kwizithili ezithandathu, ezilungiselelwe ulawulo, ulwakhiwo lwamakhono inguqu kunye neeprojekti zophuhliso.

4.2 Inani leenkonzo ezizodwa ezinikezelweyo zemidlalo nolonwabo (Umgqalisela wokuSebenza, inani lamaziko axhasiweyo, umgqalisela 4.2.14, inani lemisitho engundoqo exhasiweyo, umgqalisela 4.2.9, inani lemidlalo yeBetter together games ebanjiweyo, umgqalisela 4.2.11.

4.3 Inani leenkonzo zaBaxhamli nezeNzululwazi ezinikezelweyo libhekiselele kula macandelo mahlanu omsebenzi alandelayo: 4.2.4 iNani leembaleki ezinetalente ezixhasiweyo ngenkqubo yophuhliso elungelelanisiweyo yimibutho emanyeneyo yemidlalo; 4.2.5 iNani leeklabhu ezimanyeneyo ezixhasiweyo; 4.2.9 iNani leenkqubo zempilo-ntle kwijimnaziyam; 4.2.15 iNani leembaleki ezixhaswe ngeenkqubo zomsebenzi onzima; kunye namacandelo okusebenza anxulumene neMibutho emanyeneyo yeMidlalo ebandakanya: 4.2.6 iNani lamaBhunga eMidlalo asebenzayo ephondo nawesithili axhasiweyo; 4.2.7 iNani lemibutho emanyeneyo yemidlalo yephondo kunye/okanye yezithili exhasiweyo; 4.2.12 iNani labathabathi-nxaxheba kwimibutho emanyeneyo yemidlalo; 4.2.13 iNani labantu bemidlalo abakrunekileyo; 4.2.16 iNani lemisitho yamabhinqa namantombazana exhasiweyo

4.4 Amacandelo ekhowudi yeMidlalo esixhenxe yeMveli ancediweyo ngala: Dibeke, Diketo, Drie Stokies, Kgati, Khokho, Morabaraba, Ncuva. (Umgqalisela wokusebenza 4.3.2). Umzekeloo wenkxaso onikezelweyo yimisebenzi yeMidlalo yeMveli enkezelweyo kumaZiko oLonwabo (Umgqalisela wokuSebenza 4.3.3), eqhutywa ngabasebenzi abaqeshwe kumaZiko oLonwabo (Umgqalisela wokusebenza 4.3.4).

4.5 Inani lokhuphiswano lwemidlalo yezikolo zamaphondo elixhasiweyo okt. iSouth African National Summer Games (I-SOI iyonke lufezekiso lwenkqubo apho iimbaleki zikhethwa ngokwenqanaba elusekwe sisithili (Imigqalisela yokuSebenza 4.4.1 kunye no-4.4.2) nakwinqanaba kuBumbano loBumelwane (Umgqalisela wokuSebenza 4.4.3).

4.6 Inani lamasebe apho imisebenzi yasemva kwesikolo inikezelweyo yaye exhasiweyo. (I-SOI iqulathe inani lamaZiko eMOD elibonisiweyo kumgqalisela wokusebenza 4.5.1 kunye nenani leziThili eziboniswe kumgqalisela wokusebenza 4.5.3). Umzekelo wohlobo lwenkxaso enikezelweyo, kukubonelelwa kwabasebenzi abaqeshiweyo; yaye oku kuboniswe kuMgqalisela wokusebenza 4.5.2.

Imigqalisela yokusebenza

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO								
No.	**Umgqalisela wokusebenza**	**Okona kufezekisi weyo 2015/2016**	**Okona kufezekisi weyo 2016/2017**	**Okona kufezekisi weyo 2017/2018**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisi weyo 2018/2019**	**Okona kufezekisi weyo 2018/2019**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo for 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
Inkqutyana 4.2: IMidlalo								
Imisebenzi kaZwelonke								
4.2.1	Inani lamaziko Emfundo yemidlalo axhasiweyo	7	7	7	7	7	-	-
4.2.2	Inani leembaleki ezixhaswa ngamaziko emfundo yemidlalo*	307	216	370	210	216	+6	Izicelo ezangenelelweyo zafunyanwa yimibutho emanyeneyo.
4.2.3	Inani lezikolo, izizinda neeklabhu ezinikwe izixhobo kunye/okanye impahla yokudlala ngokwesithethe nemigangatho**	-	-	164	429	429	-	-
Imisebenzi yePhondo								
4.2.4	Inani leembaleki ezinetalente ezifumana inkxaso kwinkqubo zokuphuhliswa ziintlangano zezemidlalo**	307	216	370	210	216	+6	Izicelo ezangenelelweyo zafunyanwa yimibutho emanyeneyo.
4.2.5	Inani leeklabhu ezisebenzayo ezixhasiweyo	300	300	230	180	180	-	-

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO								
No.	Umgqalisela wokusebenza	Okona kufezekisi weyo 2015/2016	Okona kufezekisi weyo 2016/2017	Okona kufezekisi weyo 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisi weyo 2018/2019	Okona kufezekisi weyo 2018/2019	Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo for 2018/2019	Izizathu zonxaxho
4.2.6	Inani lamabhunga ezemidlalo ephondo kunye nasekuhlaleni asebenzayo afumana inkxaso	7	7	7	7	7	-	-
4.2.7	Inani lemibutho emanyeneyo yephondo kunye/okanye	-	123	120	120	132	+12	Ukusekwa kwemibutho emitsha emanyeneyo kwiziThili kube nomphumela kwimibutho emanyeneyo eyangezelelweyo eyenza izicelo zenkxaso.
4.2.8	Inani lemisitho engundoqo	71	72	92	72	74	+2	Imibutho emanyeneyo icele iSebe ukuba lixhase imisitho eyangezelelweyo. Lo mgqalisela uqhutywa libango.
4.2.9	Inani leenkqubo zokuzilolonga kunye nezijongene nempilo ezenziwa kwiindawo zokuzilolonga (igym)	4	4	4	4	4	-	-
4.2.10	Inani lemisitho yonikezelo lweembasa ebanjiweyo	8	8	8	2	2	-	-
4.2.11	Inani leMidlalo ye Better Together Games	4	4	5	6	6	-	-

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO								
No.	**Umgqalisela wokusebenza**	**Okona kufezekisi weyo 2015/2016**	**Okona kufezekisi weyo 2016/2017**	**Okona kufezekisi weyo 2017/2018**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisi weyo 2018/2019**	**Okona kufezekisi weyo 2018/2019**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo for 2018/2019**	**Izizathu zonxaxho**
	ebanjiweyo (usuku lwemidlalo yephondo)							
4.2.12	Inani labathathi-nxaxheba kwimibutho emanyeneyo yemidlalo	333 835	323 927	355 680	340 000	381797	+41 797	Imibutho emanyeneyo engaphezulu ixhaswe ngenxa yokusekwa kwemibutho emanyeneyo emitsha, yaye ngoko iimbaleki ezininzi zathabatha inxaxheba.
4.2.13	Inani labantu bemidlalo eliqeqeshiweyo	246	240	240	250	252	+2	Kubekho ukwanda kwebango loqeqesho lwabantu bemidlalo.
4.2.14	Inani lamaziko axhasiweyo	1	5	3	10	10	-	-
4.2.15	Inani leembaleki ezixhasiweyo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezisebenza kakhulu	50	96	87	50	53	+3	Kubekho ukwanda kwiimbaleki ezincediweyo ukulungiselela ukuhlangabezana nebango.
4.2.16	Inani lemisitho yamabhinqa namantombazana axhasiweyo	-	6	6	6	6	-	-
INkqutyana 4.3: R EzoLonwabo								
Imisebenzi kazwelonke								
4.3.1	Inani labantu abathatha inxaxheba kwimisitho eququzelweyo ezolonwabo**	15 500	17 000	21 942	80 120	103 351	+23 231	Imisitho eyangezelelweyo yaxhaswa ngokusetyenziswa kwentsebenziswano kunye nemibutho emanyeneyo yemidlalo.

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO								
No.	Umgqalisela wokusebenza	Okona kufezekisi weyo 2015/2016	Okona kufezekisi weyo 2016/2017	Okona kufezekisi weyo 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisi weyo 2018/2019	Okona kufezekisi weyo 2018/2019	Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo for 2018/2019	Izizathu zonxaxho
4.3.2	Inani lamacandelo ekhowudi yemidlalo yemveli elixhasiweyo	7	7	7	7	7	-	-
4.3.3	Inani lamaZiko oLonwabo elixhasiweyo	16	20	16	20	20	-	-
4.3.4	Inani labasebenzi eliqeshwe kumaZiko oLonwabo	32	40	32	40	40	-	-
INkqutyana 4.4: EzeMidlalo ezikolweni								
Imisebenzi kaZwelonke								
4.4.1	Inani labafundi abathatha inxaxheba kwiitumente zezeMidlalo eZikolweni kumgangatho wesithili**	5 440	5 920	12 064	6 400	10675	+4275	Ufezekiso olungaphezulu lokujoliswe kuko ngenxa yokuthatyathwa kwenxaxheba okwandisiweyo kwimbumba.
Imisebenzi yePhondo								
4.4.2	Inani lezithili zeMidlalo yeZikolo elixhasiweyo ngofikelelo kumathuba kwimidlalo yezikolo	1	1	9	9	9	-	-
4.4.3	Inani leNeighbourhood School Clusters	-	1	7	7	7	-	-

INKQUBO 4: IMIDLALO NOLONWABO								
No.	Umgqalisela wokusebenza	Okona kufezekisi weyo 2015/2016	Okona kufezekisi weyo 2016/2017	Okona kufezekisi weyo 2017/2018	Ekujoliswe kuko okucwangcisi weyo 2018/2019	Okona kufezekisi weyo 2018/2019	Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo for 2018/2019	Izizathu zonxaxho
	elixhasiweyo							
Inkqutyana 4.5: INkqubo yeMOD								
Imisebenzi yePhondo								
4.5.1	Inani lamaziko eMOD afumana inkxaso	181	181	181	181	181	-	-
4.5.2	Inani labasebenzi abaqeshwe kwiinkqubo ze MOD	543	543	470	470	470	-	-
4.5.3	Inani lezithili ezixhasiweyo	-	-	-	8	8	-	-

* *Lo ngumgqalisela ohlangeneyo (imigqalisela yoMnikelo oneMiqathango 1.3 uPhuhliso lweKlabhu kunye ne-1.7 INkqubo Eweininzi yoThatyatho-nxaxheba kwiSiyadlala, iphepha le-129 kunye nele-130).*

** *Lo ngigqalisela wephondo kunye nomgqalisela woMnikelo oneMiqathango.*

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kwenqanaba eli lindelekileyo

Akukho mimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo kuMgqalisela weNkqubo yokuSebenza elungiselelwe iNkqubo 4.

linguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho zinguqu ekujoliswe kuzo ezicwangcisiweyo kwisithuba sexesha lokunikwa kwengxelo.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

INkcitho yeNkqutyana yeNkqubo 4: IMidlalo noLonwabo lwalungolu hlobo lulandelayo:

INkqutyana	2018/19			2017/18		
	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcithoR'000	Inkcitho(Eph ezulu)/ Inkcitho ephantsi R'000	Ulwabiwo lokjugqibela R'000	Eyona Nkcitho R'000	Inkcitho (Ephezulu)/ Inkcitho ePhansti R'000
Abalawuli	37 168	35 489	1 679	25 059	24 524	535
EzeMidlalo	45 015	44 328	687	47 140	47 019	121
EzoLonwabo	16 052	15 970	82	13 704	13 777	(73)
Ezimidlalo ezikolweni	34 730	34 643	87	35 643	35 545	98
INkqubo yeMOD	52 969	52 796	173	62 090	62 090	-
Iyonke	**185 934**	**183 226**	**2 708**	**183 636**	**182 955**	**681**

Uqoqosho lubhekisele kwi-CoE. Ngenxa yezithintelo ezibekwe kuhlahlo-mali lwe-CoE, uqoqosho alunako ukusetyenziswa kweminye imiba.

5. Uweliselo-mali

5.1. Uweliselo-mali kumaQumrhu kaRhulumente

IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni

I-WCCC ifumene R1 506 000 njengentlawulo egqithiselweyo esuka kwiSebe kunyaka-mali ka2018/19. Le mali iquka i-R1 100 000 eyayihlawulwe kwiSixeko saseKapa ihlawulela iakhawunti yetyala lamanzi enkcubeko iMelkbos Oppiesee neZiko leNkcubeko iMelkbos. Amatyala avele kwiiakhawunti ezingakhange zifunyanwe liSebe. Iqumrhu likarhulumente linoxanduva lokubhalisa nokucima amabhunga enkcubeko kunye nokugcina kwamaziko enkcubeko. IWCCC ineekomitana ezintathu: iKomiti yoPhando yeyokuHlahlela, iKomiti yamaBhunga eNkcubeko neKomiti yamaZiko.

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ifumene i-R247 000 ukuxhasa imisebenzi nezibophelelo zayo. I-WCLC inoxanduva lokucebisa uMphathiswa ngemiba enxulumene nolwimi eNtshona

Koloni ngokoMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni ngokuhambelana noMthetho weeLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we-1998 noMgaqo-nkqubo weeLwimi waseNtshona Koloni. Ikwasebenza njengekomiti yePhondo yeeLwimi yePanSALB eNtshona Koloni.

ILifa leMveli leNtshona Koloni

I-HWC ifumene izigidi ezi-R2 236 000 kuzo i-R1 736 000, ibhekiselele kwiintlawulo ezikhutshelweyo zivela kwiSebe kunyaka-mali wama-2018/19 ukulungiselelwa kunika inkonzo kwizigunyaziso zekomiti. Isigunyaziso sayo esingundoqo kukuchonga, ukukhusela nokulondoloza izibonelelo zelifa lemveli zeNtshona Koloni. Ekwenzeni umsebenzi walo, inxulumana namasebe karhulumente awesizwe nawengingqi. Isangezelelo sama-R500 000 safunyanwa kulungiselelwa incwadana yokutyumba yeLifa leMveli leHlabathi.

Igama leQumrhu loLuntu	Iinkonzo ezifumaneka kwiQumrhu loLuntu	Isixa semali eweliselwe kwiqumrhu loluntu	Isixa semali esetyenziswe liqumrhu loluntu	Impumelelo yeQumrhu loLuntu
IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni	I WCCC inemimandla emithathu ejolise kuyo eyiyile uLawulo, uphuhliso nokulolongwa kwepropati ekufuduswa; oku kubandakanya amaziko asixhenxe enkcubeko abekwe phantsi kolawulo lwayo. Ilawula ubhaliso nasekukhutshweni kwamabhunga ezenkcubeko. Icebise uMEC ngendlela elungileyo angafezekisa ngayo izigunyaziso zeKomishini.	R1 506 000	R1 506 000	Ifezekise konke ekujoliswe kuyo ngokwe-APP.
IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni	Ukubeka iliso kumiliselo loMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni nokucebisa uMphathiswa kwimiba enxulumene nolwimi.	R247 000	R247 000	Ifezekise konke ekujoliswe kuyo ngokwe-APP.
ILifa leMveli leNtshona Koloni	UkuLawulwa kweziBoneleleo zeLifa leMveli eNtshona Koloni.	R2 236 000	R1 736 000	Ifezekise konke ekujoliswe kuyo ngokwe-APP.

Qaphela: Ingcaciso ngesambuku sohlahlo lwabiwo-mali kunye nesambuku senkcitho eboniswe kumaziko kaRhulumente 2018/19.

5.2. Uweliselo-mali kwimibutho ngaphandle kwamaQumrhu kaRhulumente

Le theyibhile ingezantsi ibonisa iintlawulo ezikhutshelweyo ezenziweyo zesithuba somhla woku-1 kuEpreli 2018 ukuya kuMatshi 2019.

INkqubo 2:

Igama lofumene uweliselo-mali	Uhlobo lombutho	Injongo yokusetyenziswa kwemali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necan-delo S 38 (1) (j) lePFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithi-weyo liQumrhu (R)	Isizathu sokungasetyenziswa kwemali liQumrhu
ARTS & CULTURE						
Cape Town Carnival Trust	TRUST	Cape Town Carnival	Ewe	70,000.00	70,000.00	-
Die Burger Suidoosterfees	NPO	Suidoosterfees	Ewe	120,000.00	120,000.00	-
Kunste Onbeperk	NPC	Klein Karoo Nasionale Kunstefees	Ewe	120,000.00	120,000.00	-
South Atlantic Arts & Culture Trust	Trust	Cape Town International Jazz Festival	Ewe	120,000.00	120,000.00	-
Cape Electronic Music Foundation	NPO	Cape Electronic Music Festival	Ewe	70,000.00	0.00	Umsitho wabanjwa kuEpreli 2019.
Comnet Creative Arts Group	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiHoopstelers: Ucweyo, uPhando neMveliso yeThiyetha yoLuntu elungiselelwe owama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Butterfly Art Project	NPO	Umnikelo obhekiselele kuphuhliso loququzelelo loBugcisa boLuntu	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Riversdale Uitvoerende Kunste	NPO	Umnikelo obhekiselele kuphuhliso loMculo woLutsha olungiselelwe owama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Silver Mountain Foundation	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiSilver Mountain Festival olungiselelwe owama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Creative Arts School Beaufort West	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiDance Your Way Out olungiselelwe owama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-

Igama lofumene uweliselo-mali	Uhlobo lombutho	Injongo yokusetyenziswa kwemali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necan-delo S 38 (1) (j) lePFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithi-weyo liQumrhu (R)	Isizathu sokungasetyenzi swa kwemali liQumrhu
AD Libtum Academy of Music	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiADLAM-Concert band & jazz ensemble & choir yowama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Wesland Arts Association	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiSocial Mosaic Foundation of Hope	Ewe	27,845.25	21,016.00	Intsalela yezixa-mali yeendleko zothutho nezokunikwa kwengxelo
New Life Theatre	NPO	Umnikelo obhekiselele kucweyo lweSound and Drama: wama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Die Jakes Gerwel Stigting	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiYoh!- Projek olungiselelwe owama-2018/19	Ewe	27,845.25	27,845.25	-
Bridgetown Theatre Company	NPO	Umnikelo obhekiselele kukufunyanwa koLutsha – Inkqubo yoBugcisa boLuntu	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
The Mothertongue Project	NGO	Umnikelo obhekiselele kwiProjekti yoBugcisa noLutsha lwaseLangeberg	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Institute for Music & Indigenous Arts Dev	NPO	Umnikelo obhekiselele ne-IMAD Grass Roots Music yowama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
D-Piano Lab	NPO	Umnikelo obhekiselele nokuXhotyiswa kwaBantwana ngokusetyenziswa koMculo olungiselelwe owama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Genadendal, Greyton & Voorville Disability Forum	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiMind Over Matter Paper beading Project yowama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
The Darling Festival Trust	NPO	Umnikelo kwiVoorkamerfees	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Steelband Project	NPO	Umnikelo	Ewe	39,569.61	39,569.61	-

Igama lofumene uweliselo-mali	Uhlobo lombutho	Injongo yokusetyenziswa kwemali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necan-delo S 38 (1) (j) lePFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithi-weyo liQumrhu (R)	Isizathu sokungasetyenzi swa kwemali liQumrhu
		obhekiselele kwiiNkqubo zeRural & Urban Steelband				
Koue Bokkeveld Training Centre	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiprojekti yoMculo: Guitar &Recorder	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Lunchbox Theatre	NPO	Umnikelo obhekiselele kuPhuhliso lweThiyetha	Ewe	39,569.61	32,199.61	INkampu yoQeqesho yabanjwa ngo-Epreli 2019
The Zama Dance School	NPO	Umnikelo obhekiselele kuzinzo oluqhubekayo	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Klein Libertas Theatre	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiProjekti yeKLT Drama elungiselelwe owama-2018/19	Ewe	39,569.61	31,943.67	IProjekti yagqitywa ekupheleni kuka-Epreli 2019
Indoni Dance Arts & Leadership Academy	NPO	Umnikelo obhekiselele kuqeqesho lophuhliso lwamakhono owama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
West Coast Youth Orchestra	NPO	Umnikelo obhekiselele kuPhuhliso noFikelelo lwe-Okhestra olulungiselelwe owama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Parkan Foundation	NPC	Umnikelo obhekiselele kwiJazzathon for 2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Proe Bietije Kunste Fees	NPC	Umnikelo obhekiselele the Proe" Bietjie Kunstefees owama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Sibonelo Dance	NPO	Umnikelo obhekiselele kuHambo Outreach Program eyowama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Voices Of Cape Town	NPO	Umnikelo obhekiselele kulingo olulungiselelwe olwama-2018/19	Ewe	39,569.61	39,569.61	-
Heal the Hood	NPO	Umnikelo obhekiselele	Ewe	39,569.61	39,569.61	-

Igama lofumene uweliselo-mali	Uhlobo lombutho	Injongo yokusetyenziswa kwemali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necan-delo S 38 (1) (j) lePFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithi-weyo liQumrhu (R)	Isizathu sokungasetyenzi swa kwemali liQumrhu
		kwiYouth Cultural Exchange Programme				
George Society of Arts	NPO	Umnikelo obhekiselele kwi-let's go Arts yama-2018/19	Ewe	73,893.00	63,549.97	Iprojekti iqhubeke kwisithuba seminyaka-mali emibini uuya kuSeptemba 2019
Magnet Training & Youth Upliftment Trust	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiMagnet Rural Arts Projects yowama-2018/19	Ewe	94,604.65	94,604.65	-
Breytenbach Kultuursentrum	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiDrama, Puppet Show, Do, Learn, Read	Ewe	73,893.00	73,893.00	-
Zip Zap Circus School Trust	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiDare to Dream yowama-2018/19	Ewe	94,604.65	94,604.65	-
College of Music	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiMagic in the community project	Ewe	94,604.65	94,604.65	-
Die Stigting Vir Bemagtiging Deur Afrikaans	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiLaat Die Blindes Die Weg Wyssba Storiesprojek (Worcester)	Ewe	37,010.00	37,010.00	-
Music Exchange	Trust	Umnikelo obhekiselele kwiMusic Exchange yowama-2018/19	Ewe	94,604.65	94,604.65	-
Music and Development Institute	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiCape Music Institute yowama-2018/19	Ewe	94,604.65	94,604.65	-
The Craft & Design Institute	Trust	Umnikelo obhekiselele kwiWC Craft Design Hub: 2018/19	Ewe	73,893.00	73,893.00	-
Enlighten Education Trust	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiHermanus Academy of Music	Ewe	73,893.00	73,893.00	-
The Rainbow Academy	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiRainbow Academy School of Performing Arts	Ewe	73,893.00	73,893.00	-

Igama lofumene uweliselo-mali	Uhlobo lombutho	Injongo yokusetyenziswa kwemali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necan-delo S 38 (1) (j) lePFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithi-weyo liQumrhu (R)	Isizathu sokungasetyenzi swa kwemali liQumrhu
		& Business yowama-2018/19				
Kronendal Music Academy of Houtbay	NPO	Umnikelo obhekiselele kwimfundo yezoqeqesho lomculo	Ewe	73,893.00	73,893.00	-
Camissa	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiMosjazz yowama-2018/19	Ewe	94,604.65	94,604.65	-
Fundza Literacy Trust	NPO	Umnikelo obhekiselele we-my Heritage, my Dreams-A Literary project	Ewe	30,000.00	30,000.00	-
Landbou Gemeenskap Ontwikkeling	NPO	Culture and Life Skills Project for Primary School Learners	Ewe	30,000.00	30,000.00	-
Smart Kingdom Kids Academy	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiMusic for Positive Expression and Healing	Ewe	30,000.00	30,000.00	-
Amoyo perfoming Arts Foundation	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiPerforming Arts Programme yowama-2018/19	Ewe	30,000.00	14,176.00	Iprojekti iqhubeke kwisithuba seminyaka-mali emibini uuya kuSeptemba 2019
SA Agency for Change and Development	NPO	Umnikelo obhekiselele kuPhuhliso lweArt & Sport	Ewe	30,000.00	30,000.00	-
Tshisa Talent	NPO	Umnikelo obhekiselele kuPhuhliso lamaGcisa	Ewe	30,000.00	14,049.99	Iprojekti yagqitywa ekupheleni kuka-Epreli 2019
Mad Little Badger	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiDocumentary on Luxurama yowama-2018/19	Ewe	100,000.00	100,000.00	-
Malele Development	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiMalele Senior After School Program	Ewe	19,784.81	19,784.81	-
Project Playground	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiprojekti yamabala okudlala	Ewe	19,784.80	19,784.80	-
Black Roots Foundation	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiLast Traditional Bow Players	Ewe	29,984.00	29,984.00	-
Dance For All	NPO	Umnikelo	Ewe	227,825.10	227,825.10	-

Igama lofumene uweliselo-mali	Uhlobo lombutho	Injongo yokusetyenziswa kwemali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necan-delo S 38 (1) (j) lePFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithi-weyo liQumrhu (R)	Isizathu sokungasetyenzi swa kwemali liQumrhu
		obhekiselele kuKhuthazo noPhuhliso lweeNkqubo				
The Cape Town Minstrel Carnival Association	NPO	Umnikelo obhekiselele kukhuphiswano nokumatsha endleleni kwarhoqo ngonyaka	Ewe	690,053.00	690,053.00	-
Kaapse Klopse Karnival Association	NPC	Umnikelo obhekiselele kwiCape Town Street Parade for 2018/19	Ewe	400,451.00	400,451.00	-
Cape District Minstrel Board	NPO	Umnikelo obhekiselele kuKhuphiswano lwe Coon Carnival lowama-2019	Ewe	156,019.00	156,019.00	-
Cape Malay Choir Boards	NPO	Umnikelo obhekiselele kwiCape Malay Choir Board Traditional Festival Events and Competition yowama-2018/19	Ewe	184,255.00	184,255.00	-
Suid Afrikaanse Koorraad	NPO	Umnikelo obhekiselele kukhuphiswano lokumatsha endleleni nolweKwayala lowama-2018/19	Ewe	51,752.00	51,752.00	-
Keep The Dream Choir Board	NPC	Umnikelo obhekiselele kwiKeep the Dream Male Choir Choral Competition yowama-2018/19	Ewe	109,693.00	109,693.00	-
SA Christmas Band Boards	NPO	Umnikelo obhekiselele kwi-SA Christmas Band road march and competition	Ewe	40,544.00	40,544.00	-
SA United Christmas Band Boards	NGO	Umnikelo obhekiselele kwi-SA United Band road march and competition	Ewe	167,234.00	167,234.00	-
Wellington Minstrels	NPO	Umnikelo obhekiselele kwi--Wellington Annual Coons Competition	Ewe	115,784.00	115,784.00	-

Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo -EPWP (Mod Programme) (Tranche 1)	Ewe	2,525,348.00	2,525,348.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo -EPWP (Mod Programme) (Tranche 2)	Ewe	2,525,348.00	2,525,348.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo / isibonelelo / imivuzo (Tranche 1)	Ewe	5,533,434.00	5,533,434.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo / isibonelelo / imivuzo (Tranche 2)	Ewe	5,533,434.00	5,533,434.00	Iya kuchithwa ngo-Epreli/Meyi/Juni 2019
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo / isibonelelo / imivuzo (Tranche 3)	Ewe	1,661,414.00	1,661,414.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Sharp Centres, Neighbourhood Cluster Development & Activities	Ewe	6,000,000.00	6 000 000.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo/isibonelelo (Tranche 1)	Ewe	928,120.00	928 120.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo/isibonelelo (Tranche 2)	Ewe	928,120.00	928 120.00	-

Igama lofumene uweliselo	Uhlobo lombutho		Injongo yokusetyenzisa wa kwemali	Ingaba isebe liyaham belana necand elo 38 (1) (j) le-PFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithwe liqumrhu (R)
leNtshona Koloni						
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo/isibonelelo (Tranche 3)	Ewe	928,120.00	928 120.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo – Uphuhliso lweMidlalo (Tranche 1)	Ewe	704,382.00	704 382.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Umbulelo – Uphuhliso lweMidlalo (Tranche 2)	Ewe	704,382.00	704 382.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Tirelo Bosha	Ewe	174,000.00	174,000.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Service Provincial & District Academies & Sport Focus Schools	Ewe	5,400,000.00	5,400,000.00	-
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	ULawulo	Ewe	1,585,290.00	1,585,290.00	-
The Community Chest of WC	NPO	UGreyidi 4 IProjekti yakwaNdisa iNkqubo yaseMva kokuPhuma kweSikolo	Ewe	4,360,000.00	2,368,793.67	I-MOA iqhube fe kube nguJuni 2019
The Learning Trust	TRUST	TLT Community of Practice	Ewe	60,000.00	60,000.00	-
The Community Chest Western Cape	NPO	Ukuxhasa ikhowudi ne-eLearning ze-After School kwizikolo ezikhethiweyo ekungahlawulwa mirhumo okanye ekuhlawulwa imirhumo ephantsi njengenxalenye yokumiliselwa kweqhinga le WCED STEAMAC	Ewe	428,210.00	0.00	I-MOA iphela ngoDisemba 2019.
The Community Chest Western Cape	NPO	Ukwakhiwa kwekhono leCandelo le-After School ngokusetyenziswa kokuqiniswa konikezelo noqeqesho lweenkqubo zeziqinisekiso.	Ewe	2,050,000.00	115,481.51	I-MOA iphela ngoDisemba 2019.

Igama lofumene uweliselo	Uhlobo lombutho		Injongo yokusetyenzisiwa kwemali	Ingaba isebe liyaham belana necand elo 38 (1) (j) le-PFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithwe liqumrhu (R)
The Learning Trust	TRUST	Umnikelo obhekiselele kwinkqubo yenkxaso yenkomfa kunye nemisitho esemqukumbelwen i	Ewe	420,000.00	284 369.84	I-MOA iphela ngoJulayi 2019.
Amandla Edufootball	NPC	UPhuhliso loYilo loLawulo lwe-NGO-School After School kunye neendleko zeprojekti enxulumene nezibonelelo	Ewe	585,400.00	396 250.00	I-MOA iphela ngoJuni 2019.
Assitej SA	NPO	Ulungelelwaniso lwemisitho eQhutywayo yoLuntu kunye noQeqesho lwenkqubo yobugcisa yasemva kwesikolo	Ewe	749,800.00	251 808.12	MOA ends Oct 2019
Scouts South Africa	NPO	Ukuxhaswa koovulindlela ezikolweni kufuneka inikezelwe ngentsebenziswano neSCOUTS SA	Ewe	1,050,000.00	206,628.00	I-MOA iphela ngoDisemba 2019.
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Isibonelelo samaGcisa e-ASGC	Ewe	910,000.00	62,465.00	I-MOA iphela ngoDisemba 2019.
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Isibonelelo	Ewe	222,269.00	222,269.00	
Imibutho emanyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni	Imibutho emanyeneyo	Ngoncedo lokumiliselwa kwe-Alcohol Harms	Ewe	255,000.00	255,000.00	-
SPORT FACILITIES						
Drakenstein	UMasipala	Isitsali-manzi netanki likaJOJO	Ewe	108,000.00	-	Unyaka-mali wakaMasipala uphela ngomhla wama-30 kuJuni 2019
Drakenstein	UMasipala	BMX Track	Ewe	120,098.00	-	Unyaka-mali wakaMasipala uphela ngomhla wama-30 kuJuni 2019
Cape Agulhas	UMasipala	Isitsali-manzi netanki likaJOJO	Ewe	108,000.00	-	Unyaka-mali wakaMasipala uphela ngomhla wama-30 kuJuni 2019
Laingsburg	UMasipala	Isitsali-manzi netanki likaJOJO	Ewe	108,000.00	-	Unyaka-mali wakaMasipala uphela ngomhla wama-30 kuJuni 2019

Igama lofumene uweliselo	Uhlobo lombutho		Injongo yokusetyenzis wa kwemali	Ingaba isebe liyaham belana necand elo 38 (1) (j) le-PFMA	Imali eweliselweyo (R)	Imali echithwe liqumrhu (R)
George	UMasipala	Isitsali-manzi netanki likaJOJO	Ewe	108,000.00	-	Isixa-mali asisetyenziswanga ze sabuyiselwa ngowama-2019.
George	UMasipala	BMX Track	Ewe	120,000.00	-	Isixa-mali asisetyenziswanga ze sabuyiselwa ngowama-2019.
Saldanha	UMasipala	Borehole and JOJO tank	Ewe	108,000.00	108,000.00	-
Saldanha	UMasipala	BMX Track	Ewe	120,000.00	120,000.00	-
Theewaterskloof	UMasipala	Ukuhlaziywa kweGreyton Tennis and Netball Courts	Ewe	401,000.00	-	Unyaka-mali wakaMasipala uphela ngomhla wama-30 kuJuni 2019
Ceres/ Witzenberg	UMasipala	Ukuhlaziywa kwezitulo zokuhlala eBella Vista Sport Grounds	Ewe	300,000.00	-	Unyaka-mali wakaMasipala uphela ngomhla wama-30 kuJuni 2019
ISAMBUKU SENKQUBO 4				**89,911,266.82**	**108, 7268, 828**	
ZIZONKE EZIKHUTSHELWEYO ZEVOTI				**370 663, 81726**	**207, 8427,4389**	

Zonke iintlawulo ezikhutshelweyo bezikuhlahlo lwabiwo-mali lesithuba somhla woku-1 kuEpreli 2017 ukuya kumhla wama- 31 kuMatshi 2018 zenziwa.

6. Izibonelelo-mali ezineMiqathango

6.1. IZibonelelo-mali ezineMiqathango kunye neeMali ezibekwe bucala zihlawuliwe

ISebe alikhange lihlawule naziphi na iziBonelelo ezinemiQathango okanye ingxowa-mali ezichongiweyo kwisithuba sowama-2018/19.

6.2. Izibonelelo-mali ezineMiqathango neNgxowa-mali eziChongiweyo ezifunyenweyo

Isibonelelo-mali esineMiqathango: Isibonelelo-mali seeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu

Isebe eligqithisele Isibonelelo	ISebe leSizwe lobuGcisa neNkcubeko
Injongo yesiBonelelo	Ukuphucula umgangatho weenkonzo zethala leencwadi eNtshona Koloni

Iziphumo ezilindelekileyo zesiBonelelo	Ngokwetheyibhile engezantsi
Ezona ziphumo ziphunyeziweyo	Ngokwetheyibhile engezantsi
Imali ngokweDORA ehlonyelweyo	R 176 624 000
Imali efunyenweyo	R 176 624 000
Izizathu ukuba imali	n/a
ngokweDORA khange ifumaneke	R 176 624 000
Imali esetyenziswe liSebe	n/a
Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liQumrhu	Ngokwetheyibhile engezantsi
Izizathu zokunxaxha kumsebenzi	n/a
Imiqathango eyenziweyo ukuphucula umsebenzi	Utyelelo olwenziwa rhoqo ngeengxelo zenyanga nangekota ezifakwe kwisebe lesizwe.

ISibonelelo-mali esineMiqathango: ISibonelelo-mali seeNkonzo ze*Thala leeNcwadi loLuntu*				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziweyo 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.1	Inani lezithuba kwithala leencwadi ezilungiselelwe ngesibonelelo-mali nemali	650	670	Abasebenzi abangaphezulu baqeshwa ngokuhambelana neemfuno zikamasipala, umzekelo apho kubekho amathala eencwadi avuliweyo
1.2	Inani leekopi zemathiriyali yethala leencwadi ezithengiweyo	8 000	15 274	Uuhlengahlengiswa kwenkxaso-mali kwisiBonelelo-mali.
1.3	Inani leeprojekthi ezintsha zethala leencwadi ezibonelelwe ngenkxaso-mali yokuqala/eyokuqhubeka	3	3	-
1.4	Inani leeprojekthi ezintsha zethala leencwadi ezibonelelwe ngenkxaso-mali yokugqiba	2	2	-
1.5	Inani lotyelelo lokubeka esweni isibonelelo-mali koomasipala	75	79	Utyelelo olungaphezulu lweziko lwacelwa kulungiselelwa iiprojekti zolwakhiwo eBreede Valley, Drakenstein, Oudsthoorn naseKnysna.
1.6	Inani loomasipala abafumana iintlawulo zogqithiselo lwezibonelelo-mali ezinemiqathango	19	20	UMasipala waseCape Agulhas ufumene inkxaso-mali kulungiselelwa iprojekti yethala leencwadi elitsha
1.7	Inani lohlaziyo lwamathala eencwadi elinikezwe	1	1	-

ISibonelelo-mali esineMiqathango: ISibonelelo-mali seeNkonzo ze*Thala leeNcwadi loLuntu*				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziwey o 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
	ingxowa-mali			
1.8	Inani lohlaziyo lwamathala eencwadi elinikezwe ingxowa-mali yokugqibezela	0	1	Kubekho ukusilela kweprojekti kwiThala leeNcwadi laseHawston ngesithuba sonyaka-mali wama-2017/18 nokuqengqelwa kwamkelwa. IProjekti ngoko iqukunjelwe ngowama-2018/19.
1.9	Kwamiselwa inani elincinci lamaThala eeNcwadi labaziMfama	5	5	-
1.10	Inani leenkqubo zoqeqesho ezinikezelweyo	1	1	-

ISibonelelo-mali esineMiqathango: ISibonelelo-mali seNkqubo yeNtatho-nxaxheba ngoBuninzi

Isebe eligqithisele isiBonelelo	EzeMidlalo nezoLonwabo zoMzantsi Africa (iVoti 20)
Injongo yesiBonelelo	Ukuququzelela ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo nolonwabo nokuxhotyiswa kwentsebenziswano nabachaphazelekayo.
Iziphumo ezilindelekileyo zesiBonelelo	Ngokwetheyibhile engezantsi
Ezona ziphumo ziphunyeziweyo	Ngokwetheyibhile engezantsi
Imali ngokweDORA ehlonyelweyo	52 843 izigidi
Imali efunyenweyo	52 843 izigidi
Izizathu ukuba imali ayifunyanwanga ngokweDORA	N/A
Imali echithwe liSebe	52 827 izigidi
Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liQumrhu likaRhulumente	Ipesenti eyi-0.01 yesibonelelo soncedo-mali asizange sisetyenziswe ngenxa yokugcinwa kwemali ye-CoE
Izizathu zonxaxho emsebenzini	Njengoko kuchaziwe ngezantsi.
Amanyathelo athatyathiweyo ukuphucula umsebenzi	n/a
Indlela yokubeka iliso liSebe elichaphazelekayo	Utyelelo lwarhoqo neengxelo zenyanga nezekota ezingeniswe kwisebe lesizwe (ElezeMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika)

ISibonelelo-mali esineMiqathango: UkuPhuhliswa kweeKlabhu				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziwey o 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.1	Inani labantu abaqeqeshwe ukwenza inkqubo yophuhliso lweklabhu	250	250	-

ISibonelelo-mali esineMiqathango: UkuPhuhliswa kweeKlabhu				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziweyo 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.2	Inani leeligi zommandla ezixhasiweyo	8	9	Iligi eyangezelelweyo yaxhaswa ngenxa yebango.
1.3	Inani leeklabhu ezobonelelwe ngezixhobo kunye/okanye impahla	100	100	-
1.4	Inani lamaziko emfundo yemidlalo eyamkelekileyo ixhasiweyo	7	7	-
1.5	Inani leeklabhu ezithatha inxaxheba kwiNkqubo zoPhuhliso lwezeMidlalo yasemaPhandleni	30	82	Isicelo esivela kwiSRSA sokwandiswa kwenkqubo iye kuzo zonke izithili, sibe nomphumela kukwanda.
1.6	Inani leenkqubo ezisesikweni zokufunyanwa kwetalente ezixhasiweyo	6	6	-
1.7	Inani leembaleki ezixhaswayo kwiinkqubo ezimiselweyo zophuhliso ziintlangano zezemidlalo	210	216	Izicelo ezingaphezulu zafunyanwa zivela kwimibutho emanyeneyo.
1.8	Inani labasebenzi abaqeshwayo ngokusigxina kulwabiwo lwe-6%	13	13	-
1.9	Ingxelo yonyaka yeZikolo eziGxile kwezeMidlalo	1	1	-

UMnikelo oneMiqathango: INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi iSiyadlala				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziweyo 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.1	Inani lolutsha oluye kwiinkampu zolutsha zonyaka	250	250	-
1.2	Inani leeprojekthi zemidlalo nolonwabo eyenziwa ngamabhunga ezemidlalo	7	7	-
1.3	Inani leenkqubo ezizinzileyo zolonwabo eziqququzelelweyo nezimiliselweyo	50	52	I-Eden iqququzelele umsitho owangezelelweyo oyi*Move for Health* kwikota yoku-1 ze iMetropole yaqququzelela umyhadala ongaphezulu waseHlotyeni kwikota yesi-3.
1.4	Inani labantu abathatha inxaxheba ekuqququzeleni imisitho yemidlalo	30 000	38 319	I-SRSA yandise ejonge kuko kwiNtshona Koloni ngoko imisitho yomnyhadala wombindi

UMnikelo oneMiqathango: INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi iSiyadlala				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziwey o 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
	yokuzonwabisa			yaququzelelwa ukufezekisa ekujoliswe kuko okwandisiweyo.
1.5	Inani leeKlabhu leMidlalo yeMveli elithatha inxaxheba kwiTumente yeMidlalo yeMveli	108	108	-
1.6	Inani labantu abaqeqeshwa njengenxalenye yemidlalo ekuhlaleni	611	832	Amanye amaziko olonwabo anikezele ngoqeqesho lweMidlalo yeMveli (iikliniki) kwiingingqi zazo zoluntu ezisondeleyo. Ezi kliniki zasekwa ngezicelo ezenziwe luluntu kumaziko.
1.7	Inani lamaziko axhaswa ngezixhobo kunye/okanye nezinxibo	20	20	-

ISibonelelo-mali esineMiqathango: iNkqubo yeNtatho-nxaxheba ngobuNinzi yeMidlalo yeZikolo				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziwey o 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.1	Inani labafundi abaxhosiweyo ukuba bathathe inxaxheba kukhuphiswano lwezilo yesizwe	650	976	Ufezekiso lokujoliswe kuko lube ngaphezulu kokuqikelelweyo ngenxa yokubandakanywa kweembaleki zezikolo ze-LSEN nezamaBanga aphezulu kwiKhalenda yeMidlalo yeSikolo se-SRSA.
1.2	Inani labafundi abathabatha inxaxheba kwiitumente zemidlalo yesikolo kwinqanaba lephondo	1 680	2269	Ufezekiso lokujoliswe kuko lube ngaphezulu kokuqikelelweyo ngenxa yokubandakanywa kweembaleki zezikolo ze-LSEN nezamaBanga aphezulu kwiKhalenda yeMidlalo yeSikolo se-SRSA.
1.3	Inani labafundi abathabatha inxaxheba kwiitumente zemidlalo yesikolo kwinqanaba yesithili	6 400	10675	Ufezekiso lokujoliswe kuko lube ngaphezulu kokuqikelelweyo ngenxa yokwanda kothatyatho-nxaxheba kumaqela athe asekwa kwiphondo lonke kwisithili ngasinye.
1.4	Inani labaququzeleli bemidlalo esikolweni bahlawuliwe	10	10	-
1.5	Inani lamacandelo ekhowudi yemidlalo yesikolo kwiphondo	16	18	Ufezekiso olungaphezulu kokuqikelelweyo ngenxa yenkxaso enikezelwe

ISibonelelo-mali esineMiqathango: iNkqubo yeNtatho-nxaxheba ngobuNinzi yeMidlalo yeZikolo				
Nomb.	**Umsebenzi owenziwayo**	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2018/19**	**Okona kuphunyeziwey o 2018/19**	**Izimvo ngokunxaxha**
	ifumana inkxaso			kwiikhowudi ezingenguye undoqo ezifana nebaseball ngokunjalo nemidlalo yemveli.

Izabelo eziChongiweyo

Olu calucalulo lwezabelo ezichongiweyo (lohlahlo lwabiwo-mali, eyona nkcitho kunye nenkcitho engaphezulu/nengaphantsi) zonyaka-mali wama-2018/19:

Igama lwezabelo ezichongiweyo	Uhlahlo lwabiwo-mali (R'000)	Eyona nkcitho (R'000)	Inkcitho (engaphezulu)/nengaphantsi (R'000)
I-After School Game changer	18 259	18 259	*-
Abanezidanga nabanye abafunda besengqeshweni kwi-After School Programme	2 128	526	1 602*
Udluliselo kumathala eencwadi eSixeko saseKapa isiya kwizakhiwo nakulolongo	10 000	10 000	-
Inkxaso-mali yeMunicipal Replace	72 393	72 393	-
Uthungelwano lweBroadband kunye nolwangezelelo kwiiNkonzo zamathala eencwadi kulungiselelwa iBroadband	6 888	6 119	**769
Ilifa leMveli leNkcubeko, ukhenketho lwenkcubeko kunye neengcali zembali yemiba yezinto zakudala.	1 500	1 500	-
IiNtshatsheli zaBakhweli ziBhayisikile beSA kunye noKhenketho loKhwelo lweeBhayisikili	250	250	-

* Okulondoloziweyo kubekho ngenxa yemingeni ekufunweni kwabanezidanga abafunda besengqeshweni

**Uqenggelo lwenziwe kwizixhobo ze-IT ezingazange zinikezelwe

INkqubo yeMOD (Uthatho-nxaxheba siSininzi; iThuba noFikelelo; uPhuhliso nokuKhula):

Ngalo nyaka-mali wama-2018/19 iSebe lifumene isabelo esichongiweyo esingundoqo ukuxhasa iNkqubo yeMOD, eyinkqubo elungelelanisiweyo, yasemva kokuphuma kwesikolo ethi inikezele abantwana abasahamba isikolo ngethuba lokufikelela kumathuba awahlukeneyo asekwe kulonwabo, yonke imihla, kumaZiko ali-181 eMOD. Ngeli thuba abathathi-nxaxheba bezimasa ngokuzithandela, ukuzimasa rhoqo nokuzinzileyo kuya khuthazwa, ngeli thuba ngokunjalo kukhuthazwa njengesinyanzelo kwabo bafundi basesesikolweni okokuba bazimase la maZiko eMOD.

Inkqubo isingethwe kulo lonke iPhondo leNtshona Koloni, kumaZiko eMOD asekwe mhlawumbi kwisikolo saseprayimari (106 iZikolo zasePrayimari) okanye isikolo samabanga

aphezulu (75 iZikolo zamaBanga aphezulu) yonke imihla, kubandakanywa iinkqubo zeholide zesikolo.

INkonzo yeNkqubo yeMOD ifumene izabelo ezilandelayo ezichongiweyo:

- AmaZilko eMOD – R15 117 000
  AmaZiko eMOD asebenza njengomthombo wetalente, apho abafundi abanekhono mhlawumbi kwimidlalo, ubugcisa kunye/okanye inkcubeko banakho ukuchongwa kulungiselelwa uthatyatho-nxaxheba olukwinqanaba elilandelayo. Ngaphezulu, abo baqeshwe kwiNkqubo yeMOD, umz. abaqeqeshi, banikwa ithuba lokufikelela kumathuba awahlukeneyo, umz. Bafumana ithuba lokungena kwizifundo ezahlukeneyo eziqinisekisiweyo. Ngethuba lalo nyaka-mali, inkqubo yeMOD inikezele ngamathuba emisebenzi angama-470 kubaqeqeshi nabalawuli benkqubo.

- Year Beyond – R12 040 000.00
  Inkqubo ye-Year Beyond ngumlenze wemfundo weNkqubo yeMOD. Inikezela ngenkxaso kwizibalo nasekufundeni kubafundi abakwinqanaba lesiseko (iigreyidi 1-4) nabakumabanga aphezulu (iigreyidi 8 – 10) kwisithuba sasemva kokuphuma kwesikolo. Imiliselwa kuzo zonke izikolo ezingama-26 kwisiThili soMasipala oMbaxa waseKapa. Oku kunikezelwa kusetyenziswa abanematriki abangaqeshwanga kunye nabanezidanga. Ukwangezelela kwinkxaso yemfundo kubafundi enkqubo inikezela ngoqeqesho kunye neendledlana kubuntu obudala obunemveliso kulungiselelwa amavolontiya.

- ULawulo lweMOD – R2 053 739
  INkqubo yeMOD iqulathe icandelo lolawulo elilandelayo kunye nezithuba:
  - 1 x USekela Mlawuli
  - 1 x UMncedisi Mlawuli: IziThili zoMasipala oMbaxa
  - 1 x UMncedisi Mlawuli: zaseMaphandleni
  - 10 x AmaGosa eNkqubo yeMOD

<u>I-After School Game Changer:</u>

I-ASGC ifumene R15 865 000 kwinkxaso-mali echongiweyo engeyiyo i-COE ngowama-2018/19. Uhlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo olungelulo olwe-COE lwachitha. Izi-R4 522 000 zafunyanwa kulungiselelwa i-COE. Kwesi sixa ezi-R2 920 000 zachithwa ze kwakho ulondolozo lwesi-R1 602 000. Inkcitho engaphantsi kwelindelweyo ibangelwe yimingeni efunyenweyo ekufunweni kwabanezidanga abaqeqeshwa besengqeshweni.

Ekujoliswe kuko okupheleleyo kowama-2018/19 kubo bonke abachaphazelekayo wawungowabafundi abaphuma kwizikolo ezili-112 000 ekungahlawulwa mirhumo okanye ekuhlawulwa ephantsi abazimasa rhoqo nangokuzinzileyo iinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo. Ama-85 eepesenti okujoliswe kuko ahlangatyezwa yaye iSebe lifikelele ngaphezulu kwe-100 leepesenti kwisahlulo salo soku kujoliswe kuko.

<u>I-Alcohol Harms Reduction Game Changer:</u>

Ngonyaka-mali wama-2018/19, iSebe lixhase i-Alcohol Harms Reduction (AHR) Game Changer. Le yinkqubo yephondo ejolise kwimimandla echaphazeleke kakubi kukusetyenziswa gwenxa kotywala. Njengenxalenye ye-game changer, iSebe linoxanduva

lokuqinisekisa ngento yokokuba kuyanxityelelwana nolutsha yaye kufuneka lusebenzise ezinye iindlela zokuzonwabisa ezingekuko ukusetyenziswa gwenxa kotywala.

Iinkqubo zabanjelwa kwimimandla etyunjiweyo eyile ilandelayo:

- Paarl East (iinkqubo ezine zokuzonwabisa)
- Khayelitsha (iinkqubo ezimbini zokuzonwabisa)

Inkqubo yokuzonwabisa kulo nyaka-mali yaba mine kwicala ngalinye/ibhola ekhatywayo encinane eKhayelitsha yaye imidlalo yebhodi yangezelelwa kwisoka ePaarl East.

Inkqubo yaqhutywa ngobusuku bangolwesiHlanu ukususela ngoJulayi ukuya ku-Oktobha 2018 nangoJanyuwari ukuya kuMatshi 2019 eKhayelitsha; yaye ngoOktobha ukuya kuDisemba 2018 nangoJanyuwari ukuya kuMatshi 2019 ePaarl East.

I-Metro Replacement Fund:

Izigidi ezili-R10 zakhutshelwa kumathala eencwadi eSixeko saseKapa kulungiselelwa izakhiwo nololongo.

I-Municipal Replacement Fund:

Injongo yesi sabelo yayikukuxhasa utyalo-mali lukamasipala kwiinkonzo zethala leencwadi ngokugcina unikezelo lweenkonzo ezinjalo zobugcisa nophuhliso kwabo masipala abakwicandelo B3 abasesichengeni beNtshona Koloni. OoMasipala abali-15 bafumene iintlawulo ezikhutshelweyo ezilungiselelwe abasebenzi inkcitho yokusebenza kunye/okanye yezakhiwo kumathala eencwadi. Uhlahlo lwabiwo-mali lwezi zabelo zichongiweyo zibe zizigidi ezingama-R72 393 000.

UThungelwano lweBroadband lweThala leeNcwadi:

Injongo yesi sabelo yayikukunikezela ngezibonelelo ze-ICT kunye nokufumana i-intanethi esimahla kumathala eencwadi oluntu. Izixa-mali zasetyenziselwa ukunikezela ngezibonelelo ze-ICT, kuthengwe ihardware yekhompyutha nokubonelela amathala eencwadi ngelungelo lokufumana i–intanethi. Amathala eencwadi oluntu angama-226 aqhagamshelwa kwi-intanethi ekupheleni kukaMatshi 2019. Uhlahlo lwabiwo-mali olulungiselelwe esi sabelo sichongiweyo lwaba zizigidi ezi-R6 868 000.

Ngenxa yonikezelo olungaphelelanga olwenziwa ngumnikezeli wenkonzo we-hardware wekhompyutha, uqengqelo sele luceliwe ukuhlonipha isibophelelo kumnikezeli wenkonzo kulungiselelwa impahla enikezelwe ngo-Epreli 2019.

7. Izixa-mali zomnikelo

Akubanga kho zixa-mali zomnikelo ezifunyenweyo kunyaka ophantsi kovavanyo.

8. UTyalo-mali lweNkunzi

8.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ulolongo, kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi

Alukho.

ICandelo C

ULAWULO

1. Intshayelelo

ULawulo, uLawulo loMngcipheko, noHambelwano ziintsika ezintathu ezisebenzisanayo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba iSebe lihlangabezana neenjongo zalo. Uhambelwano nemigaqo-nkqubo yeSebe kunye neenkqubo, imithetho nemimiselo, ulawulo oluqinileyo nolunobuchule luthathwa njengolusisitshixo esisa kwimpumelelo yeSebe.

Eli candelo linika uvavanyo ngokubanzi olumiliselwe kwiSebe.

2. Ukulawulwa komngcipheko

ISebe limisele iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini kunye neeNqobo eziseSikweni (ERMECO) ukuncefda iGosa eliNika iNgxelo ekumiliseleni uxanduva lwayo olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

Uxanduva lwe-ERMECO

IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini neeNqobo eziseSikweni (ERMECO) inike ingxelo yokokuba ihambelene noxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho weCandelo loLawulo lweMali 3.2.1 kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente yowama-2016, iCandelo 1, 2 kunye nesi-3. I-ERMECO inike ingxelo ngokunjalo okokuba yamkele iMiqathango yeSikhombisi efanelekileyo nesesikweni (eyamkelwe nguSihlalo we-ERMECO ngomhla wama-31 kuMatshi 2017) nokulawula imicimbi yayo ukuhambelana neMiqathango neSikhombisi yaye iqhube ngoxanduva lwayo njengoko luqulathwe kuyo.

Amalungu e-ERMECO

I-ERMECO iqulathe amalungu akhethiweyo eqela lolawulo lweSebe. NgokweMiqathango yeSikhokhelo sayo i-ERMECO ihlangana amathuba amane (rhoqo ngekota) apha enyakeni ophantsi kovavanyo.

Itheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu e-ERMECO:

ILUNGU	ISIKHUNDLA	IINTLANGANISO EZICWANGCISIWEYO	EZIZINYASIWEYO	UMHLA WOKUQESHWA
Mr B Walters	IGosa eliNika iNgxelo (ERMECO USihlalo)	4	4	31/03/2017
Ms B Rutgers	UMlawuli: ULawulo lweMali – (CFO)	4	4	31/03/2017
Ms C Sani	UMlawuli: INkonzo yamaThala eencwadi	4	3 (ummeli wazimasa intlanganiso enye ngethuba lokungabikho endaweni kaNksz. Sani)	31/03/2017
Mr D Esau	USekela Mlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi (iGcisa loMngcipheko)	4	3	31/03/2017

ILUNGU	ISIKHUNDLA	IINTLANGANISO EZICWANGCISIWEYO	EZIZINYASIWEYO	UMHLA WOKUQESHWA
Mr D Flandorp	USekela Mlawuli: IYunithi yoBudlelwane beQumrhu (IGosa leNqobo eziseSikweni)	4	3	31/03/2017
Mr G Mohamed	UMlawuli: ULawulo lokuQulathiweyo lweShishini	4	1	31/03/2017
Mr G Redman	CD: IMicimbi yeNkcubeko	4	4	31/03/2017
Ms J Boulle	CD: After-School Game Changer	4	2	31/03/2017
Ms J Moleleki	UMlawuli: UBugcisa, iNkcubeko noLwimi AA: WCLC AA: WCCC	4	4	31/03/2017
Dr L Bouah	CD: iMidlalo noLonwabo	4	4	31/03/2017
Dr M Dlamuka	UMlawuli: IMyuziyam, iLifa leMveli neeNkonzo zaMagama endawo AA: HWC	4	2 (ummeli wazimasa intlanganiso enye ngethuba lokungabikho endaweni kaGq. Dlamuka xa engekho)	31/03/2017
Ms N Momoti	UMlawuli: INkonzo yooVimba bePhondo	4	1	31/03/2017
Ms N Dingayo	UMlawuli: INkonzo yooVimba bePhondo	4	1	12/03/2019
Mr S Julie	UMlawuli: IQhinga kunye noLawulo lokuSebenza	4	3	31/03/2017
Mr T Tutu	UMlawuli: UkuKhuthazwa kweMidlalo	4	3 (ummeli wazimasa intlanganiso enye ngethuba lokungabikho endaweni Mnu Tutu)	31/03/2017
Mr P Hendricks	UMlawuli: UPhuhliso lweMidlalo	4	4	31/03/2017

Abanye ebebekho	Isikhundla	Iintlanganiso ezicwangcisiweyo	esezihlalelwe
Ms A Haq	UMlawuli : ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	4	3
Mr D Micketts	UMcebisi oyiNtloko woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	4	4
Ms M Natesan	USekela Mlawuli IiNkonzo zeNkundla zePhondo (DotP)	4	3 (ummeli wazimasa intlanganiso enye ngethuba lokungabikho endaweni kaNksz. Natesan)

IMisebenzi enguNdoqo ye-ERMECO

IGosa eliNika iNgxelo ngusihlalo we-ERMECO kunye neSekela loMlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi liGcisa loMngcipheko leSebe.

Ekumiliseleni umsebenzi wayo, i-ERMECO iqhuba le misebenzi ingundo ilandelayo apha enyakeni:

- UMgaqo-nkqubo ovavanyiweyo woLawulo loMngcipheko weSebe, iQhinga kunye nesiCwangciso soMiliselo; kulungiselelwa ingcebiso eyenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo olwenziwa liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukucwangcisa, ukuvavanywa nokumiselwe kolwazi lomngcipheko nonyamezelo, nokucetyiswa ngoko kulungiselelwa ulwamkelo liGosa eliNika ingxelo;
- Ukunikwa kwengxelo kwiGosa eliNika iNgxelo naziphi na iinguqu zemathiriyeli kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
- Ukuchongwa kwemingcipheko evelayo;
- Ukuvavanywa kwesiCwangciso sokuThintelwa koRhwaphilizo (iQhinga, uMgaqo-nkqubo nesiCwangciso soMiliselo) nokundululwa kulungiselelwa ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuvavanywa ubungakanani nokusebenza kokuhlanganiswa kolawulo lomngcipheko kwiSebe;
- Ukuvavanywa komiliselo loMgaqo-nkqubo wesebe woLawulo loMngcipheko, iQhinga kunye nesiCwangciso somiliselo;
- Ukuvavanywa komiliselo lwendlela yeSebe yoLawulo lweNqobo ezisesikweni;
- Ukuhlelwa kokufaneleka namaqhinga okudambisa ukulungisa imathiriyeli, iinqobo ezisesikweni nemingcipheko yolwaphulo-mthetho loqoqosho;
- Ukunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwiSebe.

IMingcipheko enguNdoqo eQwalaselweyo ze yaLingiswa apha eNyakeni

Elandelayo yimingcipheko yeqhinga engundoqo yeSebe ethe yaqwalaselwa ze yalungiswa apha enyakeni:

- Ukunganeli kwesithuba sako konke okwembali yoovimba okanye sazo zonke iirekhodi ezifunyenweyo ezivela kumaziko karhulumente;
- Ukungaqiniseki okumalunga nohlahlo lwabiwo-mali olubekwe bucala;
- Ukungakwazi ukufikelela kwiinkqubo ze-IT okanye kwingcaciso;

Imingcipheko yeNkqubo nganye yaxoxwa kwiintlanganiso zarhoqo ngekota ze-ERMECO. Abalawuli abaPhezulu badingeka ukuba banike ingcaciso ngenkqubela phambili emalunga nomiliselo lwezicwangciso zokusebenza ukunciphisa imingcipheko engathi yenzeke ibe nomphumela kunye/okanye ibe nempembelelo ukuba ngaba ingakho. I-ERMECO ibuyisela umva ngokunjalo imingcipheko ekufuneka ihlahlelwe ngokubanzi ze icebise ngokuncitshiswa okwangezelelweyo okanye imisebenzi yokulawula le mingcipheko.

Imingcipheko engundoqo evelayo kulo Nyaka-mali ulandelayo

Oku kulandelayo yimingcipheko engundoqo evelayo ekudingeka okokuba iqwalaselwe kunyaka-mali olandelayo:

- Ukutshatyalaliswa/ukonakaliswa kwepropati; kunye

- Nokusebenza ngokufanelekileyo kweNkonzo yeThala leeNcwadi ukunikezela ngemathiriyeli kube kuyathintelwa.

Ukuqukumbela

Kubekho inkqubela phambili ebonakalayo kulawulo lwemingcipheko ngesithuba sonyaka-mali wama-2018/19. Inkqubela phambili elungileyo yenziwa ekuzinziseni ulawulo lomngcipheko nokuphakamisa inqanaba lokufezekisa imingcipheko kwiSebe okuthe kwanikela ngendlela eyiyo kumsebenzi wesebe.

3. Ubuqhopholo norhwaphilizo

Ubuqhopholo norhwaphilizo lubonisa imingcipheko emikhulu enokubakho kwiimpahla zeSebe kwaye bungakuchaphazela kakubi ukuhanjiswa kweenkonzo ngobuchule kunye nesimo seSebe.

URhulumente weNtshona Koloni (WCG) wamkele iQhinga lokuLwa uBuqhopholo noRhwaphilizo eliqinisekisa ukubuphelisa nya kweli Phondo ubuqhopholo, ubusela norhwaphilizo. Ngokungqinelana nale nkqubo-qhinga iSebe lizibophelele ekuzipheliseni nya naziphi ezinye izenzo ezijolise kubuqhopholo, urhwaphilizo naziphi na ezinye iintshukumo zolwaphulo-mthetho, nokuba zezangaphakathi okanye zezangaphandle, yaye liswantsulisa litshutshise ngazo zonke iindlela ezisemthethweni ezifumanekayo, nabaphi na abantu abazibandakanya kwizenzo ezinjalo okanye abazama ukwenjenjalo.

ISebe linaso isiCwangciso sokuThintela ubuQhopholo noRhwaphilizo nesiCwangciso sokuPhumeza ukuThintelwa kobuQhopholo esivunyiweyo esibe ngunozala wesiCwangciso sokuThintela ubuQhopholo.

Amajelo ahlukeneyo okuxela izityholo zobuqhopholo, ubusela norhwaphilizo akhona yaye achaziwe ngokubanzi kwiNkqubo-qhinga yePhondo yokuLwa uRhwaphilizo nesiCwangciso sokuThintela ubuQhopholo seSebe. Ngasinye isityholo esifunyanwa liCandelo leeNkonzo zoPhando lwaseNkundleni lePhondo (PFS) sirekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweeKheyisi esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukunika ingxelo ngenkqubela eyenziweyo ngeekheyisi zeSebe lize linike iinkcukacha-manani zePhondo nezeSebe.

Abasebenzi abantama izenzo ezikrokreleka njengezobuqhopholo, urhwaphilizo nobusela bakhuselekile ukuba ingxelo leyo inikiweyo yingxelo ekhuselweyo (o.k.t. iyayifezekisa imimiselo yomthetho, umz. yenziwe ngokuthembakeleyo). Ngokusingisele koku uMgaqo-nkqubo oxananazileyo wokuNtama izenzo zoLwaphulo-mthetho ukunika isikhokelo kubasebenzi ngendlela yokuvakalisa iinkxalabo zabo kubaphathi babo, kubantu abaqeshelwe oku kwiWCG okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezibambekayo zokukholelwa ukuba ngenene kukho izenzo zolwaphulo-mthetho okanye ezitenxileyo ezaye zenziwa okanye ezenziwayo kwiWCG. Ithuba lokuhlala lingaziwa igama lakho linikwa nabani na onqwenela ukuxela izenzo zobuqhopholo, ubusela norhwaphilizo kwaye ukuba bakwenzile oko ngokuza ngokwabo, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngulowo kunikwa kuye ingxelo.

Busakube bungqinisisiwe ubuqhopholo, ubusela okanye urhwaphilizo emva kokugqitywa kophando, umsebenzi ochaphazelekayo kwezi zenzo ufakwa kwinkqubo yoluleko. Kuzo zonke iimeko ezinjalo, ummeli weWCG xa kuthethwa ityala lezoluleko obethathe

amanyathelo ezoluleko makaphakamise ukuba agxothwe loo msebenzi uchaphazelekayo. Xa kukho ubungqina obubambekayo besenzo solwaphulo-mthetho, oko kuxelwa kwiiNkonzo zesiPolisa zoMzantsi Afrika.

Kunyaka ophantsi kohlolo, i-PFS ikhuphe iSatifiketi sokuHamba kweeKheyisi zeSebe esiphawula okulandelayo:

Amatyala avuliweyo ukususka ngomhla woku-1 kuEpreli 2018	1
Amatyala amatsha (2018/19)	0
Amatyala avaliweyo (2018/19)	(1)
Amatyala avuliweyo ukususela ngowama-31 kuMatshi 2019	0

Le theyibhile ilandelayo ngaphezulu icazulula amatyala avaliweyo abhaliweyo ngentla:

Isiphumo samatyala avaliweyo	
Isiphumo	**Inani**
Izityholo ezinobungqina	1
Luphando olwandlalelayo kuphela olungenaziphumo zigwenxa	-
Luphando olwandlalelayo olungenaziphumo kodwa oluneengcebiso	-

4. Ukunciphisa ukuba nedolo ekwenzeni umsebenzi weSebe

Onke amalungu eeNkonzo zaBalawuli abaPhezulu (SMS) kulindeleke angenise ingxelo yokuchaza ngeemali zawo zonyaka ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ekwenzeni umsebenzi weSebe. Bonke abasebenzi abakwiCandelo loLawulo lweMali, kumanqanaba omvuzo we11-12 kwakunye namagosa esebe ajongene nokuziphatha ngentsulungeko bangenise iingxelo ezichaza ngeemali zabo. Ukongeza, bonke abasebenzi abasebenza kwisigqeba esijongene nokugaya abasebenzi bazalisa ingxelo ngeemali zabo ukuqinisekisa ukuba akukho dolo ngokumalunga nabagqatswa abafake izicelo zezithuba ezipapashiweyo. Ukuba kunokubakho idolo elinokuvela ngokubhekisele kwilungu lesigqeba, kuya kufuneka lirhoxe kuloo nkqubo. Amalungu eKomiti yokuBizwa kwamaXabiso kulindeleke ukuba asayine isibhengezo sokubakho kwedolo xa kuvavanywa kukwachotshelwa uhlolo lwamaxabiso. Abasebenzi abaqeshwe kwiCandelwana loLawulo loBudlelane beeNkonzo zeQumrhu bazalisa ingxelo yokugcina iimfihlo ngenxa yokuba besebenza ngemicimbi enobu-ethe-ethe yeenkcukacha zolawulo lwemicimbi yabasebenzi yonke imihla.

5. Umgaqo wokuziphatha

UmGaqo wokuziPhatha unikwa bonke abasebenzi rhoqo ngonyaka. Ukongeza, incwadi yengcaciso yeKhomishini yezaBasebenzi bakaRhulumente ngokuphunyezwa komGaqo wokuziPhatha inikwe abasebenzi. Ngethuba lonxibelelwano olwahlukeneyo phakathi kwabalawuli abaphezulu nabasebenzi beSebe, abasebenzi bakhunjuzwa malunga

nomgaqo-nkqubo wakudlakathiswa ngokwesondo kunye nenkqubo emayilandelwe xa kuxela isimilo esinjalo.

ISebe lamkele iZikhokelo ezingokusetyenziswa kwaMajelo oNxibelelwano oLuntu. Ezi zikhokelo zihambelana nomgaqo-nkqubo wePhondo ngokumalunga nokusetyenziswa kwamajelo onxibelelwano oluntu yaye ulumkisa abasebenzi ekubeni bawasebenzise ngobulumko. Ezi zikhokelo ziyafikeleleka kubo bonke abasebenzi yaye kwenziwa iingcaciso-ntetho ngazo kwiintlanganiso zamacandelo ukuqinisekisa ukuba abasebenzi bayaluqonda uxanduva lwabo xa besebenzisa amajelo onxibelelwano oluntu.

6. Ezempilo, ukhuseleko nemiba yokusingqongileyo

Imiba yempilo nokhuseleko iqwalaselwa rhoqo. Uhlolo lwarhoqo lwenziwa kuNdlunkulu nophicotho zincwadi lonyaka lwenziwa kuzo zonke ezinye ii-ofisi zeDCAS. Kwenziwe iiseshini zeMpilo nezoKhuseleko eMsebenzini nezokwaZisa ngoKhuseleko ngoFebruwari nangoMatshi 2019, kwiSebe kusetyenziswana neSebe loKhuseleko loLuntu. Amagosa okhuseleko, iimashali ngokwemigangatho naboncedo lokuqala sele benyulwe kuzo zonke ii-ofisi. Imisebenzi ngokwecandelo 16(2) loMthetho weMpilo noKhuseleko emMsebenzini, onguNombolo 85 we-1993, njengoko wenziwe izilungiso, ithwaliswe abaPhathi kuzo zonke ii-ofisi ze-DCAS.

Kwenziwa uqeqesho lokusaba umlilo kwii-ofisi ezikuMbindi weSixeko seKapa kusetyenziswana neSebe loKhuseleko loLuntu olubeka iliso nolwenza amagqabantshintshi ngokumalunga nazo zonke iinkqubo.

Kubanjwa iintlanganiso zempilo nokhuseleko emsebenzini rhoqo ngekota kwinqanaba labaphathi abaphezulu ukuxoxa ngemiba yezempilo, ukhuseleko nemiba yezokusingqongileyo.

I-DCAS inenkqubo esebenza ngempumelelo yokulawula inkunkuma apho amaphepha asebenzileyo athi aqokelelwe ze alahlwe rhoqo ngenyanga.

Isalathisi sokhuselo nokhuseleko sihlaziywe ngokutsha ukwenzela ukuba iSebe libe nako ukuqwalasela nokuhlola ukusebenza kweenkcukacha, imiqathango yokhuseleko ngokwasemzimbeni kwanokuphunyezwa koMthetho weMpilo noKhuseleko emSebenzini (OHS), ka-1993 (UMthetho 93 ka-1993).

Kuqeshwe uMlawuli wezoKhuseleko kwiSebe kwaye kubanjwa iintlanganiso zarhoqo ngenyanga phakathi koMlawuli wezoKhuseleko we-DCAS noMcebisi wezoKhuseleko kwiSebe loKhuseleko loLuntu ukuxoxa nokusingatha yonke imiba yokhuselo nokhuseleko kwi-DCAS.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo neSebe loKhuseleko loLuntu lenze isiVumelwano seNgqiqo kulungiselelwa isiThuba sokunikwa kwengxelo sowama-2018/19, ukuqinisekisa ulawulo olusebenzayo lwemingcipheko enxulumene nokhuselo nokhuseleko, izigrogriso nokuba sesichengeni kwiSebe nokunika ingcaciso ngendima noxanduva lwe-DoCS (uLawulo loMngcipheko woKhuseleko) xa kuthelekiswa nolweSebe.

Ngomhla we-12 kuMatshi 2019, isithuthi satsha kwindawo yokupaka engaphantsi kwesakhiwo/ kwigaraji yokupaka yesakhiwo se-Ofisi eyiNtloko yeSebe. Umlilo awuzange ube nengxwelerha okanye nawuphi na umonakalo ombi kwisakhiwo. Kubekho ngokunjalo

ilahleko encinane kwixesha lokusebenza labasebenzi ngeli thuba umsi udamba nokubuyiselwa kwesixokelelwano sokunkcenkceshela.

7. Iikomiti zepalamente

Intlanganiso	Isihloko
IKomiti eSigxina yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	
2 kuMeyi 2018	• Inkcazelo eyenziwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiiNgxelo zayo zeKota yokuSebenza yokuqala, eyesibini neyesithathu elungiselelwe eyowe-2017/18. • I DCAS imenywe kwiNtetho eyenziwa yiZip Zap Circus School kwiinkqubo zayo zofikelelo lwentlalo nezoqeqesho, ingakumbi ezo zijolise kulutsha.
23 kuMeyi 2018	• Inkcazelo eyenziwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kunye neCandelo lalo leKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC), ngemingeni enxulumene neenkqubo zolwaluko lwesintu eNtshona Koloni. • Inkcazelo liLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) ngonikezelo loxanduva.
26 Julayi 2018	Utyelelo lokongamelo kwiSaldanha Bay Stadium kubandakanywa inkcazelo ngeWestern Cape Sport Academy System.
27 Julayi 2018	Utyelelo kwi-Vooruitsig Primary School kunye nesiGqeba esiLawulayo seSikolo ngemicimbi ephathelele kwiMfundo, iBroadband, iAfter School programmes, amaZiko eMOD.
16 Oktobha 2018	Ingxoxo yeNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yowama-2017/2018, ngokunjalo namacandelo alo ngokunjalo, angala: iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni; iKhomishoni yeNkcubeko; kunye neyeLifa leMveli leNtshona Koloni
23 Novemba 2018	IVoti 13 yeDCAS: ULwabiwo-mali oluHlenga-hlengisiweyo lweWC
12 Matshi 2019	IVoti 13 yeDCAS: ULwabiwo-mali lweWC
SCOPA	
27 Juni 2018	Inkcazelo eyenziwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo engo: 3.1 Ixabiso elaveliswa kukhutshelo lwezixa-mali kwabachaphazelekayo bemidlalo abahlukeneyo. Ngaphezulu, iKomiti iqaphele into yokokuba iSebe lenze, ngamathuba athile, ukhutshelo olungaphezulu kwethuba elinye kwabachaphazelekayo abanye ngethuba lonyaka-mali wama-2016/17; 3.2 Imbophelelo yemali yeminyaka emi-3 ezithe zaqaliswa phakathi kweSebe kunye neChippa Training Academy. Ngaphezulu, iSebe kufuneka lichazele iKomiti ngexabiso eliveliswe kule mbophelelo elungiselelwe uluntu lwasePhilippi, kunye neSebe; kunye 3.3 Nendlela, ngokusetyenziswa kweenkqubo zalo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi, olukhoyo ukudambisa izehlo zexesha elizayo zelahleko enjalo yee-asethi ezincinane zezakhiwo ngeSebe kwiminyaka-mali ezayo.
16 Oktobha 2018	Ingxoxo yeNgxelo yoNyaka yeDCAS kunye namaSebe alo
IiKomiti zeSizwe zeSikhundla kwiMidlalo noLonwabo	

Intlanganiso	Isihloko
13-14 Septemba 2018	Ukuvavanywa kokusetyenziswa koMnikelo weDORA owabelwe kwiPhondo kulungiselelwa umiliselo lweenkqubo zemidlalo nolonwabo ukulungiselela ukunikezela ngamathuba emidlalo kuluntu; ulungelelwaniso kwiSRSA ekumiliseni NSRP; impembelelo yezibonelelo ezakhiweyo ngomnikelo ovela kwiMIG; ubeko liso kumiliselo loyilo kwizikolo ezijolise kwimidlalo.

8. Izindululo zeSCOPA

Inomb. yesisombululo	Umba	Iinkcukacha	Impendulo yeSebe	Isonjulul we (Ewe/ Hayi)
IPhepha: 248 leNgxelo yoNyaka	Isihloko: INqaku 22.2: INkcitho engalungelelanga INkcazelo: Amanqaku athe enziwa liSebe lenkcitho engalungelelaniswanga ngesithuba sonyaka-mali wama-2017/18 ethe yafikelela kwisixa-mali esizizigidi ezi-R2,232. Inkcitho eyenzeke ngenxa yokungahanjelwana nemigaqo-nkqubo eyakhlukeneyo yokuthengwa kwempahla. Ngoko, iSebe liwuthumele umcimbi kwicalelo lalo lezaBasebenzi kulungiselelwa ululeko	Yeyokokuba iSebe linike ingxelo kwiKomiti ngemingeni elijamelene nayo iSebe ngokuthi kwenzeke le nkcitho ingalungelelananga, kubandakanywa iindlela elakuthi iSebe liziphuhlise ze lizimilisele ukuthintela ukuphindwa kwesi senzo.	Ukunikwa kwengxelo kushedyulwe yiKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente.	Ukunikwa kwengxelo kushedyulwe yiKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente.

9. Utshintsho lwangaphakathi kwiingxelo zophicotho-zincwadi

Alukho.

10. Icandelo lolawulo lwangaphakathi

Luxanduva lweGosa eliNika iNgxelo ukuqhubeka nokuhlola nokuvavanya ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, isebenza ngobuchule nangokusekuhleni kwaye iyaphuculwa apho kuyimfuneko. Ukuphumeza oku, iintlanganiso zolawulo lwemali olungundoqo lwekota ziyabanjwa noMphicothi-zincwadi Jikelele, abalawuli benkqubo beSebe kunye noMphathiswa wePhondo. Le yinkqubo

eqhubekayo ukuqinisekisa ukuba i-DCAS iyaqhubeka ukufumana uphicotho-zincwadi lwayo olungenamakhwiniba.

ISebe linesiCwangciso neNkqubo-qhinga yoLawulo lwangaPhakathi esichaza umgangatho ophezulu ekuphunyezweni kolawulo lwangaphakathi ngemisebenzi yalo engundoqo.

11. Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi neekomiti zophicotho-zincwadi

UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lunika abalawuli isiqinisekiso esisiso nesineenjongo kunye neenkonzo zokufumana iingcebiso ukuphucula imisebenzi yeSebe. Lunceda iSebe ukufezekisa iinjongo zalo ngokuza nendlela elungeleleneyo nesebenzayo yokuhlola nokuphucula impumelelo yoLawulo, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo. Kwenziwa le misebenzi iphambili ilandelayo ngalo mba:

- Ukuhlola nokwenza iingcebiso ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zolawulo ekuphumezeni iinjongo zesebe;
- Ukuvavanya ukufaneleka nokusebenza negalelo lokuphucula inkqubo yokulawula imingcipheko;
- Ukuncedisa iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni ulawulo olunobuchule nolusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukuqinisekisa ukusebenza nobuchule balo, nokuphuhlisa iingcebiso zokwandisa okanye ukuphucula oko.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi weSebe wagqitywa kunyaka ophantso kovavanyo ubandakanya unxibelelwano lwengqiniseko lwamathuba amahlanu kunye nemimandla emithathu yolandelo. Iinkcukacha zolu nxibelelwano zibandakanyiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadiThe details of these engagements are included in the Audit Committee report.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi imiselwe njengequmrhu lokongamela, lokubonelela ngokongamela okuzimeleyo kulawulo, kulawulo lwemingcipheko nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe, okuquka ukongamela noxanduva olunxulumene noku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhandle (uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika - AGSA);
- UCwangciso-mali lweSebe nokunika ingxelo;
- IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali yeSebe;
- Ukuphengululwa kolawulo lwe-AGSA nengxelo yophicotho-zincwadi;
- Ukuphengululwa koBeko-liso kwaPhakathi eNyakeni kweSebe;
- ULawulo loMngcipheko kwiSebe;
- ULawulo lwangaPhakathi;
- Iinjongo esele zimiselwe;
- UkuziPhatha ngeNtsulungeko noPhando lwaseNkundleni.

Le theyibhile engezantsi ibhengeza iinkcukacha ezifanelekileyo zamalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Imfundo	Ungaphakathi okanye ungaphandle	Ukuba ungaphakathi, isikhundla kwisebe	Umhla wokuqeshwa	Umhla wokulahla	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Ameen Amod	MBA; CIA; CGAP; CRMA; BCOM	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2019 (Ikota 2)	N/a	7
Nksz Judy Gunther	CIA; AGA; CRMA; Masters in Cost Accounting; BCompt	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2016 (Ikota 2)	Ikota 2 yesibini iphele ngama-31 kuDisemba 2018	5
Mnu Francois Barnard	MComm (Tax); CA(SA);Postgrad Diploma in Auditing; CTA BCompt (Honours); BProc	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2016 (Ikota 2)	Ikota 2 iphele ngama-31 kuDisemba 2018	5
Mnu Kerry Larkin	B Compt; ND FIS; FIIASA CIA; CRMA; CCSA	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2018 (Ikota 1)	31 Agasti 2018	3
Mnu Ebrahim Abrahams	B Com Hons	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2019	N/a	2
Mnu Pieter Strauss	B Acc; B Com Hons; CA (SA)	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2019	N/a	2
Nksz Annelise Cilliers	B Compt Hons CA (SA)	Ngaphandle	N/a	01 kuJanyuwari 2019	Ikota 2 iphele ngama-31 kweyoMnga 2017	2

12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-Zincwadi

Siyavuya ukunika ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngowama-31 kuMatshi 2019.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokuba ihambelene mbo noxanduva lwayo oluthathelwa **kwiCandelo 38 (1) (a) (ii) loMthetho wokuLawulwa kweeMali zikaRhulumente noMmiselo kaNondyebo 3.1.13**. Le Komiti yoPhicotho-zincwadi ikwanika ingxelo yokuba yamkele imigaqo yokusebenza esesikweni efanelekileyo njengoMqulu weKomiti yoPhicothozincwadi wayo, iye yalawula imicimbi yayo ngelokuhambelana mbo nalo mqulu kwaye iye yayicacisa yonke imisebenzi enoxanduva lwayo ekuwo, ngaphandle kokuba singekaluhloli utshintsho kwimigaqo-nkqubo nakwiinkqubo zocwangciso-mali.

UkuSebenza ngeMpumelelo koLawulo lwangaPhakathi

Ngokuhambelana mbo ne-PFMA nengxelo iKing IV Report engeemfuno zokuLawulwa kwamaQumrhu, uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ngesiqinisekiso esisiso sokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele kwaye luyasebenza. Oku kufezekiswa sisicwangciso esivunyiweyo sophicotho-zincwadi sangaphakathi esisekelwe kumngcipheko, uVavanyo loPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi oluhlola ukwanela kolawulo lokuncitshiswa kwemingcipheko neKomiti yoPhicotho-zincwadi ebeka esweni ukufezekiswa kweendlela zokulungisa.

Uthethwano olulandelayo lophicotho-zincwadi lwangaphakathi lwavunywa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi ze lwaqukunjelwa luPhicotho lwaNgaphakathi ngonyaka ophantsi kovavanyo. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunike ingqinisekiso ngokwanela, ukusebenza nokufaneleka kolawulo olukhethiweyo:

INgqinisekiso yoThethwano:

IziGunyaziso zoMgaqo weDPSA

ULawulo looVimba – Ugcino noLondolozo

IMibutho yeNkcubeko

ULawulo lwamaSebe kaRhulumente

IiNtlawulo eziKhutshelweyo – iiMyuziyam

ULandelo:

Ukubekwa kweliso kuKhutshelo nokuNikwa kweNgxelo

ILifa leMveli leNtshona Koloni

IiNdlela zoLwaluko

IsiCwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi sagqitywa kulungiselelwa unyaka. Imimandla yophuculo, njengoko kuqatshelwe luphicotho-zincwadi ngexesha lokwenziwa komsebenzi walo, yavunywa ngabalawuli. Ikomiti yoPhicotho-zincwadi iqhubile ukubeka iliso imisebenzi ngokuqhubekayo.

ULawulo lwaseNyakeni kunye neNgxelo yarhoqo ngeNyanga/ngeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo nokulunga kweengxelo zolawulo zarhoqo ngekota kunye neengxelo zokusebenza ezikhutshwe ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngokwemiqathango yeMithetho yeCandelo loLawulo-mali kunye neCandelo loMthetho weNgeniso.

Ukuvavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Izihlolile ze yazixoxa iiNgxelo zoNyaka zeMali eziphicothiweyo eziza kubandakanywa kwingxelo yoNyaka, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) kunye neGosa eliNika iNgxelo;
- Iyihlolile iNgxelo yoLawulo ye-AGSA kunye neempendulo zoLawulo ngoko;
- Izihlolile iinguqu kwimigaqo-nkqubo yokubalo lwemali kunye neendlela njengoko kunikwe ingxelo kwiiNgxelo zoNyaka zeMali;
- Iluhlolile ulungelelwaniso lwemathiriyeli olunomphumela ovela kuphicotho-zincwadi zeSebe.

Uhambelwano

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iindlela zeSebe zohambelwano kunye nezibonelelo zomthetho nezommiselo.

IiNkonzo zeNkundla zePhondo

IiNkonzo zeNkundla zePhondo isinikezele iinkcukacha zolwazi. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iBeka iliso kwinkqubela phambili kwiingxelo zePFS rhoqo ngekota. Akubanga kho micimbi eziswa kwingqwalasela yethu edinga ukunikwa kwengxelo okungaphezulu yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

Ingcaciso yokusebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko kuxeliwe kwiNgxelo yoNyaka.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ithe, rhoqo ngekota, yavavanya isicwangciso somiliselo lweSebe kulungiselelwa imiba yophicotho-zincwadi ephakanyiswe kunyaka ongaphambili. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene ne-AGSA ukuqinisekisa okokuba akukho imiba engasonjululwanga ethe yavela kuphicotho-zincwadi olulawulayo. Imisebenzi yolungiso kokufunyenweyo okucalulweyo okuphakanyiswe yi-AGSA ibekwa iliso yiKomiti yoPhicothi-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyahambelana yaye iyayamkela imbono ka-AGSA ephathelelene neeNgxelo zoNyaka zeMali yaye icebisa okokuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali ziphicothiweyo zamkelwe ze zifundwe kunye nengxelo yabo.

